

UJULIUS CAESAR

Ngu William Shakespeare



822
332
JULI

Uguqulelwe esiXhoseni
Ngu
B. B. Mdledle, B.A.

XHOSA



LINEAR LIBRARY

C01 0058 9788



P16

UJULIUS CAESAR

NgWilliam Shakespeare

Uguqulelwe esiXhoseni
NGU B. B. MDLEDLE, B.A.



JOHANNESBURG
THE BANTU'S PUBLISHING HOME

822-332 Juli

70/4054

Isalathiso

	Iphepha
Intsusa-mabandla	v
Intshayelelo	vii
Abathabatha inxaxheba emdlalweni.. .. .	xxiii
Umdlalo	1-85
Inkcazo yamagama neentsingiselo zawo	86-87
Izicatshulwa kuPlutarch kaNorth	87-111



Intsusa-mabandla

Mzi kaNtu, emva kwethuba elide ndakhe umkhanya, ndibukele amadodana neentokazi zaseAfrika ziguya ziqamba kule nkundla kaNtu, ndithe namhla mandikhe ndinithululele olu gadla, ukuze nithi xa nilele ngamacala ezindlwini zenu, niqhunyiselwa yimisi yamadaka, okanye nithe ngcu ngancelan' inye kuloo miqobo nibulawa lungcume, nithe mba iingcango ngokoyika inyebelele, nikroqa ugcado, seniman' ukuthi ukuzinqakula ezo nkozo zishushu nixel' isele linqakula iimpukane, xa nimiwa yimiqa yamanzi, neyezangcozi namahasa, yimi-xhaxha nemivubo, ziisophu noqhumatana, lutshongo neengxangxa, nithobe ngolu gadla.

Ndiniguqulele uJULIUS CAESAR kaShakespeare imbongi yasemaNgesini—hayi gxebe iimfundi zithi yeyezizwe zonke kuba izinto azibhalayo ziyamkeleka kuzo zonk' iintlanga, nakuzo zonk' izizukulwana, kuba umongo wento ayibhalayo uhlalele imo yomntu, abe ke umntu phantsi kofele emnye.

Bekungasizathu sini ke ukuba nina mzi kaNtu ningaxhamli, nixhapse kobo buncwane njengabanye? Incwadi endiyisebenzisileyo kolu guqulo yehlelwe nguMnu. A. W. Verity, ndacaphula kakhulu kuyo ezo nto zibonakele kumngathi ziya kuba luncedo kuni ndlu kaKhushe.

B. B. MDLEDLE,
LOVEDALE.
October 1956.

Intshayelelo

I

Ixesha lokupapashwa nokubhalwa kwalo mdlalo

UJulius Caesar waqala ukupapashwa ekwazini kwethu ngowe-1623, kwiFoliyo yohlelo lokuqala lwemidlalo kaShakespeare. Akukho bungqina bubonisa ukuba wakha wakhutshwa ngaphambili kwiKwarto.

Umdlalo wawubhalwe mhlawumbi ngomnyaka we-1601. Obona bungqina buqinileyo ngokuphathelele kwixesha lokubhala sisiqendu esibhalwe nguWeever kwi**Mirror of Martyrs**, incwadi ke leyo eyapapashwa ngowe-1601:

“Isihlwele esineengqondo ngeengqondo sasithinjwe
Yintetho kaBrutus yokuba uCaesar ubethand’ udumo;
Awathi uMark Antonie oliciko wabonisa.

Ubulungisa bakhe, yangubani ke, ngaphandle kuka-
Brutus obekhohlakele?”

Kufanelekile ukuyijonga le migca njengejongise kwi-
Ndima III,

Umboniso 2 ku**Julius Caesar**; asazi ncwadi yimbi ingaba
isingise kuyo.

Uhlobo lokubhala, iivesi, nomoya wakhe wonke u**Julius Caesar** ngoweli thuba 1600-1601 kwiincwadi zikaShakespeare. Kuphawuleka ukuba umdlalo lo awukhankanywa nguMeres kwi**Palladis Tamia**, ngowe-1598.

Esinye isiqendu esingathi sinentsingiselo kwixesha eli
sisixa kwizibongo zikaDrayton, *The Barons’ Wars*, ngowe-
1603:

“Waye ngumntu onjalo, ngaye singathi ngokomeleleyo,
Kulowo umoya wawuphangalele, onke amandla okula-
wula evana,

Kuye eluxolweni iziqalo zezinto zahlala zonke
Zixutywe ngohlobo, lokuba kungabikho esinye esibek’
ityala esinye;

Njengoko zonke zazilawula, kanti zonke zazithobela:

Umoya wakhe obukhali wawungenasithintelo,
Kangangokuba kwabonakala ngathi amazulu ukuqala
kwawo ukwenza umfuziselo wakhe,
Kuye abonakalisa ukufezeka emntwini.”

Ezi vesi ziyelele kakhulu kwintetho kaAntony yokugqibela
(v. 5.73-75) phezu kwesidumbu sikaBrutus, ke njengokuba
kushicilelo olulandelayo lwe'Barons' Wars' esi siqendu sagu-
qulwa semiswa ngandlela yimbi, eyatsho imfano yakhula ka-
nye; loo nto isinika ingqondo yokuba nguDrayton asinguye
uShakespeare owayezama ukulinganisa. Asingede ke noko
siyisonophele kangako imigca kaDrayton, xa nje sinendawo
ecace kangaka kwiMirrors of Martyrs, esibek' endleleni ukuba
simfumanele indawo uJulius Caesar emva kweTwelfth Night
(1600-1601) ngaphambili kancinane kuHamlet (1602), akho-
kelela kuye ngeendawo ezininzi.

Ukuhlangula kukaShakespeare kuPlutarch.

II

Umthombo athe uShakespeare wakha kakhulu kuwo
ekubhaleni kwakhe uJulius Caesar kukwinguqulo kaNorth
yencwadi kaPlutarch ebizwa ngokuba **Bubomi**'. UPlutarch
wayengumbhali womGrike wenkulungwane yokuqala “ku-
Nyaka weNkosi.” Wabhala ke ngobomi bamaGrike nama-
Roma amaninzi odumo. UJaques Amyot, iBhishophu yase-
Auxerre yaguqulela kwisiFrentshi ezinye zezi ncwadi. Kule
nguqulelo esiFrentshini, kungekuso isiGrike sikaPlutarch,
ezi ncwadi zoBomi zaguqulelwa esiNgesini nguMhlelazi
uThomas North. UPlutarch kaNorth (njengoko akholisa
ukubizwa njalo) wapapashwa ngowe-1579; ukuphindwaphi-
ndwa kwakhe ukushicilelwa kubonisa indlela awakholisa nga-
yo eluntwini. Yamnika ke uShakespeare into yokubhala kwi-
midlalo yakhe emithathu yamaRoma, eyile: uJulius Caesar,
uCoriolanus, noAntony benoCleopatra.

UBomi athe uShakespeare ngokukodwa wahlalela bona
xa ahlangulela uJulius Caesar wakhe bobukaCaesar, noBrutus,
noAntony; ke uncedo alufumeneyo lungahlulwa phantsi
kweentloko ezintathu. Ufumene kuPlutarch kaNorth.

- (1) Lonke ibali lomdlalo;
- (2) Iincukacha ngokubhekiselele eziqwini zabanye ba-
bantu athetha ngabo apha emdlalweni;
- (3) Iindlela ezithile zokuthetha nokuchaza into nokuba
ngumntu.

(1) Into yokuba lonke ibali lika**Julius Caesar** lithatyathwa ku**Plutarch** iya kuthi icaciswe “zi**Zicaphulo**”, esiza kuzinika kamva. Njengemilinganiselo yokuxhomekeka kuka**Shakespeare** ku**Plutarch** ezi ziganeko neencukacha zilandelayo zomdlalo zithi ziphawuleke ngokukodwa:

ILupercalia nokunikelwa kwesitsaba ngu**Antony**: incoko ebe phakathi ko**Brutus** no**Portia**: imibono emibi eyandulela ukuwa kuka**Caesar**: izibongozo zika**Calpurnia** nezicengo zika**Decius Brutus**: izilumkiso zika**Siyazi** nezika**Artemidorus**: ubugebenga: isiqhazolo sentetho ka**Antony** nokufundwa komyolelo: ukufa kuka**Cinna**: umbono wesiporo: idabi lase**Filipi**: ukufa kuka**Cassius** nokuka**Brutus**.

(2) “Ngeencukacha zeziq” ngokubhekiselele kwabo bathabatha inxaxheba apha emdlalweni kuthethwa iingongoma ezinje ngezi: Isifo “sokuwa sika**Caesar**” nokuba neenkolelo kwakhe: ukuthanda imihlali kuka**Antony**: ukuthandwa kwesi**Grike** ngu**Cicero**: “ukukhangeleka kuka**Cassius** ebhityile, elambile,” “uratyazo lwamehlo akhe,” izimvo zakhe zisekwe phezu kobulumko buka**Epicurus**, nobugcabevu bendalo yakhe: ukuthanda ukufunda kwakunye nobulumko buka**Brutus**.

(3) Ukudibana kwamazwi ku**Julius Caesar** nawenguqulo ka**North** kubonakala futhi. Singade sicing’ ukuthi u**Shakespeare** makabe wawubhala lo mdlalo ibali lo**Bomi** lisakhenkceza engqondweni yakhe, ade mhlawumbi engaqondi, aphinde iindawo ezithile abezifundile. Nanzi ke ezinye zezi ndawo zidibanayo.

“Eneneni, bathi ii**Ngwevu** ngomso

Zifuna ukummisela u**Caesar** abe yikumkani;

Waye eza kuthwala isitsaba sakhe elwandle nasemhlabeni, Kuyo yonke indawo, ngaphandle kwalapha e**Itali**.”

I:3:85-8.

“Babekulungele . . . ukumbhengeza njengekumkani yawo onke amaphondo akhe o**Mbuso** wase**Roma** ongaphandle kwe**Itali**, kwanokuba uya kusithwala isitsaba sakhe kuzo zonke ezinye iindawo elwandle nasemhlabeni.” **UBomi bukaCaesar.**”

“Kummi ngamnye wase**Roma** unikela,

Kumntu ngamnye amashumi asixhenxe anantlanu eedrachma.

Ngokungaphezulu, unishiyele zonke iindlelana zakhe, Imithi yakhe, nemiyezo esandul’ ukutyalwa, Nganen’apha kwe**Tayibha.**” III:2:246,247, 252-4.

Wanikela emyolelweni wakhe kummi ngamnye waseRoma 75 eedrachma indoda inye; waza izitiya zakhe nemiyezo wayishiyela abantu, awayeyilime kweli cala lomlambo weTayibha.

UBomi bukaBrutus.

“Umbek’ ityala wambek’ ibala uLucius Pella.” IV. :3:2.

“UBrutus wambek’ ityala wambek’ ibala uLucius Pella”.

UBomi bukaBrutus.

“Ekubuyeni kwethu eSardis, kwibhanile yethu ephambili Kuriwule iinkozi ezimbini ezinamandla.” V: I: 80,81.

“Kwafika iinkozi ezimbini. . . zachopha kwezona bhanile zimbini ziphambili.” **UBomi bukaBrutus.**

“Uzimisele ukuthini ke?” V : I : 100.

“Uzimisele ukuthini ke.” **UBomi bukaBrutus.**

“Intsalela yawo onke amaRoma, hamba kakuhle.” V:3:99.

“Walila ngokufa kukaCassius, embiza ngokuba uyintsalela yawo onke amaRoma.” **UBomi bukaBrutus.**

UJulius Caesar ngoko akanguwo umzekelo obonisa ubuchule bukaShakespeare ekuqulunqeni umdlalo neziganeko. Ngaphandle kokulungalungisa abantu nokwakha izibongo, kusekusebenziseni izinto azixule kuPlutarch apho abonisa khona ubugcisa bakhe. Uthabatha ukugetyengwa kukaCaesar nokuziphindezela kwakhe njengomongo, aze ke akhethe kuphela ezo ziganeko zinentsingiselo kwinjongo yakhe, azisondeze ngohlobo lokuba ziphefumlelane, akushiye konke okukwibali likaPlutarch okungenanto yakwenza nale njongo. Isiphumo soku ke ngumsebenzi othungelene kakuhle, uphefunyulelwa kuwo onke amabanga awo yingcamango enye eyintloko ewutsho uvakale untonye umdlalo lo. Esi siqhamo ke sifumaneka nangokuthi ngamanye amaxesha akhe angalilandeli ibali njengoko linjalo. Nanzi ke iindawo ezinjalo:

(1) UShakespeare umbonisa uCaesar elufumana uloyiso lwakhe kwisithuba somhla **weLupercalia** endaweni yokuba sibe kwiinyanga ezintandathu ngaphambili.

(2) Ukugetyengwa kukaCaesar ukwenzela kwiKhapitolli, endaweni **yeCuria Pompeiana**.

(3) Ulwenzwa ugebengo, ukufundwa komyolelo, umngcwabo, isiqhazolo sentetho kaAntony, nokufika kukaOctavius eRoma zonke zibe ngamhla mnye. Ngokwembali, ugebengo lwalungomhla we-15 kuMatshi; umyolelo wawiswa

ngokuyalelwa yiNdlu yeeNgwevu ngomhla we-18 kuMatshi; umngcwabo wawukwisithuba somhla we-19 nama-20; abe uOctavius engafikanga kwada kwaba kuMeyi.

(4) Usenza iSithathu samadoda alawulayo sibe ngathi sidibana eRoma endaweni yokudibana kufuphi neBononiya.

(5) Uwadibanisa omabini amadabi eFilipi; kanti yona inyaniso isekubeni kubekho isithuba samashumi amabini eentsuku; uCassius wafa kwidabi lokuqala, waza uBrutus wafa emva kwelesibini. UOctavius wayegula ebambekile waza ke akabinakho ukuthabatha inxaxheba kwidabi lokuqala.

Inkoliso yoku kunxwema ebalini kungena phantsi kwe-ntloko eyaziwa ngokuba 'lushwankathelo.' Umbhali womdla-lo othabatha ithuba elide ukufanel' ukunikw' iintambo aguzule iindawo ezithile: kungenjalo umlembelele ungatsho ababukeli bakruquke.

Enye ingongoma ephawulekayo kwindlela uShakespeare alisebenzisa ngayo ibali likaPlutarch ikwiindawana-ndawana athi azongeze ukwenza umdla. Nanko ethabatha igawuni ka-Caesar... uAntony eyandlala ukuba ibonwe ngabo bonke, ebonisa imigrobho eyenziwe kuyo. Kwakhona uShakespeare umenza uAntony azovuyavuye iintliziyo zabemi, kuqala ukuthweswa kukaCaesar isinxibo kunye nothweso lwesitsaba olwaba nempumelelo lwayishukumisa iRoma ngemincili eyagqityelwa kudala ukubonwa kwelo; okwesibini ngokuchaza ngobuchule nkqu manxeba la enziweyo ngumngcatshi ngamnye—kanti ke wayengekho nokubakho ukwenziwa kwaloo manxeba.

Kwakhona, bona uhlobo ahlekisa ngalo ngokufa kuka-Cinna: "Mqwengeni ngenxa yezibongo zakhe ezibi"; kwakhona kwiNdima yesine khawuphulaphule ukungena kwengoma ebothoza ububi bokungaqondani kweenjengele nokubalalisa ukulungiselela ukuza kwesiporo.

Igama lomdlalo.

III.

UBrutus nguye imbalasane kuJulius Caesar, oyena mntu umi geqe ngokwezenzo. UCaesar ubonakala kuphela kwimiboniso emithathu, kanti ke nakuyo le akabonakali ethwalisa mehlo. Asiyiyo mposiso ke noko ukuba umdlalo ubizwe ngokuba unguJulius Caesar, ungabizwa ngoBrutus, kuba isihomo sikaCaesar singunobangela wayo yonke le ntshukumo, ikwasiso esinempembelelo edale kanjalo yongama

kwesi senzo. Eli yelenqe oyena mntu lijoliswe kuye ngu-Caesar: nguCaesar ogetyengiweyo, ikwanguCaesar ophindezelweyo; naxa nje ekuqhutyelweni phambili kweenjongo zomdlalo, uBrutus, noCassius, noAntony benenxaxheba enkulu nangaphezulu koZwilakhe lo, kodwa ufika abenyele ngobungangamsha bobukho bakhe naxa angekhoyo ngesiqu, kodwa ubukho bakhe buviwe. NguCaesar osesintsokothweni nophefumlela yonke le nquleqhu, kwimiboniso yamva kanti ke nakweyokuqala, kuba ukufa enyanisweni kusuke kwawakhulisa amandla akhe; kube ke inguye kuphela ongenakukhutshelwa ngaphandle kuyo.

Ukuqulunqwa kwawo.

IV.

Ukwakhiwa kukaJulius Caesar kuthe gca ngohlobo olulodwa. Kwindima yokuqala sibona intiyo eboniswa kuCaesar—unobangela nesiphumo sayo, oko kukuthi iyelenqe elenzelwa yena. Indima yesibini ibonisa ukusetyenzwa kweyelenqe, ide isibeke enyeleni yentlekele. Ekuqaleni kwendima yesithathu kwasentloko intlekele ifikelelwa ngokuphumeza iyelenqe elo. Isiphumo soko ke kukuba isohlwayo esifaneleyo ukuhlela abenzi-yelenqe sesithe thu ngeempondo, siziva ngathi siyawubona umphefumlo kaCaesar ufuna impindezelo, kunjalo kubonakale ngathi unamandla nangaphezu kokuba uCaesar ebenjalo. Ithi isiya ekupheleni indima yesithathu zibe sezibonakala iimpawu zempindezelo ngokukhutshelwa kwamasango eRoma abenzi-yelenqe. Intsalela yomdlalo ibabonisa beqeeka ngabanye. Abo baza kuphindezela uCaesar babonakala bebambisene kakuhle kanti bona abagebengi babonakala bengaqondani ngohlobo olubi nolushoba okubi kwabaza kujongana nako, oko kutsho intshabalalo yabo ehleli idandalazile iye inyukelana. Izihlobo zabo eRoma “ziphawulwe ukuba zibe ngamaxhama”: uPortia ufile: isiporo siyamvusa uBrutus, imibono eshobayo iyawothusa amasoldati: uCassius unge angaziziliza ukufunza kwelona dabi ligqib’ intetho, kwaye ngobusuku obuphambi kwalo iinjengele zenza u“sala kakuhle nanini, nanini” wazo olusizi. Isiphoso, ukungathembani, ne“Mpazamo ecaphukelekayo” (V. 3.66,67) zibalandela kude kuye esiphelweni, kude ngokuzibulala kwabo, umoya oqumbileyo wexhoba labo elikhulu uthuthuzeleke wandule “ukuzola ngoku.” (V: 5:50).

UBrutus. UShakespeare ubonisa ububhetyebhetye bukaBrutus, xa kufuneka ebonise ngezenzo ukuba ngenene ungumfo ozukileyo, usuka endaweni yoko abonise ubuqhitala, nokutyekela ezincwadini. UBrutus ngumthandi weengcamango zobulumko, nongqondo isemafini: umfo ongamango ziphezulu ngobomi nesimo somntu, ongenabuchule baku-mqonda umntu into ayiyo: umfo kanjalo onolwavela ngohlobo olulodwa nonobuethe-ethe abufihla phantsi kwegama lokuzibamba, isiphumo ke eso semfundiso yamaStowiki eneempawu zayo kuye. Wonwaba kanye xa aphephe iincwadi zakhe; zezithi iimeko zakumbeka ekubeni enze, endaweni yokucikozana nje asuke abonise ububhetyebhetye bokungakwazi ukusebenzisana nabantu, ukuziqonda iingqondo zakho, ukujongana neemeko zobomi; busuke budandalaze ubuqhitala bakhe ngeindlela eziintloni. Ngoko ke uzibonakalisa ngokuphandle njengendoda engenakumbi, iciko elingenakuzinceda lona ngokwalo nelingenalo nofifi ngeminqweno nezinto uluntu olunomdla kuzo. Lilishwa lemeko yakhe ukuba athi njengo-Hamlet abe uzalelwe kumaxesha amabi (ngabula yena) aze ke ngoko azive iyimfanelo yakhe ukuba awalungise.

Ukuzuka kwesimilo sakhe akuthandatyuzwa. Abanye abantu babubonakalisa ubulungisa babo bengazi bona ukuba benjenjalo, ke uBrutus ngomnye wabanjalo. "Ukuzuka" kubonakala kuzizela emilebeni yabo bonke abamaziyo. "Ewe, Brutus, uzukile," (1.2.312), ucinga njalo uCassius, ichule ngenene ukumbona into ayiyo umntu. "Awu Cassius, ukuba nje ube unokusizuzela.

"UBrutus ozukileyo abe kwiqela lethu," uhlahlamba njalo uCinna (1:3:141). "Gxebe, singaba esi sitya sizukileyo sizaliswe lusizi," utsho uClitus (V:5:13) esalatha kwinkokeli yabo eyoyisiweyo newe umoya. "Lo ibinguyena mRoma uzukileyo kubo bonke:" isigqibo afikelela kuso uAntony (v:5:68). Abeyelenqe baqonda kwasentloko ukuba abanakuhambela ndawo ngaphandle kukaBrutus. UCassius noCasca noCinna bonke bayakuqonda "ukufunwa kwakhe ngamandla" ngabo. Ukuba baza kwenza nto, oko mabakwenze phantsi kwesigqubuthelo segama likaBrutus. (1:3:157-160):

"Awu uxatyisiwe yena ngabo bonke abantu:

Kwaye, oko kubonakala kuyingcaphukiso ephuma kuthi,
Ubuso bakhe, njengomlingo onamandla wokuguqula
iintsimbi,

Buya kukuguqulela ebulungiseni nasesidimeni."

UCassius amaxesha ade aba mabini, eyeka kume ngelika-Brutus, naxa izimvo zakhe bezichasene noko ngokomeleleyo, ULigarius umlandela nje ngokwemfama (II:1:311-334), Bakuba bewufincile umnqweno wabo abebhunga umsebenzi wokuqala bawusingathisa yena : “Khwel’ eqongeni, Brutus.” (III:1:84); “UBrutus uya kukhokela” (120). Ifuthe lakhe ngalinye longamile, laye ilifuthe eliphuma kwisimilo esiluzuko lungathandabuzekiyo, nolubanyanzela abanye ukuba bazilahlele ekumthobeleni, ngokokude uBrutus abe nokuthi (v:5:34,35):

“Intliziyo yam yonwabile ukuthi kanti kubo bonke ubomi bam

Andifumananga mntu uthe akanyaniseka kum.”

Iinzuzo zesiqu azithethi nto—ngenene azinandawo—kwiinjongo zomntu ololu hlobo. Ilitha elimkhokelayo bubunyaniso bento. UCassius nabanye basunduzwa ikakhulu “kukumonela ingangalala uCaesar.” (v:5:70). UBrutus “akanasizathu sasiqumcekisa.” (II:1:11): endaweni yoku ngumhlobo kaCaesar, kuphela ukhathazwa “kukubethabethana kwezimvo” (I:2:40). Kodwa ukuba uyamthanda u-Caesar kakhulu, uyithanda iRoma ngaphezulu (III:2:23); ke usizi “ngokonakaliswa kwabantu jikelele” lusunduzwa usizi lwakhe analo kuCaesar, kwanjengokuba umlilo usunduzwa umlilo (III:1:170,171). NjengomRoma—“iRoma” nokuba “ngumRoma” ezo nto ziba soloko zisemlonyeni kuye—nje-ngoBrutus umzukulwana walowo wagxotha “iTakwini” unyanzelekile ukuba aliphulaphule izwi lothanda izwe lakhe naxa oko kuchasene nezimvo zakhe zesiqu, angasindisi mhlobo wakhe angazisindisi naye ngokwakhe. La mandla angenamda kaZwilakhe ayayaphula loo“nkululeko” uBrutus anenkolo yokuba yeyona nqobo kwintlalontle eRoma, ekungathi kulandele ububi obungaphezulu xa anokuthi uCaesar “athweswe isitsaba” (II:1:12-34); kuba kungathi “oko kuyiguqule imo yakhe,” kumkhokelele “emalandalahla” enkohlakalweni. Ngoko ubuhlobo mabuncanywe. Ongqondo isemafini akazi nto ngo ‘ina-ethe’abe ke uBrutus njengongabuyi mva kuyo yonke into ayiphetheyo, akayi kwanela zizinqamka.

Ukanti zona eziphathekayo zokuzilungiselela zingaphaya kwamandla akhe ukuba angaziphumeza. Uliqhitala ukuphumeza ngezenzo, ibe imbangi yobuqhitala bakhe isuka kubudenge bakhe ekufundeni umntu. Akakwazi ukuthelekelela ukuba abanye abantu baya kuqhuba olu hlobo noluya kwano- nokuba izenzo namazwi akhe zophuma kwintoni na kubo.

Uzitolika kakubi izimilo zabantu phantse bonke adibana nabo. Khawubone uhlobo amtolike ngalo uMark Antony (II:1:181-185-189), engaqondi ukuba imikhwa yokuthanda imihlali yeli "gubusha nethanda-mihlali" ingena ngokuthe gingci emicimbini: impazamo ke leyo ekwaneleleyo yona ngokwayo ukubawisa bhuma abeyelenqe. Umtolika kakubi uCasca (I:2:299,300). Uwutolika kakubi umxukuxela, asuk' athi xa athetha nawo axoxe ngokungathi elowo nalowo kuwo ukhe waqeqeshwa njengencuba-buchopho (III:2:12-52). Umtolika kakubi umkakhe, ezikhohlisa ngokucing' ukuthi unokukufihla ukungazoli kwakhe kuye (II:1:257). Akaboni ukuba uCassius uyamnywalaza (I:2:319) esebenzisa iimpembelelo zakhe nje-ngeqegu lokuphumeza inzondo yakhe kuCaesar.

Umntu ke oyiswele kangako ingqondo yokwazi iimbilini zomntu umelwe kukuwa bhuma akuyishiya indlu yakhe yeencwadi eya kuphatha ngesandla. Uya kuman' ukuqonda ukuba ilizwe lezinto eziphathekayo lelinye kweliya lokuman' ethabatha ebeka amabhongo akhe namaphupha akhe ngento umntu ayiyo afumane ngamava ukuba konke bekungama-mpunge.

Ngoko ke singatsho ukuthi inxaxheba ethatyathwe ngu-Brutus kulo mcimbi weyelenqe nesiphumo salo "ibe lukrozo lweziphoso kwizinto eziphathekayo." Walile ukuba uAntony agetyengwe kunye noCaesar (II:1:162-189). Umvumele u-Antony ukuba enze intetho emxukuxeleni (III:1:231): nanga-phezulu umvumele uAntony ukuba kugqibele yena ukuthetha aze yena athi akugqiba ukwenza intetho yakhe ephuthileyo asuke ahambe (III:2:66) ethembe izwi likaAntony lokuba akayi "kubabeka tyala" (III:1:245) abeyelenqe. Uphantse uku-bambana ngezandla neqabane lakhe (iv:3); kume ngaye ukuba imikhosi iye eFilipi (iv:3); edabini "ukhawulezile ukufunza," wawayeka amasoldati akhe athabath' ixhoba, akayanga kuyi-ncedisa injengele eliqabane lakhe (v:3:5-8). Isenzo sakhe ngalinye "yiNtlekele yeZiphoso."

Kanti ke noko, inkoliso yazo, makuqondakale, ziziphoso zomntu olungileyo, naxa enolwavela kangakanje, ovume uku-singatha umsebenzi ongaka engathanga kuqala asithelekelele isiphumo sawo. UBrutus wayemel' ukuqonda kwasentloko, ukuba ugebengo lukaCaesar lusemfanelweni, ke zonke ezinye izenzo zobundlobongela nentswela-bulungisa ezibangwe lolo gebengo zisemfanelweni nazo. Endaweni yale nto nanko esenza isenzo esimanyumnyezi soge-bengo, kanti uthi uzama ukulandela isazela sakhe sokungabi nakhethe nesobulungisa;

ke ngoko ngokubangwa ngeliny' icala sisazela esingenamsebenzi, ngeliny' icala kukuswel' ukuqonda izinto zentlalo, weyela kwingozi emva kwenye ngokwempumputhela, ezityhila ngokuzityhila ukungakufaneli kwakhe ukwenza oko ithe imeko yakubeka ezandleni zakhe ukuba akwenze.

Njengoko sibazi ubuphantsi nokusweleka koqiso kwisenzo sokugebenga uCaesar—siphantsi kuba intsusa yaso ngumona, siswel' uqiso ngokuba nabo basenze ngomoya ongasunduzwa bubu baxhamfulana nento engenakwenzeka kwimizamo yabo ukuvus' intlalo endala ye 'repablik' yaseRoma—ngoko uvelwano lwethu alufezekanga kuBrutus kwintlekele emhleleyo; noko ke ngokuphathelele esimilweni sakhe uncomo lobuciko bukaAntony lusoloko lungenakubekwa bala (v:5:73-75)

“Ubomi bakhe bebunobulali, ezo zinto zakha umntu Bezixutywaxutywe kuye, ngohlobo lokuba iNdalo ibe nokuqumama

Ithi kulo lonke ihlabathi, “Ibiyindoda le!”

Isimilo sakhe sifika senziwe sibalasele ngokukodwa saku-thelekiswa nesikaCassius, indoda yezenzo eziphathekayo ngenene, eyaba soloko ikulungele ukulilwa ihlabathi kwangezixhobo zalo, ingathintelwa zizazela eziethe-ethe njengoko sibona kwiindlela zakhe zokwenza imali (iv:3).

UCassius. Umahluko okula madoda mabini ubonakaliswa ngokukodwa yinto yokuba eyona nto ikhwezelele uCassius ukuba angene—gxebe aqale—eli yelenqe luxanasi analo kuCaesar. Le njongo idandalaze kwasentloko. Bona kwakwincoko yakhe yokuqala noBrutus uhlalele umahluko ophakathi kwemeko yakhe yobudwayi yakuthelekiswa nobungangalala bukaCaesar (1:2:115-118):

“Lo mntu ngoku

Usuke wasisithixo, abe uCassius

Eludwayi lwento, ekufuneka ide yavova,

Xa athe uCaesar wanqwala kuyo, ngonqwalo olungaphethe nto.”

Uxanasi luzibonakalisa ngokuphandle kwintetho elolo hlobo; ke uthemba ukufumana masithi ukukhwezelela uxanasi olunjalo nakuBrutus (I:2:142-147).

NguCassius lo athi ngaye uCaesar (I:2:208,209):

“Abantu abanje ngaye abazanga bazola emphefumleni Besabona kukho abakhulu kunabo;”

Kuyinyaniso, injongo yesibini eyadudula uCassius, kukuthanda inkululeko nemfaninye ebuchasileyo “ubukhoboka”

(1:3:90) obuthiwe zinzi phezu kwabo “lulawulo logonyamelo” lukaCaesar (I:3:99) **Thelekisa.**

“Bekulunge ndingekho kanye kunokuba ndihlale ndiso-yika

Into efana nam lo.” (I:2:95,96.)

Ukuba umthiyile uZwilakhe njengomntu nje, umthiye ngaphezulu ngolawulo lwakhe logonyamelo. Noko le njongo yerepablik ayinamandla njengale yoxanasi olungcolileyo. Naxa nje uBrutus eneenjongo eziphakamileyo, ulwazi lwezinto eziphathekayo neliso elizanzolo ekufundeni isimo somntu nguCassius onazo—“Uziphawula kabukhali izinto, waye ekhangela ngokunzulu kwizenzo zabantu.” (I:2:202,203). Ezi mpawu zibaluleka ngokukodwa kwindlela ajonga ngayo uAntony, osimilo uBrutus simphosayo mpela ukusitolika ngendlela. Kuqala, uCassius ubona ingozi ekumsindiseni uAntony (II:1:155-184). Kwakhona lakuba liphunyeziwe iyelenqe, akayilibali indawo yokuba kusenokwenzeka ukuba uAntony abamise bume (III:1:95) uvakalisa kwakhona “amathidala” akhe ngomhlobo kaCaesar (145); kodwa ke, njengoko uAntony esasindisiwe, umvelela ngendlela eyothi ithandekwe kuye (177,178). Uthi ke azame ngobulumko ekumduduleleni uAntony ukuba enze izwi elicacileyo ngobuhlobo okanye ngobutshaba bakhe kumcimbi wabo (III:1:215-217), ukuze bayazi indlela ema bamthabathe ngayo; elokuphetha, uyibona ngoko nangoko (231) imposiso engathethekiyo eyenziwa nguBrutus ekusamkeleni isicelo sikaAntony sokuba avunyelwe athethe emngcwabeni kaCaesar. Kwibanga ngalinye ingqondo kaCassius yokuqhelana nemicimbi imbeka endleleni eyiyo, itsho sidandalaze ngokukodwa isimo sikaBrutus sokungazani nezinto, engenamacebiso konke anokuwenza, okanye othi apho akwenze khona oko ayiloze kanye.

Zikho ke ezinye iziganeko ezibonisa oku ebezisenokukhankanyeka. Uyaqonda ukuba uCassius akakhohliseki kukuthetha phandle kukaCasca (I:2:301-306). Nguye asingoBrutus umqulunqi weyelenqe eli (ayintloko nje uBrutus efunekayo). Nguye ovelisa indawo yokuba bamngenise uCicero ebhungeni labo (II:1:141,142), obuciko bunge buwexulele umxukuxela kwicala labo, ayigqwese intetho kaAntony. Nguye obenamanakani okokuba uCaesar usenokuthinteleka angaphumeleli ukuza kwiNdlu yeeNgwevu—into leyo ephantse ukuphuma kuloo nto, eyayiya kutsho liphuthe iyelenqe elo. Njengenjengele, unika icebiso elililo (iv :3:199-202), lokuba balulinde uhlaselo luvele elutshabeni kuqala, bangashiya

iindawo asebegongqile kuzo, babeke esichengeni konke ngedabi elinye kwilizwe lasemzini kubo. UCassius, ngalinye, uzibonakalisa enengqondo, kuqala njengomenzi-yelenqe, kanjalo njengesoldati, xa yena uBrutus eyimfundi nje yeencwadi.

Kanti ke noko kunjalo lilizwi likaBrutus elongamayo xa bakunye. Nanini na bakungaboni ngokufanayo, uBrutus ongajikiyo kuma ngaye. UCassius unokumoyika anako lowo ungasentla kuye ngesidima, umhlobo lo wakhe ke. Ukuzazi kwakhe ukuba ungaphantsi kuye kumenza abe nokuzibamba. Indili kaBrutus iyenza indalo yakhe eneentloni izifumane ineentloni, ithi, ingaqondi nje yona, izifumanise isenza oko kulungileyo kuye. Oku kucaca ngokukodwa njengoko sisiya ekuwusongeni umdlalo lo: bona kuxhwithwano lwabo (iv:3) ngokubhekiselele kuLucius Pella, xa umsindo ongenalulawulo kaCassius—owenziwa mhlawumbi kukufuna ukufihla ubugwenxa bakhe—indawo yawo ithatyathwa kukuzithoba okungxengxezisayo; kwakhona kulo mboniso (v:1:93-126) wobuliswano phakathi kweenjengele ngentsasa yedabi, xa aziphatha ngesidima esifanele uBrutus ngesiqu. Ngamaxesha anjalo ke ukugudlana ngamacala nomntu ozukileyo kunaye kuphaka-misa eyakhe indalo ephantsi isuleleke ingaqondi bubulungisa. Kwa into yokuba uCassius aphembeleleke lifuthe elinjalo—oku nokuzilahlela kwakhe ekumthobeleni uBrutus, kudibane ke nokuthanda kwakhe inkululeko, ukhalipho lwakhe, ingqondo yemvelo, ezi zinto zimenza “umdlungu odlekayo” noko.

UAntony. Noko asiyikude sinabe ngaye njengoko senjenjalo ngoBrutus, abonakalisa ukwahluka mpela kuye, kwananjengokuba senjenjalo ngoCassius aneendawo eziliqela afana naye ngazo. Isimilo sakhe asinabugontsigontsi kanti sithe tha ngendlela yaso. Iziphene zikaAntony ziphandle. KwanjengoCassius akanasazela santo simthibayo ekwenzeni into, Esi sikhwasilima sibonakala ngokukodwa kwintetho yakhe ngokuphathelele kuLepidus (iv:1:11-40). Ulukhupha ngokuphandle uluvo lwakhe kuOctavius ngeenjongo zakhe zokumsebenzisa uLepidus “njengempahla” yokuphumeza iimfuno zabo. ULepidus makambathe ingubo yocatshukelwa kunye nabo ngenkqubo yabo aze kodwa angaxhamli yena kubuncwane beziqhamo: makenze umsebenzi wabo om-daka nongathandekiyo aze emva koko akhatyelwe phaya, xa bona baxhamla ubuncwane bemisebenzi yakhe. Ukuphatha umntu enisebenza kunye ngaloo ndlela kucekiseka ngokulizithe, aze ke umntu onganeli kuyicamanga nje engqondweni lakhe kodwa ayikhuphe ngomlomo wakhe makabe wafelwa

kudala yinto ekuthiwa sisazela. Kwalo mboniso umbonisa uAntony kwenye into apho angayikhathalele konke lento ibubulungisa. Kwisiqhazolo sentetho yakhe kumxukuxela wahlala wazinza phezu komyolelo kaCaesar, watsho lahloba igazi lawo, wafun' ukwenz' into kubangcatshi, ngokuphinda-phinda echukumisekile ngeziphho zesisa ezenziwe nguCaesar ngomyolelo kwiRoma: ngoku (iv:1:7-9) ulangazelela ukunga angabona ukuba akukho zindawo zingaguzulwayo na. Ukuze bangahlawuli iindleko zelifa, ezo ndawo zinjalo maziguzulwe. Kwakhona kule ncoko ubonisa inkohlakalo yakhe ngokwananisa ngobomi bomtshana wakhe kungekho nento ethi thiki kuye. (iv:1:4-6).

Kambe ke naxa abonakalisa ukufelwa sisazela nje, nokukhohlakala nokuthand' imihlali uAntony, kukhulu okuncomekayo nokuthandekayo kuye. Umfo lo unemigudu, ukhaliphile, unamandla okuzithemba, iinto ke ezo ezimtsho abe nomtsalane. UAntony akakhe abonakalise kukudideka engqondweni. Kwawubone xa abangcatshi bemmemela kwi-Khapitoli emva koge-bengo, kuqala ukuthabatha oku ukuba makube kuza kuba lithuba lakhe ngoku ukugetyengwa (III:1:151-163). Kodwa intetho kaBrutus elulwimi lumnandi, nezama ukumthenga kaCassius (III:1:177,178) zimbonisa ngokuphandle ukuba usenokwananiselana nabangcatshi—okwethutyana—abusindise ubomi bakhe; ngoko akaliyekeli eli thuba limphuluke, wenza isivumo sokuba ukulungele ukusebenzisana nabo, abakhohlise ke ngendlela elumkileyo kwanjengokuba kamva esenjenjalo ukubhida umxukuxela. Enye into embalulayo kukhaliphho nokuqava kwakhe, gxebe, kungethuba lomngcwabo kaCaesar (III:2); kwakhona uzibonakalisa apha ukuba nomhlaba onyukayo awumenzi nto. Uyababona abemi ukuba bangecala likaBrutus: uyabeva bedanduluka “Phila Brutus, phila, phila!” kanti ke nanko enyuka iqonga ngokungathandabuzi ajongane nomxukuxela onobumpi. Uthi kwasentloko azimisele ukuwuwexulela kwelakhe icala, ayiphethulele ingqumbo yawo, kubenzi-yelenqe, uwuphumeza umnqweno wakhe ngobugcisa obungathethekiyo, obunganele kumbonisa njengendoda engenangebhe kodwa, xa ajongene nengozi, kodwa kwanaloo ngqondo yendeleyo ekufundeni indalo yomntu, into ke leyo awayeyiswele uBrutus. UBrutus uzamile ukuwuqononondisa umxukuxela “ngezizathu,” ngobuciko obulungele iinkcuba-buchopho. UAntony ubhenela entliziyweni, eqonda nje ukuba eluntwini yeyona nto inomtsalane kuneentetho eziphakamileyo ezisemoyeni,

ngoko ke uhlalela izenzo ezenziwe nguCaesar ezibonwa nalusana olusebeleni, ezenzela iRoma, ahlalele uthando abenalo ebantwini njengokuba umyolelo ubonisa, nosizi lokuphetha ubomi bakhe ngale ndlela. Kwangoko kuthe gubungu iinkungu zengqumbo ezitsho zawatshayelela phaya loo mazwi kaBrutus.

Kukho nto iqaqambileyo ngokuzithemba kwakhe, ngokhali, nangengqondo ebukhali, izinto ke ezo ezinokuthi kwiimeko ezinobungozi olu hlobo zibe nempumelelo enje. Kwakuba nje ke umntu uziva efun' ukuthi yingwanzilili le enemigudu, eyaziyo into eyifunayo nethuba lokuyizuzisa, nokuba izikhubekiso sezizininzi ngayiphi na indlela. Sonke esi siganeko siyabasondeza uBrutus noAntony ukuze omnye abonise ubuqhitala bomnye.

Nangaphezu kwayo nayiphi na enye into simthanda uAntony ngokuzilahlela kwakhe kuCaesar. Akukho bu-
nkwalambisa ngaloo nto. "Uthando lwakhe lwendele" (II:1:184) lwaye lungafihlakali naphambi kweentshaba zika-Caesar (III:1:194-210). Lufika luzibalule xa uAntony ayedwa nomzimba omajaja ligazi (III:2:254-257). Umnika amandla kwisigqibo asenzileyo sokumphindezela uCaesar. UZwilakhe akusekho bulungisa angabenzela uAntony; iintshaba zakhe zoyisile, ke ubulumko busekuhambeni nenkqubo yazo kuthengwa ubuhlobo. Kodwa uthando analo kofileyo lubutyhalela phaya ubulumko lumhlozingele ekubeni ayibone kakuhle imfanelo yakhe ukuba isekuphindezeleleni uCaesar, aze ke ngoko azenze idini kuloo mfanelo. Ke ukuzilahlela kwakhe kuCaesar kusibonisa uAntony (sitsho sizilibale iziphene anazo) kwanjengokuba uCassius ezilahlele kuBrutus. Abo bathi babubone babuncome ubukhulu omnye umntu athi abe nabo, baze bazithobe phantsi kwabo, abanakuba msulwa kwintlantsi yobukhulu bona ngokwabo.

UJulius Caesar. UShakespeare noko akamenzanga indangandanga uCaesar. Kuyinyaniso khona ukuba isiqu sika-Zwilakhe sinobungangamsha obuthile kodwa bubungangamsha obudodozayo. Ubudala buwafincile amandla omzimba, igunya analo liyonakalisile indalo yakhe. Akayiyo kuJulius Caesar apha laa ngqayingqayi yoyisa iYurophu yaseNtshonalanga, kodwa "nguCaesar olixhego, osinyayo, ophelalwayo ngamandla engqondo nawomzimba."

Phawula ikratshi nokuzigasa kwakhe. Uzigwagwisa ngokuba yena unobungozi kunengozi ngokwayo (II:2:44,45); wazi umntu mnye obambe indawo yakhe ngokungenasisihla

kulo lonke ihlabathi—lowo nguye (III:1:68-71); uthetha futhi (thelekisa. II:2:10;29:44) ngokungathi “uCaesar” umele sithixo sithile; akanakuphosisa—“uCaesar akenzi bubu” (III:1:47). IiNgwevu “ziiNgwevu zakhe” (III:1:32); naxa nje intlanganiso iza kumiselwa eliny’ ixesha ngenxa yakhe, akanakho noku-zithumela izwi ngembeko (II:2:71,72). Uyabasika abagosi-siweyo ebugoseni babo ngenxa yento ekhathaze yena siqu (I:2:288-290). Usala isicelo sikaMetellus ngendlela ekrwada (III:1:46).

Unabo bonke ububhetyebhetye bokungemi ntwen’ inye: iwexuwexu elilala neli livuke neliya; uthetha oku kuCalpurnia athethe okuya kuDecius, kanti ngalo lonke elo xesha uzingca ngokungashenxi kwinto ayithethileyo (III:1:60); uzenza umntu ongathi uchasene nonyhwalazo, kanti akukho “unyhwalazeka lula” kunaye (II:1:208); ubonakalisa ukuzidela iiNgwevu, kanti ubonakala esoyika ukwenziwa intlekisa kuzo (II:2:96-107). Uqhayisa kakhulu ngokhalipho, kangangokuba side simthandabuze. Ucing’ ukuthi umazi kangako umntu kangangokude amtyhalele phaya usiyazi “njengebhuda” akuba emthe krwaqu kwakanye; kodwa akabonakalisanga kubaranela abenzi-yelenqe, ngaphandle kukaCassius (I:2:192-212). Usuke wangenelwa ziinkolo “ngokwahlukileyo koko abesakuba kuko” (II:1:196). Uyakholiseka yindlela uDecius atolika ngayo iphupha likaCalpurnia kuba imncoma, imsithele indawo yokuba akayi nokuya kwiinto ezihlola okubi, akaxeli ukuthi igazi eli liphalazelwa ntoni na.

Ngokwasemzimbeni uZwilakhe selengumkhehlekhehle, osel’ uman’ ukuwa isiduli (I:2:254-256), ubuthulura (I:2:213). Eneneni uShakespeare usizobela umfanekiso wendoda ebiyi-ngangalala, kodwa eseyisethambekeni ngoku, ukanti usenza ukuba siqonde ukuba uCaesar ukhe wafikelela ebukhulwini bakhe, nezinto athe wazenza, ngokubonisa ukuba indili neempembelelo zakhe azoyiswa nakukufa. Loo mkhehlekhehle womzimba, siwubonayo, uoethwe wawa, elo lizwi likankanishe liphelisiwe; kodwa “umoya kaCaesar” uvuka useloyisweni, buze ke ngoko ubukhwa-bulima bakhe bubonakale ngathi “bebusisithintelo kumandla akhe angenamida athe akhululwa ngoku kwimixokelelwano yomzimba.”

UPortia. Ulelinye icala likaBrutus—“umfanekiso wakhe obuyekeyeke”. Kwanjengokuba engayilibali into yokuba “unguBrutus” naye intloko ithe lwale yinto yokuba (II:1:293, 295).

“Yintokazi uMhleleli uBrutus awayenza umkakhe,

Intokazi edume kakuhle—intombi kaCato.”

Ingcamango yokuba “uzalwa ngubani, abe endele kubani” imnika amandla okuzeyisa, kunoko yena acinga njalo. Kuba ke ngenene indalo yakhe kwanje ngeyomyeni wakhe inolwavela ngendlela eyodwa. Unobuethe-ethe bomfazi, njengoko sibona unxunguphalo analo ngoBrutus (II:1), kuze ukuzibamba abe nakho boyisakale phantsi kolu lwavela. Phawula ukuxhalaba kwakhe okukhulu ngentsasa abebhunga abathe baphumeza ngayo iminqweno yabo (II:4) nokuzinikela kwakhe:

“Athi ke mna, athi ke ubuthathaka bento
Intliziyo yenkazana into eyiyo!”

Ngoko akabanga nakunyamezela kude kube lithuba loku-
ba asibone isiphelo seyelenqe. Umxhathalazo ubonakala
ungaphaya kwakhe; wazilahla phantsi wazibulala iv:3:155,156)

Enye yezinto ezithandekayo **kuJulius Caesar** ngumfanekiso
(II:1:234-309) wobudlelana obuyincamisa-mxhelo bendoda
nomfazi. “Obu bunye bophefumlelwano ngokwahlukileyo
mpela kubudlelana obungento phakathi koCaesar noCal-
purnia. UZwilakhe umphatha umkakhe njengoko aphatha
ngako umntwana, kodwa yena uPortia uqavisa athi, ‘ngelu-
ngelo nendawo akuyo,’ ukufanele ukuzazi ezona ngcamango
zisezimbilinini zendoda yakhe. UBrutus umtyhilela amahlebo
athe zinzi phezu komphefumlo wakhe, ke siyazi ukuba akana-
kudizwa xa afunjathiswe yena.”

Abathabath' Inxaxheba Emdlalweni

- UJulius Caesar
- UOctavius Caesar)
- UMarcus Antonius) Abalawuli abathathu akuba efile uJu-
- UM. AEmilius) lius Caesar.
- Lepidus)
- UCicero)
- UPublius) Iingwevu
- UPopilius Lena)
- UMarcus Brutus)
- UCassius)
- UCasca)
- UTrebonius) Abenzi beyelenqe ngokubulawa kuka-
- ULigarius) Caesar.
- UDecius Brutus)
- UMetellus Cimber)
- UCinna)
- UFlavius noMarullus, amagosa.
- UArtemidorus waseCnidos, ititshala yobuciko.
- USiyazi
- UCinna, imbongi.
- Enye imbongi.
- ULucilius)
- UTitinius)
- UMessala) Izihlobo zikaBrutus noCassius
- UCato)
- UVolumnius)
- UVarro)
- UClitus)
- UClaudius)
- UStrato) Izicaka zikaBrutus.
- ULucius)
- UDardanius)
- UPindarus, isicaka sikaCassius
- UCalpurnia, umfazi kaCaesar.
- UPortia, Umfazi kaBrutus.
- IiNgwevu, abemi, abalindi, neempelesi, njalo ke.

Umboniso

Inkoliso yomdlalo yenziwa eRoma; emva koko kufuphi ne-Sardis, nakufuphi neFilipi.



INDIMA I.
Umboniso I.
IRoma. Isitrato.

Kungena uFlavius noMarullus naBemi **abathile.**

UFlav. Phuman' apha! ekhaya la manqenera ezinto, godukani. Lithuba leholide eli? Yini le! anazi ukuba Njengoko ningabasebenzi, akukho nto ithi manibe nihambahamba

Ngosuku lomsebenzi ningenanto nibonisa ngayo Uhlobo lomsebenzi wenu? Kwawutsho ukuliphi ishi-shini? 5

Ummi wokuqala: Ngani, mhlekazi, ndingumchweli.

UMarullus. Iphi ifaskoti yakho yesikhumba nerula yakho?

Wenzani unxibe kakuhle nje?

Wena, nkosi, lishishini lini elakho?

Ummi wesibini. Enyanisweni, mhlekazi, ngokubhekiselele koqeqeshekileyo ngomsebenzi, ndingathi, njengoko ungatsho-
yo ndingumthungi wezihlangu. 10

UMarullus. Kodwa lishishini lini elakho? ndiphendule ngokuthe gca.

Ummi wesibini. Lishishini, mhlekazi, endithemba ukuthi ndingalenza ngesazela esimsulwa; lilw' eli, eneneni mhlekazi kukungciba iintlonze zezihlangu ezikrazukileyo. 15

UMarullus. Shishini lini, ndlavinindini? eli tshijolo lendlavini, shishini lini?

Ummi wesibini. Kuhle, ndiyakubongoza, mhlekazi, ungalwi nam: kanti, ukuba wonakele, ndingakulungisa.

UMarullus. Utheth' ukuthini ukutsho? ungandilungisa le nto inezothel! 20

Ummi wesibini. Tyhini, mhlekazi ndikuthunge.

UFlavius. Oko kukuthi ungumthungi wezihlangu. Akunjalo?

Ummi wesibini. Enyanisweni, mhlekazi, ndiphila kuphela ngenyatyhowa; andovuyavuyani namicimbi yabarwebi, 25, neyababhinqileyo kanjalo; kodwa kuko konke endikuko, ngenene, mhlekazi, ndiligqira lezihlangu ezidala; xa zikwingozi enkulu, ndiyazihlaziya. Ukuba abantu abafanelekileyo bakhe banyathele ngofele lwenkomo banyathela ngomsebenzi wezandla zam. 30

UFlavius. Kodwa kungasizathu sini ungabi ukw-
ndlu osebenzela kuyo namhla? Kutheni ukuba mawube
ujikelezisa aba bantu ezitrateni?

Ummi wesibini. Eneneni, mhlekazi, injongo kukonaka-
lisa izihlangu zabo, ukuze ndizifumanele umsebenzi omninzi.
Kodwa, xa sithetha inyaniso, mhlekazi, siziphe iholide, ukuze
sibone uCaesar, sivuyisane ngoloyiso lwakhe. 35

UMarullus. Nivuyisane ngasizathu sini? Uza naloyiso
luni ekhaya?

Unamabanjwa afika nawo eRoma,

Ukuza kunika isidima, ekuloo makhonkco obubanjwa,
iinqwelo zakhe zokulwa? 40

Zigodondini, zinyenganendini, zinto zingaphantsi nakwi-
zinto ezingaphefumliyo!

Athi ke! zinto zintliziyo ziqaqadekileyo, zikrelemnqandini
zaseRoma,

UPompey akaziwa nini? Akamaninzi sini na amaxesha,
Futhi kukangakanani na khona
Nigwencela iindonga nezikanise,
Imboniselo neefestile, ewe, nihlala ngaphezu kweetshi-
mini,

Nigone iintsana ezingalweni nihlale apho 45

Iqine imini, nilinde ngenzondelelo,

Ukuze nibone uPompey ingangalala ihambahamba
kwizitrato zaseRoma,

Anithanga nakuyibona inqwelo yakhe yokulwa isithi
thu,

Nahlahlamba ukukhwaza,

Kwada kwanyikima iTayibha emazantsi eendonga zayo, 50

Yakuva izandi zokhwazo lwenu

Seziphindiselw' umva ziinkontyo zonxweme?

Ngoku nyahomba?

Nizinyulela iholide?

Nisasaza iintyatyambo endleleni yalowo 55

Uza noloyiso lwabegazi likaPompey;

Hambani nimke!

Balekelani ezindlwini zenu, niwe ngamadolo,

Nicamagushe kwizithixo zizizilize ukuthumela ishwa-
ngusha

Elifanel' ukuhlela abale ntswela-mbulelo. 60

UFlavius. Hambani, hambani, zimamhlaba zilungileyo,
nize ngenxa yobugwenxa benu,
Niqokelele zonke iimbacu ezifana nani;
Nizikhokelele phezu kweendonga zeTayibha iinyembezi
zenu niziphokozele

Kuloo mnyobo, ade amanzi abesezantsi abenakho
Ukurweca umphezulu wolona dini lwayo luphakamileyo.

/Baphuma abemi 65

Khangela, ukuba oyena wenziwe ngodongwe oluyintlenga
akachukumisekanga na!

Bemka bethe khamnqa bubuntshembenxa babo.

Yihla ngalaa ndlela ubhekise kwiKhapitoli;

Mna ndothabatha le: yibhunyule imifanekiso,

Ukuba uyifumana inxitywe izihombiso. 70

UMarullus. Singakwenza oko?

Khumbula ukuba litheko likaLupercal.

UFlavius. Akunamsebenzi oko; makungabikho mifa-
nekiso

Ilengalengiswa iimbasa zoloyiso zikaCaesar. Ndiza
kuphuma

Ndigxothe wonke umxukuxela ezitratweni: 75.

Uze wenjenjalo nawe, apho uwufumana uqukene khona
ngeentloko.

Ezi ntsiba zikhulayo, xa zithe zaxhwithwa kwiphiko
likaCaesar

Zomtsho aphaphe ngohlobo oluqhelekileyo;

Ngubani omnye onokuntinga ngaphaya kokuba amehlo
abantu ebona,

Asenze sonke sinkwantye ngokwamakhoboka.

/Bemka 80

UMBONISO II.

Ebandla.

Kungenwa, kukroziwe kuculwa nguCaesar; noAntony,
kubhekiswa emidlalweni; UCalpurnia, Portia, Decius, Cicero,
Brutus, Cassius, noCasca; kulandela iqela labantu, phakathi
kwalo kukho nosiyazi.

UCaesar. Calpurnia!

UCasca. Inzwi! hi awu, uCaesar uyathetha.

/Nqumama ingoma

UCaesar. Calpurnia!

UCalpurnia. Ndim lo, mhlekazi.

UCaesar. Uze ume kanye endleleni kaAntonius
Xa abaleka ugqatso lwakhe.—Antonius!

UAntony. Caesar, mhlekazi? 5

UCaesar. Uzungalibali, xa ubalekayo, Antonius,
Ukurweca uCalpurnia, kuba abadala bethu bathi,
Udlolo, luthi lwakurwecwa kolu leqwano lungcwele,
Luphulukane nesiqalekiso sobudlolo balo.

UAntony. Ndiya kukhumbula:

Xa uCaesar athi, “Yenza oku,” kuyenzeka. 10

UCaesar. Qhubani; Ningayeki nkonzo nifanel’ ukuyenza
/Ingoma

USiyazi. Caesar!

UCaesar. Heyi, ngubani lo uthethayo?

UCasca. Makuthi cwaka:- Inzwi kwakhona!

/Nqumama ingoma

UCaesar. Ngubani lo undibizayo kule nyambalala? 15
Ndiva izwi elibukhali ngaphezu kwayo yonke le ngoma,
Lisithi, “Caesar,” Thetha; uCaesar uguqukile ukuba eve.

USiyazi. Lumkela ii-Ides zikaMatshi.

UCaesar. Ngubani loo mntu?

UBrutus. USiyazi ukuyalela ukuba ulumkele ii-Ides
zikaMatshi.

UCaesar. Yizani naye kum; mandibubone ubuso ba-
khe. 20

UCass. Wa, nkewundini! phuma emxukuxeleni; jo-
ngana noCaesar.

UCaesar. Uthini wena kum ngoku? thetha kwakhona.

USiyazi. Lumkela ii-Ides zikaMatshi.

UCaesar. Libhuda; masimyeke:- qhubani.

**!Avakala amaxilongo. Bemka bonke ngaphandle
kukaBrutus noCassius.**

UCassius. Akuyi kukhe uphume uye kubukela inkqubo
yemidlalo? 25

UBrutus. Ingendim.

UCassius. Ndiyakubongoza, khawuye.

UBrutus. Andithanga ti yimidlalo: ndiswele intwana
yolo langazelelo lukaAntony.

Mandingakuphazamisi, Cassius, kwiminqweno yakho;
Ndiya kukushiya. 30

UCassius. Brutus, ndikuqonde kade:
Andibuphawuli emehlweni akho obuya bulali
Nobumvuzemvuze bendisakubuphawula:
Ungqabalala, akukhululeki 35
Kumhlobo wakho okuthandayo.

UBrutus. Cassius,
Mus' ukukhohliseka: ukuba ndinalusu lumbi,
Ndiyjikela inkathazeko yobuso bam
Kuphela kum ngokwam. Ndibukhathazeka
Ngale mihla kukubethabethana kwezimvo, 40
Iingcingane ke ezo ezikum ngaphakathi,
Ezingunobangela, mhlawumbi, ekuziphatheni kwam;
Kodwa izihlobo zam ezilungileyo mazingakhathazeki ke,—
Kwelo nani, Cassius, ndiyakubandakanya,—
Kanjalo mus' ukuba sachaza utyesho lwam, 45
Ngaphandle kokuba udwayinge olunguBrutus, kuba
lunemfazwe kulo,

Luthi lulibale ukubonakalisa uthando kwabanye abantu.
UCassius. Ke, Brutus, ndizithabathe kakubi iinkathaze-
ko zakho;
Endithe ngako oko esi sifuba sam safihla
Iingcamango zexabiso elikhulu, izicamngco eziphaka-
mileyo. 50

Khawundiphe oku, lungandini Brutus, unakho na uku-
bona ubuso bakho?

UBrutus. Hayi, Cassius, kuba iliso aliziboni
Ngaphandle kwesipili, nangezinye izinto.

UCassius. Kuyinyaniso oko:
Kwaye kulusizi kanye, Brutus, 55
Ukuba ube akunazipili zinjalo eziya kuthi zibonakalise
Elisweni lakho ukufaneleka kwakho okufihlakeleyo,
Ukuze ube nakho ukubona isithunzi sakho. Sendikhe
ndeva,

Xa uninzi lwabantu abahloniphekileyo eRoma,—
Ngaphandle kukaCaesar owambethe ukungafi,—luthetha
ngoBrutus, 60

Luncwina phantsi kwale dyokhwe yala maxesha,
Lunqwena ukuba abe uBrutus ozukileyo ebenamhlo
akhe.

UBrutus. Ziingozi zini onga unganditsalela kuzo, Cassius

Onga ndingazibhencabhenca ndikhangela kum

Oko kungekhoyo kum?

65

UCassius. Ke kaloku, lungandini Brutus, zimisele ukuphulaphula:

Kwaye njengoko usazi ukuba akunakho ukuzibona

Kakuhle njengoko bekuya kuba njalo esipilini, mna ke, sipili sakho,

Ndothi ngokuzithoba ndikutyhilele

Obo buni bakho ungekabazi.

70

Uze ungandiraneli, lulamandini Brutus:

Ukuba bendiliqhula, okanye ndilusebenzisa

Uthando lwam ukungcolisa ngezifungo nje ezingeni

Nakuwuphi na ofuna ukuqala ubuhlobo nam; ukuba undazi

Ndinyhwalaza abantu, ndibawole shushu,

75

Ndize emva koko ndibahlazise; okanye undazi

Ndisenza izivumo zothando

Kuzo zonke iimpanza, ndithabathe ke njengonengozi.

/Intsholo nemikhwazo.

UBrutus. Lolwantoni olu khwazo? Ndinoloyiko, abantu banyula uCaesar ukuba abe ngukumkani wabo.

UCassius. Awu, uyakoyika oko?

80

Mandicinge ke ukuba ubungethandi njalo.

UBrutus. Bendingethandi, Cassius, kanti ndimthanda kangaka.—

Kodwa ke kungasizathu sini ukuba undibambezele kangaka?

Unga ungandazisa ntoni?

Ukuba yinto ejongene noncedo loluntu jikelele,

85

Beka uzuko kwelinye iliso, ukufa kwelinye,

Ndaye ndiya kujongana nazo ngokungakhathali;

Kuba zanga zingandikhawulezela izithixo kuba lithandeka kum

Igama lozuko ngaphezu kokuba ndisoyika ukufa.

UCassius. Ndiyazi ukuba ubulungisa unabo, Brutus, 90

Kwanjengokuba ndisazi imbonakalo yobuso bakho.

Ke, uzuko nguwona mxholo ndingawo.—

Andingetsho ukuthi wena nabanye abantu

Nicinga ntoni na ngobu bomi; kodwa okwesam isiqu

Bekulunge ndingekho kanye kunokuba ndihlale ndisoyika

95

Into efana nam lo.

Ndazalwa ndikhululekile njengoCaesar; nawe ngokunjalo:
 Sobabini sondliwa njengaye; kwasobabini sinakho
 Ukuwanyamezela amahlwantsi obusika njengaye:
 Kuba okunye, ngemini elalitshukula libhudl' umoya, 100
 ITayibha ixubayele iyaluzela kwiindonga zayo,
 UCaesar wathi kum, "Hi, Cassius unakho ukutsiba
 Kunye nam sitsibele kulo msinga unomsindo,
 Sidadele phesheya phaya?" Kwangoko,
 Ndinxibile njalo, ndatsho phakathi, 105
 Ndathi makalandele; okwenene, wakwenza oko.
 Wagquma umsinga, saza sawuntlitha
 Ngeentsinga ezomeleleyo, siwuphosa macala
 Siwududula ngomoya wokuzimisela ekuwulweni:
 Kodwa phambi kokuba sifike kwindawo ebesijonge ku-
 yo, 110
 Wakhala uCaesar, "Ndisize, Cassius, okanye ndatshona!"
 Mna ke, njengoko uAeneas, ukhokho wethu wodumo,
 Wenjenjalo kumadangatye aseTroyi ukufunqula nge-
 gxalaba
 UAchises omdala, kwangokunjalo kumsinga weTayibha
 Ndamfunqula uCaesar ophelileweyo. Lo mntu ngoku 115
 Usuke wasisithixo, abe uCassius
 Eludwayi lwento, ekufuneka ide yavova,
 Xa athe uCaesar wanqwala kuyo, ngonqwalo olungaphe-
 the nto.
 Wahliwa ngumkhuhlane xa wayeseSipeyini,
 Kwaza xa wayenesathuthwane, ndaphawula 120
 Uhlobo awayeduduzela ngalo: kuyinyaniso, esi sithixo
 saduduzela:
 Imilebe yaso ezele luloyiko yaguquk' umbala;
 Laza kwa elo liso, linkangeleko yoyikisa ihlabathi,
 Lalahlekwa yinkazimlo yalo: ndamva egcuma:
 Ewe, nolo lwimi lwakhe, lwayalela amaRoma 125
 Ukuba ambalule, abhale iintetho zakhe ezincwadini zawo,
 Yeka, lwadanduluka, "Ndiphe into eselwayo, Titinius,"
 Ngokungathi kugula intwanazana. Zithixondini, iya-
 ndimangalisa
 Into yokuba umntu oethe-ethe olu hlobo
 Akhokeliswe kubungangamsha belizwe, 130
 Ayithwale yedwa ipalime. /Intsholo nemikhwazo
UBrutus. Nalo olunye ukhwazo!
 Ndinenkolo ukuba la mayeyeye
 Ngaweembeko ezintsha ezifunjwa kuCaesar.

UCassius. Kungasizathu sini, ukuba umntu, angxa-
balaze kwilizwe 135

Elimxingwa njengesithombe sesigebenga, size thina nto
zingento

Sithubeleze phantsi kwemilenzekazi yakhe,
Silungulunguza ukuzifumanela amangcwaba agxekekileyo.
Abantu ngaxa limbi bangabaqingqi beziphelo zabo:
Ityala, ntandanendini Brutus, alikho kwiinkwenkwezi

zethu, 140

Kodwa likuthi ngokwethu, ukuba masibe sizizaphuselana.
“UBrutus” no“Caesar”: ingaba yintoni ekuloo‘Caesar’?
Kungasizathu sini ukuba elo gama livakaliswe ngaphezu

kwelakho?

Wabhale kunye, nelakho igama likwalihle;

Wabize, liwuzalisa umlomo ngokufanayo; 145

Wabeke emlingweni, likwanzima njengalo; dlalisa ngawo
ngokomlingo,

“UBrutus” unokulihlobisa igazi kwanjengo“Caesar.”

Ke, emagameni azo zonke izithixo ziqukiwe,

Kukutya kuni lo wethu uCaesar atyiswa kona,

Le nto akhule kangaka? Maxeshandini, nihlazisiwe! 150

Roma, ulahlekene nohlobo lwabantu begazi!

Abathi babakho kwangethuba likanogumbe,

Oko kwakudume iqela elikhulu kunendoda enye?

Babenokutsho na, phambi kwangoku, abathetha nge-

Roma,

Ukuba iindonga zayo ezibanzi ziraqe umntu omnye
kuphela? 155

Ke ingaba yiRoma ngenene, ephangaleleyo ngokwaneleyo,
Xa kukho kuyo umntu omnye kuphela.

Awu, wena nam sibavile obawo bethu besithi,

Kwakukho uBrutus okunye owayenakho ukumelana

Noyena dwebile wanini nanini ukukhusela isidima sakhe

eRoma 160

Sihlale sikhululekile ngokwesokumkani.

UBrutus. Indawo yokuba uyandithanda, andinarano
ngayo;

Into ondidudulela kuyo, ndinamanakani ayo,

Indlela endithe ndacinga ngayo, kwakunye nala maxesha,

Ndobuya ndithethe ngazo kamva; okwangoku, 165

Ndinga, nawe ndiyakubongoza ngothando,

Andingechukunyiswa. Le nto uyithethileyo,

Ndiya kuyetyisa; leyo usafuna ukuyithetha,

Ndiya kuyiphulaphula ngenyameko; ndizinike ithuba
Elifanelekileyo lokuva nokuphendula izinto eziphakame
kangaka. 170

De kube lelo thuba ke, mhlobo wam uzukileyo, phononga
oku:

UBrutus ukulungele kanye ukuba ngummi wesixekwana
esingephi

Kunokuba azigwagwise njengonyana weRoma
Phantsi kwezi meko zinzima, ekucaca ukuba ixesha eli
Lisibeka kuzo. 175

UCassius. Ndiyavuya

Ukuthi kanti amazwi am angento avuse

Ubushushu kuBrutus.

UBrutus. Imidlalo igqityiwe, noCaesar uyabuya.

UCassius. Xa badlulayo, uze uthi nqaku uCasca nge-
sondo;

Waye eya kuthi, ngendlela apha yakhe ekrakra, akuxelele
Into engaba ibalulekile ehle namhlanje.

Kungena kwakhona uCaesar nehlokondiba lakhe.

UBrutus. Ndiya kwenjenjalo. Kodwa, jonga, Cassius,
Iimpawu zokuqumba ezibalaseleyo kwiintshiyi zikaCaesar,
Bonke abanye bakhangeleka ngokweqela ebelingxoliswa:
Isidlele sikaCalpurnia siluthuthu; noCicero ujonge 185

Ngamehlo abulwanyanara ebomvu kanjalo

Njengoko siye simbone enjalo kwiKhapitoli,

Xa aqunjisiweyo ezingxoxweni zezinye iiNgwevu.

UCassius. UCasca uza kusixelela isizekabani.

UCaesar. Antonius!

190

UAntony. Caesar?

UCaesar. Ndibizele amadoda atyebileyo;

Antloko zigudileyo, athi alale ebusuku:

UCassius lowa ukhangeleka ebhityile, elambile;

Ucinga kakhulu: oluya hlobo lwabantu lunobungozi. 195

UAntony. Mus' ukumoyika, Caesar; akanabungozi;

UngumRoma ozukileyo, ongaphethe bubi.

UCaesar. Akwaba ebebutyeba!—kodwa ke andimoyiki
nganto:

Kanti ke ukuba igama lam belisisichenge sokoyika,

Andazi mntu bendimelwe kukuzikhwebula kuye 200

Ngokukhawuleza njengoluya bhityo uCassius. Ufunda
kakhulu;

Uziphawula kabukhali izinto, waye ekhangela

Nzulu kwizenzo zabantu; akanamdla emidlalweni

Njengoko unjalo wena Antony; akanandlebe yangoma:
Kunqabile ukuncuma kuye, waye encuma ngohlobo 205
Lokungathi uyazidela, ewucekisa umoya wakhe
Ngokuthi uchukumiseke ngokokude uncunywiswe nalilize.
Abantu abanje ngaye abazanga bazola emphefumleni
Besabona kukho abakhulu kunabo;
Ngoko ke bayingozi kakhulu. 210

Ndinga ndingakuxelela into ema yoyikwe
Kunema ndiyoyike; kuba ndibasoloko ndinguCaesar.
Jikela ngasekunene kwam, kuba le ndlebe ibuthulura,
Undixelele ngenene into oyicingayo ngaye.

**/Ingoma yamaxilongo. Kwaphunywa nguCaesar nalo lonke
ihlokondiba, ngaphandle kukaCasca.**

UCasca. Unditsale ngengubo; unga ungathetha nam? 215

UBrutus. Ewe, Casca; sixelele okuhlileyo namhlanje,
Okwenze ukuba uCaesar akhangeleke lusizi kangaka.

UCasca. Tyhini, ubunaye, ubungekho?

UBrutus. Ngendingambuzi uCasca ukuba kuhle ntoni
na.

UCasca. Hayi, bekukho isitsaba esinikezelwa kuye; 220
ekunikezelweni wasityhalela phaya ngomva wesandla sakhe,
ngolu hlobo; baza abantu bahlahlamba ukukhwaza.

UBrutus. Le ngxolo yesibini ibiyeyantoni?

UCasca. Tyhini, ibikwayeyaloo nto. 225

UCassius. Bakhwaze kathathu: le yokugqibela intsholo
ibiyeyantoni?

UCasca. Tyhini, ibikwayeyaloo nto.

UBrutus. Isitsaba sinikezelwe kuye kathathu?

UCasca. Ewe, qiniseka, kube njalo, wasala kathathu,
lonke ixesha buyekeyeke kunelingaphambili; ke roqo esala 230
abamelwane bam abanyanisekileyo bakhwaze.

UCassius. Ngubani obemnikezela isitsaba?

UCasca. Ngokuba, nguAntony.

UBrutus. Sixelele ukuqhutywa kwale nto, lulamandini
Casca.

UCasca. Ndingaxhonywa kanye kunokuba ndichaze
inkqubo yayo: 235

ibiyintsholo yobuhiba: andiyinonophelanga. Ndibone
uMark Antony emnika isitsaba;—kanti ibingesiso nasitsa-
ba, ibisesinye sezi zitsatyana;—kwaza njengoko sendinixelele,
wasala okokuqala: kodwa kuko konke oko, kwezam iingci-
nga, ngelevuyile ukusamkela. 240

Umnikezele kwakhona waphinda wasala: kodwa ekuqondeni kwam, ubebuziziliza ukususa iminwe yakhe kuso; waza ke wamnikezela okwesithathu, wasala okwesithathu: waza ekusaleni kwakhe kwakhona, kwaba kokukhona ihlo-kondiba likhwazayo, lityhwakraza izandla zalo ezigcabileyo, 245

ligibisela phezulu izankwane zalo ezibilelweyo, lithetha into eninzi yomoya onukayo, kuba uCaesar esalile isitsaba, wada waphants' ukumiwa, kuba wathi qithi qothe wawa isiduli: mna okukokwam andibanga nakho nokuhleka 250

ngoloyiko lokuthi ngokuvula imilebe yam ndingarabula loo moya ubolileyo.

UCassius. Kodwa, ngeliphantsi, ndiyakubongoza, yintoni ebiyobisa uCaesar?

UCasca. Uwe kwindawo yembutho, waxhaph' amagwebu, kwee nkqi ukuthetha. 255

UBrutus. Kubonakala ngathi unesifo sokuwa.

UCassius. Hayi, uCaesar akanaso: kodwa wena, nam, noCasca othembekileyo sinesifo sokuwa.

UCasca. Andiyazi intsingiselo yokuthethayo ngaloo nto; kodwa ndiqinisekile uCaesar wawa. Ukuba ihlo-kondiba alithanga limpakaze limtswinele, ngangokulikholisa nokungalikholisi kwakhe, 260

njengoko bakholisa ukwenjenjalo kubadlali kwindlu yemidlalo, mandibe andinanyaniso.

UBrutus. Utheni akubuyela ezingqondweni zakhe?

UCasca. Qiniseka, phambi kokuba awe, uthe akuqonda ukuba 265

lo mxukuxela uyavuya kuba esalile isitsaba, wayiqhawula wayisusa ibhatyi yakhe, wawunikezela umqala wakhe ukuba bangawushunqula:- ukuba ndandilibhuxenge nje lomntu, ndinge ndenze oko wayesithi makwenziwe, nokuba ndiye esihogweni kunye neendlavini:- waza ke wawa. 270 Akubuyela ezingqondweni zakhe kwakhona, wathi, ukuba uthe wenza okanye wathetha nto iphosakeleyo, unqwenela ukuba abahlekazi baqonde ukuba unobangela woko ibe ibubulwe-lwe bakhe. 275

Amankazana amathathu mane, kufuphi apho ndandimi khona, adanduluka, "Awu, lungandini lomntu, amxolela ngeentliziyo zawo ziphela: kodwa makangananzwa nganto; ukuba uCaesar wayegwaze onina, abesaya kuthetha kwa olo hlobo.

UBrutus. Waza ukusuka apho emva koko, wabe sele-
ntshingintshingi njalo?

UCasca. Ewe. 280.

UCassius. Kukho zwi likhe lenziwa nguCicero?

UCasca. Ewe, uthethe isiGrike.

UCassius. Esithini?

UCasca. Hayi ke, ukuba ndinokukuxelela oko, andinge-
buye ndikujonge emehlweni kwakhona: kodwa abo bathi
bamqonda bancumelana, 285

bahlunguzela iintloko; kodwa mna okukokwam, yaba
sisiGrike kum.

Kuninzi ebendinganixelela kona: UMarullus noFlavius
ngokuhluba imifanekiso kaCaesar, basusiwe ekugosisweni
kwabo. Salani kakuhle. Kusekho obunye ubuhiba xa
bendinokuthi ndibukhumbule. 290

UCassius. Ungeza kutya nam ngokuhlwanje, Casca?

UCasca. Hayi ndicelwe kweny' indawo.

UCassius. Akuyi kuza kutya nam ngomso?

UCasca. Ewe, ukuba ndisaphila, nawe use kuloo ngqo-
ndo, nokutya kwakho kunombizane. 295

UCassius. Kulungile; ndiya kukulindela.

UCasca. Uze wenjenjalo: salani kakuhle, nobabini.

UBrutus. Tyhini, le nkewu yaba yile nto, ithetha eloku-
qala elifikileyo: Yayisakuba bukhali isafunda esikolweni. 300

UCassius. Injalo ngoku, ekwenzeni nasiphi na isenzo
esifuna ubukrothi nozuko,

Nakuba oko kubonakala ngathi kwenziwa buziziliza.

Obu bukrwada busisinongo kwingqondo yakhe entle,
Ewanika amadoda izisu zokuwetyisa amazwi akhe

Ngolangazelelo olukhulu. 305

UBrutus. Okwenene kunjalo. Okwangoku ndiza kuku-
shiya:

Ngomso, ukuba unqwenela ukuthetha nam,

Ndiya kuza ekhayeni lakho; okanye, ukuba uyathanda,

Yiza ekhayeni lam, ndaye ndiya kukulindela. 310

UCassius. Ndiya kwenjenjalo: de kube lelo thuba,
cinga ngelizwe. /Waphuma uBrutus.

Ewe, Brutus, uzukile; kanti, ndibon' ukuthi

Indalo yakho ehloniphekileyo inokusetyenzwa kuloo nto
Iyiyo: ngoko kufanelekile ukuba

lingqondo ezizukileyo zigcinwe zikunye nezo zifana nazo;

Kuba ingubani na owomelele ngohlobo lokuba angabi
nakuwexulwa? 315

UCaesar unenzondo ngakum; kodwa uyamthanda u-
Brutus:

Ukuba bendinguBrutus ngoku, abe nguCassius yena,
Ubengayi kundikihlisa ngentsini. Ngabo obu busuku,
Ndiya kugibisela ezifestileni zakhe, amaphepha abhalwe
ngezandla ezahlukileyo,

Ukuze abe ngathi avela kubemi ngabemi, 320
Amaphepha aya kuthi onke aphilaze uluvo olukhulu
Lokuhlonelwa kwegama lakhe yiRoma; nokujongwa
Ngodelo ukuthand' udumo kukaCaesar:

Emva koko uCaesar makahlale azinze;
Kuba siya kumshukumisa, kungenjalo sinyamezele imihla
emibi ngaphezulu. /Waphuma.

UMBONISO III.

Isitrato.

Iindudumo nemibane. Kungena kumacala ajongeneyo, uCasca
ekhuphe ikrele lakhe. noCicero.

UCicero. Rolindara, Casca: uzise uCaesar ekhaya?
Kutheni umaphikana nje? kanjalo uthe ntsho ngaloo
ndlela?

UCasca. Akuchukumiseki, xa lonke ulawulo lwehlabathi
lugubha ngokwento e-ethe-ethe? Awu Cicero,

Ndizibonile iinkqwithelo, xa imimoya evuthuzayo 5
Isaphula imioki emaqhinaqhina; ndiwabonile namaza
olwandle

Olumabhongo efukuka egquma elephuza amagwebu,
Efunquka kunye namafu azel' ingqumbo:

Kodwa de kube ngokuhlwanje, de kube ngoku,
Andizange ndihambe kwiliqhwa elilephuza umlilo. 10

Kukho ukuba abezulu babe balwa bodwa;
Okanye ihlabathi elinezotho ngokungathethekiyo kwizi-
thixo

Lizikhwezelela ukuba zithumele imbubho.

UCicero. Kutheni, kukho nto ingaqhelekanga uyibonileyo?

UCasca. Ikhoboka nje—nawe ulazi kakuhle ngokulibona— 15

Liphakamise isandla salo sokhohlo, esithabathe idangatyey, savutha

Ngokwezibane ezimashumi mabini zidityanisiwe; ukanti isandla salo

Kuba singawuva umlilo, asitshanga nantwana.

Ngaphezu koko—ukususela okoko andikalixhomi ikrele lam—

Ndathana mandla nengonyama ngakwiKhapitoli, 20
Eyandithi ntsho ngamehlo, yemka isisifu,

Ingandikhathazanga nganto: kwalapho kwakuqukene ngeentloko

Ikhulu labafazi abaluthuthu ngokofileyo,
Beguqulwe luloyiko lwabo; abafungayo ukuba babone
Amadoda onke egutyungelwe ngumlilo enyuka esihla

izitrato. 25

Ke izolo intaka yobusuku, kanti nasemin' emaqandanje
Ichophe kwindawo yembutho, igxwala, itswina.

Xa ke le mihlola isuka idibane yenjenje,
Abantu mabangatsho ukuthi, "Ezi zizathu zabo;
Zingummiselo wendalo"; kuba, ndinenkolo 30

Ukuba zinto ezihlodayo kwelo zwe zalatha kulo.

UCicero. Ngenene, lixsha lezinto ezingaqhelekanga:
Kodwa abantu banokuzichaza izinto ngohlobo lwabo,
Bemke mpela kweyona njongo yazo ngokwazo. 35

UCaesar uyeza sini na kwiKhapitoli ngomso?

UCasca. Uyeza; kuba uthumele uAntonius
Ukuba aze akuxelele ukuba uya kuba lapho ngomso.

UCicero. Rolindara, ke Casca: eli zulu liyaluzela linje
asililo lokuba kungahanjwa kulo.

UCasca. Ndlelantle, Cicero. /Waphuma uCicero. 40
Kungena uCassius.

UCassius. Ngubani lowo?

UCasca. NgumRoma.

UCassius. UCasca, ngelizwi lakho.

UCasca. Indlebe yakho ibukhali. Cassius, bunjani
obu busuku!

UCassius. Bubusuku obuhle kanye kubantu abanyani-
sekileyo.

UCasca. Ngubani owayesazi ukuba izibhakabhaka
zingayaluzela zenjenje?

UCassius. Abo balazi ihlabathi lizele ziziphene. 45

Okukokwam, ndizijikelezile izitrato,

Ndizenze isichenge kubusuku obunengozi;

Ndinje ndingabambanga mzimba, Casca, njengoko ubona,

Ugaga luphandle kumatye esichotho:

Wale xa umbane oluhlaza ojikojiko ubonakala uvula 50

Isifuba sezulu, ndiziphose kanye

Kuloo ndawo ufunze kuyo nakuwo kanye.

UCasca. Kodwa kungasizathu sini ukuba uwahende kangaka amazulu?

Yimfanelo yabantu ukuba boyike bagubhe,
Xa izithixo ezinamandla zithumela ngemiqondiso 55
Izigidimi ezoyikekayo ukuza kusothusa.

UCassius. Udangele, Casca; nezo ntlantsi zobomi
Bezimelwe kukuba kumRoma uziswele,
Kungenjalo akuzisebenzisi. Ukhangeleka buthuthura,
uthe phuhlu amehlo,

Usoyika, umangalisiwe
Kukubona ukungazoli okungaqhelekanga kwamazulu:
Kodwa ukuba ubunokuqiqa esona sizathu
Sokuba kungani na ukuba yonke le mililo, kungani na
zonke ezi

Zithunzela zirulubayo, kungani na iintaka nezilo ngokwahlukileyo kwindalo yazo

Kungani na amadoda amakhulu azenze izidenge, abantwana baqiqa, 65

Kungani na zonke ezi zinto zishenxe kwindalo yazo
Iindalo zazo namandla ezazinikwe wona

Zibe kwisimo esingesiso sendalo kuzo—kungani, uya kufumana

Ukuba izulu libatofe ngale mimoya,
Libenza izinto ezizele luloyiko nevuso 70
Ngokubhekiselele kwisimo esingesiso sendalo.

Ke, Casca, ndingabiza ngegama kuwe umntu

Ofana nqwa nobu busuku bubi,

Obhavumla, alenyeze, avule amangcwaba, agqume
Njengoko yenjenjalo ingonyama kwiKhapitoli,— 75

Umntu ongomelelanga ngaphezu kwakho okanye kwam

Kwizenzo zesiqu; ukanti ukhule ngokumangalisayo,

Esoyikeka, njengokuba olu yaluzelo lungaqhelekanga
lunjalo.

UCasca. NguCaesar lo uthetha yena; asinguye sini na
Cassius?

UCassius. Nokuba ngubani na: kuba ngoku ama-
Roma 80

Aneziqa nezigalo ngokokhokho bawo;

Kodwa, athi ke amaxesha esikuwo! iingqondo zobawo
zafa,

Sesilawulwa yimimoya yoma;

Imo yobukhoboka neentshutshiso zibonisa ukuba sibufazira.

UCasca. Eneneni, bathi iiNgwèvu ngomso 85

Zifuna ukummisela uCaesar abe yikumkani;

Waye eza kuthwala isitsaba sakhe elwandle nasemhlabeni,

Kuyo yonke indawo, ngaphandle kwalapha eItali.

UCassius. Ndiyazi ke, apho ndiya kusifaka khona esi sinkempe;

UCassius uya kumkhulula uCassius ebukhobokeni: 90

Apho ke, nina zithixo, niya kwenza ababuthathaka bomelele kanye;

Apho ke, nina zithixo, niya kubeyisa abalawula ngobu-
ngqwangangqwili:

Akukho nqaba yamatye, zindonga zexina ebethiweyo,
Mhadi uswel' umoya, makhonkco entsimbi aluqilima
Anokuthintela amandla enkalipho;

Kodwa ubomi, bakuba budiniwe yile mivalo yehlabathi,

Abukhe buswele mandla akuzikhulula,

Njengoko ndikwazi oko, malazi nelizwe kanjalo liphela,

Loo ntwana yentshutshiso ndiyithweleyo

Ndiya kuyivuthulula ngokuthanda. /Lisazongoma

UCasca. Kanti nam ndinokwenjenjalo: 100

Kanti lonke ikhoboka lifumbethe esandleni salo

Amandla okuzikhulula ebukhobokeni balo.

UCassius. Kungasizathu sini ukuba uCaesar abe ngo-
lawula ngogonyamelo?

Athi ke olo ludwayi! Ndiyazi ukuba ubengezenzi
ingcuka,

Koko abona ukuthi amaRoma aziigusha nje: 105

Ubengezenzi ingonyama, xa amaRoma ebengezizo iimazi
zeenyamakazi.

Abo bathi ngobungxamo baphembe umlilo omkhulu

Bawuqala ngeentsasana: yenziwe mququ, nkunkuma,

Mswane yintoni iRoma ukuba ikhonze nganjong' inye

Ukudumisa into engcole kangaka njengoCaesar! 110

Awu, athi ke wena buhlungundini bentliziyo,

Undidudulelephi? Mhlawumbi ndikuthetha oku

Phambi kwekhoboka eliqondayo: ke ndiyazi

Ndiya kuphenduliswa ngamazwi am; kodwa ndixhobile

Zaye iingozi azini yani kum. 115

UCasca. Uthetha usingise kuCasca; ke kuloo mntu

Asibali lakunyubuka eli. Bamba isandla sam:

Zilungiselele ziphindezelwe zonke ezi zigqukru;

Ndaye ndiya kulubeka olu nyawo lwam kumgama omde

Onokuhanjwa nangubani.

UCassius. Kukho umnqophiso owenziweyo.
 Ke yazi oku, Casca, sendikhe ndathethana
 Nenxenye yamaRoma angqondo zizukileyo
 Ukuba wona nam sisingathe umcimbi
 Ozukileyo kodwa onobungozi iziphumo zawo;
 Ndiyazi ke, kuleli thuba nje, andilindele 125
 Kwisango likaPompey; kuba ngoku, kobu busuku boyi-
 kekayo,

Akukho kushukuma nakuhambahamba ezitrateni;
 Yaye imbonakalo yezulu ngathi
 Iwulungele umcimbi esiwusingetheyo,
 Omajaja ligazi, onesilongolongo somlilo, ombi ngoku-
 ncamisayo. 130

UCasca. Khawunge uyasondela kancinane, ukho lo
 uza ngobungxamo.

UCassius. NguCinna, ndimqonda ngokunyathela kwakhe;
 Ungumhlobo.

Kungena uCinna

Cinna, ungxamelephi kangaka?

UCinna. Ndikhangela wena. Ngubani lowa? Ngu-
 Metellus Cimber?

UCassius. Hayi, nguCasca; omnye wabakunye nathi 135
 Kwimigudu yethu. Andilindelwe, Cinna?

UCinna. Ndiyavuya koku. Athi ukuba kubi kobu
 busuku!

Ababini bathathu kuthi sebekhe babona izinto ezinga-
 qhelekanga.

UCassius. Andilindelwe? Ndazise.

UCinna. Ewe, ulindelwe—

Awu Cassius, ukuba nje ube unokusizuzela 140

UBrutus ozukileyo abe kwiqela lethu—

UCassius. Zola engqondweni, lungandini Cinna, thaba-
 tha eli phepha.

Qonda kakuhle, ulibeke kwisihlalo somphathi,

Apho uBrutus angathi alifumane khona; uze ugibisele eli
 Efestileni yakhe; uze uncamathelise eli ngomthwebeba 145

Kwisithombe sikaBrutus omdala: kwakuba kwenziwe
 konke oku,

Buyela esangweni likaPompey, apho uya kusifumana
 khona

UDecius Brutus noTrebonius baphaya?

UCinna. Bonke ngaphandle kukaMetellus Cimber; ke yena uye

Kukhangela wena endlwini yakho. Ngoko ndiya kukhawuleza 150

Ndiwabeke la maphepha njengoko undiyalele.

UCassius. Wakukugqiba oko, buyela kwindlu ka-Pompey yemidlalo. /Waphuma uCinna.

Yiza, Casca, wena nam, sothi phambi kokuba kuse, Sibone uBrutus endlwini yakhe: izahluko ezithathu zakhe Sezingakuthi; umfo lo wonke 155

Ngomgudu olandelayo, uya kuzinikela kuthi.

UCasca. Awu, uxatyisiwe yena ngabo bonke abantu: Kwaye, oko kubonakala kuyingcaphukiso ephuma kuthi, Ubuso bakhe, njengomlilo onamandla wokuguqula iintsimbi,

Buya kukuguqulela ebulungiseni nasesidimeni. 160.

UCassius. Yena nesidima sakhe, nokufunwa kwakhe ngamandla sithi,

Uzityhilelwe kakuhle. Masihambe,

Kuba sekusemva kweenzulu zobusuku, ke phambi kokuba kuse

Siya kumvusa siqiniseke ngaye. /Baphuma

INDIMA II.

Umboniso I

IRoma. Umyezo kaBrutus. Kungena uBrutus.

UBrutus. Yintoni, Lucius, hi!—

Andinakho, ngokuqwalasela intshukumo yeenkwenkwezi, Ukuthelekelela ukuba kulithuba lini na kuse.—Lucius, ndithi!—

Akwaba impazamo ibikwelam icala yokuba ndithi ntlithi ukulala.—

Kuxa liphi, Lucius, kuxa liphi? ndithi, vuka! yintoni, Lucius! 5

Kungena uLucius

ULucius. Undibizile, mhlekazi?

UBrutus. Ndizele nesibane kwigumbi lam lokufundela, Lucius:

Lakukhanyiswa uze kundibiza.

ULucius. Ndiya kwenjenjalo, mhlekazi.

UBrutus. Makube kungokufa kwakhe: okukokwam, 10 Andinasizathu sasiqu sakumcekisa,

Ngaphandle kwesingasesoluntu. Unga angathweswa
isitsaba:-

Yimini ezolileyo elithi iramba liphume ngayo;
Linqwenel' ukuhambahamba buzimela. Athweswe
isitsaba?—loo nto— 15

Oko akungesiguquli yini isimo sakhe, nantso ke inkohla:
Ke, mandithi, singaba simfaka ulwamvila,
Angathi ekuthandeni kwakhe enze ubungozi ngalo.
Ukusetyenziswa kakubi kwegunya, kuxa kuguzulwa
Isazela egunyeni kodwa, xa ndithetha inene ngoCaesar
Andazi xesha uthando lwakhe lwakha lwawexulwa 20
Ngaphezu kwengqiqo yakhe. Kodwa yinto eyazekayo,
Ukuba ubulali buyileli yebhongo elithukuzayo,
Athi ngayo umntu ogwencelayo aguqulele kuyo ubuso
bakhe;

Aze athi akufika kwinqwanqwa lokugqibela,
Aguquke ngoku ileli ayinikel' umva, 25
Ajonge emafini, awadele amanqwanqwa asezantsi
Abethe wenyuka ngawo. Kusenokuba njalo kuCaesar;
Ke, hleze abe njalo, nqanda ke. Ke njengokuba ingxu-
shane.

Ingayi kubonisa nto siyiyo isimo sakhe,
Mayibekwe olu hlobo; ukuba loo nto ayiyo, ithe
yongezwa. 30

Iya kumqhuba iye kumlahla kula nakulawa malandalahla:
Ngoko mfaniseni neqanda lenyoka,
Elithi, lakuqanduselwa, kwanjengezinye lingenwe yinko-
hlakalo,

Mbulaleleni eqokobheni.

Kungena kwakhona uLucius

ULucius. Isibane siyavutha egumbini lakho mhlekazi. 35
Ekuphuthaphutheni efestileni ndifun' into yokuqhwitha,
ndifumene

Eli phepha, litywinwe linje; ke, ndiqinisekile,
Belingekho phaya ukuya kulala kwam. /**Umnika ileta.**

UBrutus. Hamb' uye kulala kwakhona; akukasi.
Ngomso, kwedini, asizizo **ii-Ides zikaMatshi?** 40

ULucius. Andazi, mhlekazi.

UBrutus. Khangela kwiKhalenda, undizele nezwi.

ULucius. Ndiya kwenjenjalo, mhlekazi. /**Waphuma.**

UBrutus. Ukubinza kweenkwenkwezi emoyeni
Kukhanya kangangokuba ndingafunda ngako. 45

/Wayivula ileta wayifunda.

“Brutus, wena ulele: vuka, uzibonele ngokwakho. IRoma mayi. ., njalo ke. Thetha, hlasela, phindezela!”—

“Brutus, wena ulele: vuka!”

Izixhokonxo ezinje sekufuthi zisenziwa

Ndizamkele. 50

“IRoma mayi. ., njalo ke” Mandizigqibezelele ngokwam oku;

IRoma mayime inkwantya phantsi kokoyika umntu omnye? Intoni, iRoma?

Okhokho bam kuzo izitrato zeRoma

Baligxotha iTakwini, lakubizwa ngokuba yikumkani

“Thetha, hlasela, phindezela!” Ndibongozwa 55

Ukuba ndithethe ndihlasele? Awu Roma, ndiyakuthe- mbisa,

Ukuba uphindezelo lolandela, wosifumana

Isicelo sakho ngokuzeleyo esandleni sikaBrutus!

Kungena kwakhona uLucius

ULucius. Mhlekazi, seliphelile ishumi elinesihlanu ku- Matshi. /Kwankqonkqozwa ngaphakathi.

UBrutus. Kulungile. Yiya esangweni; kukho bani unqonkqonzayo. /Waphuma uLucius 60

Okoko wathi uCassius wandilola ukuba ndichase uCaesar, Andibazi ubuthongo.

Phakathi kokwenzeka kwesenzo esibi

Nokusungulwa kwale nto, sonke esi sithuba

Sisuke sanjengombono okanye iphupha elingcolileyo: 65.

Ingqondo namandla omzimba

Zisebhungeni; ke imo yomntu

Njengobukumkanana, ijongene

Nemeko yovukelo.

Kungena kwakhona uLucius

ULucius. Mhlekazi, ngumzalwana wakho uCassius lo usemnyango, Onqwenela ukubona wena. 70

UBrutus. Uyedwa?

ULucius. Hayi, mhlekazi, unabanye.

UBrutus. Uyabazi?

ULucius. Hayi, mhlekazi, iminqwazi yabo itsalwe yaza kuma ngeendlebe,

Inkoliso yobuso babo igqunywe ziingubo zabo,

Ngohlobo lokuba ndingabi nakubaqonda ngobuso babo. 75.

UBrutus. Bangenise. /**Waphuma uLucius.**

Ngabeduli. Awu yelenqendini,

Akunazintloni na zokubonakalisa ulungqu lwakho olunengozi ngobusuku,

Ngexesha ezikhululeka ngalo izenzo zobubi? Awu, sewuya kuthi emini

Uwufumanephi na umgongxo omnyama ngokwaneleyo 80

Ukuba ube nakho ukufihla ubuso bakho obubulwanya-nara? Mus' ukuwufuna yelenqe;

Bufihle eluncumeni naseluthandweni:

Kuba ukuba uhamba, uyiloo nto imbonakalo yendalo yakho iyiyo,

NeErebus ngokwayo ayisiso sithokothoko

Singakufihlayo ekuphangweni. 85.

Kungena uCassius, uCasca, uDecius, uCinna, uMetellus Cimber, noTrebonius.

UCassius. 'Ndicing' ukuthi size kukuphazamisa uziphumlele:

Bhota, Brutus, asikukhathazi kodwa?

UBrutus. Besendivukile ngale yure, ndihleli ubusuku bonke.

Ndiyawazi sini na la madoda uhamba nawo?

UCassius. Ewe, ngamanye, kube kuwo apha 90

Kungekho nanye engakuhlanelanga, nganye kuwo apha inqwenela

Ukuba ube ubunolo luvo ngesiqu sakho

Athi wonke umRoma ozukileyo akucingele kulo.

Lo nguTrebonius.

UBrutus. Wamkelekile apha.

UCassius. Lo, nguDecius Brutus. 95

UBrutus. Wamkelekile naye.

UCassius. Lo nguCasca, lo nguCinna, ize lo ibe ngu-Metellus Cimber.

UBrutus. Bamkelekile bonke.—

Ziinkathazo zini enijongene nazo ezithe zinzi

Phakathi kwamehlo enu nobusuku?

UCassius. Ndingakhe ndibe nazwana bucala nawe? 100

/**UBrutus noCassius basebezelana.**

UDecius. Impumalanga ingapha: umsobomvu awubonakali ngapha?

UCasca. Hayi.

UCinna. Awu, uxolo, nkosi, ubonakala khona; kwaye laa migca ingwevu iqukumbele amafu zizigidimi zokusa.

UCsca. Nobuye nivume ukuba nobabini niphazamile.
Apha, njengoko ndisalatha ngekrele, ilanga liphuma
khona. 105.

Ikwayindlela enkulu ebhekisa esude,
Sakucinga ukuba kusesentloko enyakeni.
Kwisithuba seenyanga ezimbini ukusuka ngoku, lisingisa
enode

Liya kuqala ukutshisa, ke impumalanga 110
Imi malunga neKhapitoli, kanye apha.

UBrutus. Ethe izandla zenu kwakhona, ngabanye nga-
banye.

UCassius. Masifungele izibhambathiso zethu.

UBrutus. Hayi, masingafungi: ukuba akwanele oku,
ubuso babantu,

Unyamezelo lwemiphefumlo yethu, ukusetyenziswa ka-
kubi kwexesha,— 115

Ukuba ezi njongo zibuthathaka, maziyekwe okwangoku,
Indoda nganye iye kulala kumandlalo wayo oze;
Luyekwe ulawulo olungqabalala olusajonge kude luqhu-
be,

De indoda nganye ijube ngokuthanda kolawula ngogo-
nyamelo. Kodwa ukuba

Ezi njongo, njengoko ndiqinisekile ukuba zinjalo, zino-
bushushu 120

Obukwaneleleyo ukukhwezelela amagwala, bomeleze
ngokhalipho

Imimoya enyibilikayo yabafazi; ke, zimamhlaba zako-
wethu

Kungasizathu sini ukuba sifun' ukududulwa ngomcimbi
wethu,

Sifakw' izilanda xa silungis' amakhwiniba? Ngama-
khoboka mani angamanye

Ingengawo amaRoma agcin' izifuba zawo, alenzileyo
elawo izwi, 125

Aye engenakuwa phantsi kulo? Sisifungo sini esisesinye
Esingaphezu kokunyaniseka kusebenzela ukunyaniseka,
Ukuba kube njalo okanye sifele kona?

Fungani babingeleli, nani magwalandini, madoda ange-
nakuthembeka,

Mibutyabutya midala ingaxel' into, mimoya inyamezela
ngohlobo lokuba 130

Yamkele ukonakaliswa; kwizizathu ezibi ziyafunga

Izidalwa eziluhlobo oluthandatyuzwayo ngabantu; ko-
dwa musan' ukungcolisa

Ubulungisa obungenakumbi bemigudu yethu,
Kwanobukhalipha obungenakucudiswa bemiphefumlo
yethu,

Ngokucing' ukuthi umcimbi wethu okanye amagalelo
ethu 135

Afun' izifungo; xa ithontsi ngalinye legazi

UMRoma ngamnye onalo, enalo ngokuzukileyo,

Lothi kanti linamagazi-gazi obugqakhwe

Xa anokuthi aphule nentwana

Yaso nasiphi na isithembiso asenzileyo. 140

UCassius. Kodwa uthini ngoCicero? Asingekhe simva-
vanye?

Ndicing' ukuthi uya kulixhasa ngokomeleleyo icala lethu.

UCinna. Hayi, nangayiphi na indlela.

UMetellus. Awu, masimfumane; kuba iinwele zakhe
zesilivere

Ziya kusizela nokuba sicingelwe kakuhle, 145

Zisifumanel' abantu abamazwi aya kuncoma izenzo
zethu:

Kuya kuthiwa, licebiso lakhe elikhokelele kwisenzo sethu;

Ubuqhajana nobundlobongela bethu abuyi kubonakala
nakanye,

Kodwa konke kuya kugutyungelwa yindili yakhe.

UBrutus. Awu, musan' ukumkhankanya: masingazi-
tyand' igila kuye; 150

Kuba akasayi kuze angene entweni

Eqalwe ngabanye abantu.

UCassius. Masimyeke ke.

UCasca. Ngenene akafanelekanga.

UDecius. Makungabikho mntu wumbi zimnukelayo
ngaphandle kukaCaesar?

UCassius. Decius, ukulo:- ndicing' ukuba akufanele-
kile ukuba 155

UMark Antony, othandwa kangaka nguCaesar,

Aphile, uCaesar efile: siya kumfumana

Enobuqhophololo ekwenzeni amayelenqe; ke, niyakwazi
aqamele ngako

Xa anokuthi akulungise, kunokunwenwezela ngohlobo

Lokuba kube nobungozi kuthi sonke; ukuthintela oku, 160

UAntony noCaesar mabafe kunye.

UBrutus. Inkqubo yethu yosibonakalisa sidada egazini,
Caius Cassius,

Ukushunqula intloko, size sinqunqe iingalo neenyawo,—
Njengengqumbo ekufeni, nenzondo kamva;

Kuba uAntony ulilungu nje likaCaesar: 165

Masibe ngabenzi-dini, kodwa singabi ngabaxheli, Caius
Sonke sichasene nomoya kaCaesar;

Ke emoyeni wabantu akukho gazi:

Awu akwaba, ke, besinokufikelela kumoya kaCaesar,
Singamtyakaty iCaesar! Kodwa, yeha 170

Igazi likaCaesar maliphalalele wona. Ke, malulama-
ndini ezihlobo,

Masimbulale ngobukroti, kodwa kungengayo ingqumbo;

Masimbenge ngokwenyama elungiselelwa izithixo,

Singamhlahli ngokomzimba ofileyo onqunqelwa izinja:

Size sivumele iintliziyo zethu, njengoko amabuswa
anobuqhophololo esenjenjalo, 175

Ukukhwezelela izicaka zawo ukuba zenze izenzo zobu-
ndlobongela,

Aze abonakale emva koko ezingxolisa. Oku kuya
kwenza

Kuqondakale ukuba isenzo sethu besiqhutywa yinto,
kodwa ingenguwo umona:

Ekungathi kubonakele njalo kumenlo oluntu nje,

Sibizwe ngokuba singabagutyuli, asizizo izigebenga. 180

OkukaMark Antony, musan' ukucinga ngaye;

Kuba engenakwenza nto njengoko ingalo kaCaesar
injalo

Xa intloko kaCaesar isukile.

UCassius. Kanti ke ndinevuso ngaye;

Kuba uthando lwakhe lwendele kuCaesar—

UBrutus. Yeka loo nto, Cassius ulungileyo, mus' uku-
mcinga: 185

Ukuba uyamthanda uCaesar, konke anokuthi akwenze

Kukuye esiqwini,—athi ngenxa yosizi azibulale ngenxa
kaCaesar:

Oko kubonakala kungaphaya kokuba angakwenza;
kuba uzinikele

Emidlalweni, ebundlobongeleni, naseziyungumeni za-
bantu.

UTrebonius. Akukho nto mayoyikwe kuye; maka-
ngafi;

Kuba usaya kuphila, akuhleke oku kamva.

/Yabetha ikloko 190

UBrutus. Inzwi! bala ukubetha kwekloko.

UCassius. Ikloko ibethe kathathu.

UTrebonius. Lithuba lokunduluka.

UCassius. Kodwa kusathandabuzeka,

Nokuba uCaesar uyeza akezi sini na namhla;

Kuba usuke wazaliswa ziinkolo kutshanje; 195

Ngokuchaseneyo noluvo abesakuba nalo,

Ngemibono, ngamaphupha, nemihlola:

Kunokwenzeka, ezi zinto zibonakeleyo zingaqhelekanga

Izothuso ezingaqhelekanga zobu busuku,

Nezicengo zosiyazi bakhe, 200

Zingamthintela angezi kwiKhapitoli namhlanje.

UDecius. Mus' ukukoyika oko: ukuba selezimisele njalo,

Ndiya kumwexula; kuba uyathanda ukuva

Izilwanyana ezingophondolunye zincethezwa ngemithi,

Iibhere ngezipili, iindlovu ngemihadi, 205

lingonyama ngemigibe, nabantu ngabanyhwalazi:

Kodwa xa ndimxelela ukuba ubathiyile abanyhwalazi

Uthi kunjalo, abe inguyena unyhwalazeka lula.

Mandisebenze;

Kuba ndinokumthambisa kwicala abuthathaka kulo, 210

Ndiya kuza naye kwiKhapitoli.

UCassius. Hayi, sonke soba lapho simphuthume.

UBrutus. Ngeyure yesibhozo: andithi yiyona yokugqibela?

UCinna. Mayibe yiyona yokugqibela leyo, kungabikho Kusi lela ke.

UMetellus. UCaius Ligarius unenzondo kuCaesar, 215

Owamngxolisa ngokusuka ancome uPompey:

Ndithe manga ukuba kungabikho namnye kuni apha okhe wamcinga.

UBrutus. Ke, lungandini Metellus, yiya kuye:

Undithanda kakhulu, oko kubangwa yinto endibe yiyo kuye;

Mthumele apha, ndaye ndiya kumxonxa. 220

UCassius. Siza kuselwa: siza kukushiya, Brutus:-

Ke, zihlobo, chithakalani; kodwa nonke khumbulani

Oko nikuthethileyo, nizibonakalise ningamaRoma anyanisekileyo.

UBrutus. Zidwasha, bonakalani nihlaziyekile nonwabile

Inkangeleko yethu mayingadizi iinjongo zethu; 225

Kodwa ziphatheni ngolo hlobo iindlali zethu zamaRoma
ziziphatha ngalo,

Lomoya ongadinwanga nembonakalo yesiqhelo:

Ngoku ke, bhotani nonke ngabanye.

/Baphuma bonke ngaphandle kukaBrutus.

Kwedini! Lucius!—Amakhiwane selevuthiwe? Asimnqa
oko;

Nambitha umbethe wobuthongo onzima ngokobusi: 230
Akunamibono yamabhongo nazingcamango ziphuthileyo,
Ezithi iingxaki zizibange ezingqondweni zabantu;
Kungoko ulele obentlombe nje.

Kungena uPortia.

UPortia. Brutus, nkosi yam!

UBrutus. Portia, ufun' ukuthini ngokwenjenje? Kungani
ukuba ube sewuvukile?

Akuyilungele impilo yakho into yokuba 235

Lo mzinjana wakho uethe-ethe uwubeke esichengeni
sentsasa enje ukubanda.

UPortia. Kanti ke nowakho ngokunjalo. Wena Bru-
tus, ngendlela apha engenandili,

Uthe nyebelele waphuma ezingubeni kum: kube, phezolo,
esopholweni,

Uthe khwaphululu, wahambahamba,

Usezingcingeni, usenz' izingqala, iingalo uzikhwaba-
shile; 240

Endithe ndakukubuza ukuba oku kukuthini na,

Wandithi ndluu ngamehlo ngokungenasidima:

Ndikungcambazisile; wasuka wonway' intloko,

Waza ngokruquko olukhulu, wangqisha ngonyawo pha-
ntsi:

Kanti ke andiyekanga; wasuka wakheth' ukuthula; 245

Kodwa ngokunyolanyola ngesandla,

Undinik' ingqondo yokuba mandikuyeke: ndakuyeka ke;

Ngokoyika ukuqhubela phambili olo kruquko

Olubonakele lushushu kanye; ndaza ke konk' oku

Ndakuthabath' ukuba kubangwa bubulwelwe, 250

Obuthi bumfikele umntu ngamnye ngeyure yakhe.

Butsho ungaryi, ungathethi, ungalali;

Butsho buguqule nembonakalo yakho

Njengoko benjenjalo kwisimo sakho,

Kangangokuba ndingakwazi, Brutus. Ntandane iyi-
nkosi yam, 255

Ndazise ngonobangela wale ntlungu yakho.

- UBrutus.** Andiziva mnandi empilweni, kuphela ke.
- UPortia.** UBrutus usisilumko, kwaye, ukuba ebengekho mpilweni,
Ebeya kwenza onke amacebo ukuba abuyele kuyo.
- UBrutus.** Kanti, ndenjenjalo. Portia ulungileyo, buyela ezingubeni. 260
- UPortia.** UBrutus akaphilile? Ke kaloku kuyimpilo sini na
Ukuhamba uyek' umzimba, urabula imimoya efumileyo Yentsasa emanzi? Intoni, uBrutus akaphilile,
Aze athi nyebelele ezingubeni zakhe ezimnandi,
Aze kufumana imibethe emibi yobusuku, 265
Ahende imimoya emanzi engekomiswa lilanga
Aqhubele phambili isigulo sakhe? Yinqaba, Brutus wam Unangcaphukiso yimbi ikugulisayo engqondweni yakho,
Endinelungelo nemfanelo ngendawo endikuyo
Yokuyazi: ke, ndiwa ngamadolo, 270
Ndikuloba, ngobo buhle bam bebusakunconywa futhi,
Ngazo zonke izifungo zakho zothando, nangeso sibhambathiso sikhulu
Sasimanya sasenza umntu omnye,
Ukuba ucombululele mna, onguwe, osiqingatha sakho,
Ukuba kungasizathu sini na ukuba uxubayele; nokuba ngawaphi na laa 275
Madoda ngobu busuku ube unembutho nawo,—kuba bekukho
Isithandathu okanye isixhenxe, eside safihla ubuso baso Nasebumnyameni.
UBrutus. Mus' ukuguqa, lulamandini Portia.
UPortia. Bekungekho mfuneko yokuba ndenjenjalo, ukuba ube unguBrutus olilulama.
Phantsi kweqhina lomtshato, ndazise, Brutus, 280
Akulindelekile na ukuba ndiwazi amahlebo
Abhekiselele kuwe? Ndinguwe
Kodwa, njengoko kubonakala, ngolo hlobo okanye ngokungafezekanga,—
Ukuba sihlale kunye xa sityayo, ndikonwabise ezingubeni zakho,
Ndincokole nawe ngamaxeshana athile? Mandihlale nje enyeleni 285
Yolonwabo lwakho oluhle? Ukuba kuphela oko,
UPortia lihenyukazi likaBrutus, akanguye umfazi wakhe.

UBrutus. Wena ungumfazi wam wenene nohloneleki-
leyo;

Othandeka kum njengamathontsi abomvu
Atyelela intliziyo yam ekhathazekileyo. 290

UPortia. Ukuba oku bekuyinyaniso, ke ngendilaziswa
eli hlebo.

Ndiyavuma ndingumfazi; kodwa kuko konk' oko
Umfazi awathi uMhlekezazi uBrutus wamthabatha wangu-
mkakhe:

Ndiyavuma ndingumfazi; kodwa kuko konk' oko
Umfazi wodumo oluhle,—intombi kaCato. 295

Undicingel' ukuthi andomelele kunabany' abafazi,
Xa ndinobawo onjalo kwanomyeni onjalo?

Ndazise ngeenjongo zakho; andiyi kuzibhengeza:
Ndinesiqinisekiso esomeleleyo sonyamezelo lwam,
Ngokuzihlaba ngabom apha 300

Ethangeni: uthi ndinganyamezela oko,
Ndize ndingenjenjalo kumahlebo endoda yam?

UBrutus. Awu zithixondini,
Ndenzeni ndinyaniseke kulo mfazi uhloniphekileyo!
/Kwankqonkqozwa ngaphakathi.

Phulaphula, phulaphula! kukho bani unkqonkqozayo,
Portia, khawungene;

Kothi emzuzwini isifuba sakho sixhamle 305
Amahlebo entliziyo yam:

Zonke iingxaki zam ndiya kuzityhila kuwe,
Bonke ubume beentshiyi zam ezikhathazekileyo:-
Shenxa kum ngokukhawuleza. /Wemka uPortia. —

Lucius ngubani lowo unkqonkqozayo?

Kungena kwakhona uLucius enoLigarius

ULucius. Nanku umntu ongaphilanga onga anganezwi
nawe. 310

UBrutus. UCaius Ligarius, lo uMetellus ebethetha nga-
ye.—

Kwedini, yithi gu bucala,—Caius Ligarius! kunjani?

ULigarius. Ngamana unganemini entle, lutsho ulwimi
olubuthathaka.

UBrutus. Awu athi eli xesha ulikhethileyo, khalipha-
ndini Caius,

Ukuthwala iqhiya! Akwaba ubungaguli! 315

ULigarius. Andiguli, ukuba uBrutus unamcimbi ubalu-
lekileyo

Ulifaneleyo igama lozuko.

UBrutus. Ndiphethe umcimbi onjalo, Ligarius,
Ukuba ubunendlebe esempilweni yokuwuphulaphula.

ULigarius. Ngazo zonke izithixo amaRoma aqubuda
phambi kwazo, 320

Ngoku nangoku ndiyasivuthulula isigulo sam! Moya
weRoma!

Nyana ulikhalipha, oyilwe kwizintso zembeko!
Wena, njengomkhwitsi, uwusebenze ngokomlingo
Umoya wam ofileyo. Ngoku ndenze ndibaleke,
Ndaye ndiya kuzamana nezinto ezingenakwenzeka; 325
Ewe, ndizikhulele. Kuza kwenziwa ntoni?

UBrutus. Umsetyenzana owotsho abebegula baphile.

ULigarius. Kodwa akukho bebephila esotsho bagule?

UBrutus. Noko masikwenze. Ukuba kuyintoni na,
Caius wam,

Ndiya kukucombulula kuwe, njengokuba sihamba sisi-
ya 330

Kulowo makwenziwe kuye.

ULigarius. Hamba,

Ndaye ndiya kukulandela ngentliziyo esavutha ngokutsha,

Into eza kwenziwa andiyazi: kodwa kwanele

Ukuba uBrutus andikhocele.

UBrutus. Ndilandele, ke.

/Baphuma.

INDIMA II.

Umboniso II.

Igumbi endlwini kaCaesar

Iindudumo nemibane. Kungena uCaesar, ekwigawuni yakhe yangokuhlwa

UCaesar. Ilizulu ingumhlaba akukho iseluxolweni ngokuhlwanje:

Kude kwakathathu uCalpurnia ekhala ebuthongweni, "Sizani, awu! bagebenga uCaesar!"—Kukho bani ngaphakathi?

Kungena isicaka

Isicaka. Mhlekazi?

UCaesar. Hamba uxelele ababingeleli benze idini, 5
Undizele nezimvo zabo ngempumelelo.

Isicaka. Ndiya kwenjenjalo, mhlekazi. /Saphuma.

Kungena uCalpurnia

UCalpurnia. Ufun' ukuthini, Caesar? Ucing' ukuphuma?

Akuyi kuphuma endlwini yakho namhlanje.

UCaesar. UCaesar uya kuphuma: izinto ezazindilekuza 10

Azizange zindijonge koko zazikwenza oko ngasemva kwam; zothi zakubona ubuso bukaCaesar, zithi dukalala.

UCalpurnia. Caesar, andizange ndayinanza nganto imihlola,

Kanti ngoku indenz' ivuso. Kukho bani ukhoyo ngaphakathi apha,

Nangaphandle kwezinto esithe saziva sazibona, 15

Obalisa ngezinto ezoyikeka ngokungathethekiyo ezibonwe ngumlindi,

Imazi yengonyama izalele ezitrateni;

Amangcwaba akhamisie, abakhupha ebebengaphakathi kuwo;

Amagora azizidlamlilo ezoyikekayo alwile emafini,

Ezizintlu namabutho andindeke ngokwasemfazweni, 20

Atsho kwafefeza igazi phezu kweKhapitoli;

Ingxolo yedabi yakhenkceza emoyeni,

Amahashe akhalile, imikhuthuka ejubayo yagcuma;

Izithunzela zatswina zikhwina ezitrateni.

Awu Caesar, ezi zinto zingaphaya kwesiqhelo, 25
Ndaye ndizoyika!

UCaesar. Yintoni enganxwenywayo.

Esiphelo sesiqulunqwe zizithixo ezinamandla?

Kanti uza kuphuma yena uCaesar; kuba le mihlola

Yenzelwe ilizwe liphela kwanjengokuba yenzelwe uCaesar.

UCalpurnia. Xa amangqiba abhubhayo, akubikho zinkwenkwezi zinemitshoba zibonwayo; 30

Izibhakabhaka ngokwazo ziyadangazela kwakubhubha amatshawe.

UCaesar. Amagwala afa kaninzi phambi kokufa kwawo kanye;

Amakhalipha akungcamla kube kanye kuphela ukufa.

Kuyo yonke imimangaliso endikhe ndayiva,

Akukho nto indimangalisa njengokuba abantu boyike; 35

Kusekahleni nje ukuba ukufa, isiphelo esiyimfuneko,

Kofika ngethuba lokuba kufike.

Kwangenana kwakhona isicaka

Bathini osiyazi?

Isicaka. Abavumi nantwana ukuba uphume namhlanje.

Xa bebekhupha umbilini wesilo sombingelelo,

Ababanga nakuyifumana intliziyo ngaphakathi esilwanyaneni. 40

UCaesar. Izithixo zikwenza oku ngeentloni zobugwala:

UCaesar uya kuba usisilwanyana esingenantliziyo,

Ukuba unokuhlala ekhaya namhlanje ngenxa yokoyika.

Hayi bo, UCaesar akayi kukwenza oko. Ingozi yazi kakuhle

Ukuba uCaesar unobungozi kunayo: 45

Siziingonyama ezimbini ezizelwe ngalanga linye,

Mna ke ndiyendadlana neyoyikeka ngaphezulu:

Ke uCaesar uya kuphuma.

UCalpurnia. Awu, nkosi yam,

Ubulumko bakho buginywe kukuzithemba.

Mus' ukuphuma namhlanje: lubize ngokuba luloyiko lwam 50

Olukugcine endlwini, ingelulo olwakho.

Siya kuthumela uMark Antony kwindlu yeeNgwevu;

Waye eya kuthi akuphilanga namhlanje:

Ndivumele, ndiwa ngedolo, ndiphumelele kule nto.

UCaesar. UMark Antony uya kuthi andiphilanga; 55

Ndize, ngenxa yobulwelwe bakho, ndihlale ekhaya.

Kungena uDecius

Nanku uDecius Brutus, uya kuzixelela njalo.

UDecius. Aa, Caesar! bhota, Caesar ubekekileyo: Ndize kukuphuthuma ukuba uye kwindlu yeeNgwevu.

UCaesar. Ufike ngethuba elihle kanye, 60

Ukuba use imibuliso yam kwindlu yeeNgwevu,

Uzixelele ukuba andizi namhlanje:

Ukungabi nakho bubuxoki; ibe u-andingeze, ibobuphi-
ndiweyo: 65

Andizi namhlanje,—zixelele njalo, Decius.

UCalpurnia. Yithi akaphilile.

UCaesar. UCaesar makathumele ubuxoki?

Ukuza kuthi ga kulo gama ndiyolule ingalo yam ngo-
loyiso,

Kanti ndiza koyika ukuxelela iintshebe ezimhlophe
inyaniso?

Decius, hamba uzixelele ukuba uCaesar akezi.

UDecius. Ngangalala ingenamida Caesar, mandibe nesi-
zathu endisaziyo,

Hleze ndibe yinto yentsini ndakuzazisa njalo. 70

UCaesar. Isizathu sikwintando yam,—andizi;

Oko kwanele ukuzikholisa iiNgwevu.

Kodwa, ukwaneza wena siqu,

Kuba ndiyakuthanda, ndiza kukwazisa:

UCalpurnia apha, umkam, undihlalisa ekhaya: 75

Uphuphe ngobu busuku ebona isithombe sam,

Esibonakele njengomthombo omehlo alikhulu,

Atsawula igazi elicwengileyo; aza amaRoma amaninzi
aneminqweno

Eza encumancumeza, ahlamba izandla zawo kulo:

Ezi zinto ke uzithabatha njengezilumkiso, namavuso, 80

Neenkohlakalo ezizayo; ke uwa ngedolo

Endibongozela ukuba ndihlale ekhaya namhlanje.

UDecius. Eli phupha lonke lilawulwa kakubi;

Ibingumbono omhle nonenyweba:

Isithombe sakho esitsawula igazi ngamehlo amaninzi, 85

Ekuthe kulo amaRoma amaninzi ancumancumezayo
ahlamba,

Sibonisa ukuba apha kuwe iRoma eyandileyo iya kumu-
nca

Igazi lentlaziyeke; aye amadoda amakhulu eya kuthi nkxu
Iiqhiya zawo esenza izikhumbuzo neembasa.

Nako ke okuthethwa liphupha likaCalpurnia. 90

UCaesar. Walilawula kwasa ngale ndlela.

UDecius. Ndenjenjalo, wakuba ukuvile endinokukuthe-
tha:

Ke mawazi ngoku,—iiNgwevu zigqibe

Ekunikeleni, ngeli langa, isitsaba kwingangalala uCaesar.

Xa ke unokuthi uzithumele izwi lokuba akuzi, 95

Zinokuthi ziluguqule uluvo. Nangaphezu koko, khawu-
bone isigxeko

Esingathi senziwe, xa kukho bani uthi,

“Yiyekeni ife indlu yeeNgwevu de kube lelo xesha,

Aya kuthi ngalo umkaCaesar afikelwe ngamaphupha
amahle.”

Xa uCaesar azifihlayo, aziyi kudumzela, zithi, 100

“Bona ke, uCaesar uyoyika?”

Ndixolele, Caesar, kuba uthando lwam olunzulu

Kuwe lundinyanzelela ekubeni ndikuxelele oku;

Ibe ingqondo yokwenza oko kwisithandwa sam indithiba.

UCaesar. Awu z abonakala zibubudenge ngoku izoyiko
zakho Calpurnia! 105

Ndineentloni ukuba ndibe bendizinikele kuzo.

Ethe umnweba wam, kuba ndiyahamba:-

Kungena uPublius, uBrutus, uLigarius, uMetellus,

uCasca, uTrebonius, noCinna

Bona ke nankuya uPublius eze kundiphuthuma.

UPublius. Bhota Caesar.

UCaesar. Wamkelekile Publius.—

Yini le, Brutus, nawe uvuke kwakusasa kangaka?— 110

Bhota, Casca.—Caius Ligarius,

UCaesar akazange abe nobutshaba nawe

Njengalaa cesina yakutsho wanqina.

Ixesha lithini?

UBrutus. Caesar, kubeth' intsimbi yesibhozo.

UCaesar. Ndiyanibulela ngenkuthalo yenu nangembe-
ko. 115

Kungena uAntony

Bona! uAntony, oziyolisa bude buhambe ubusuku,

Phezu koko uvukile. Bhota, Antony.

UAntony. Kwangokunjalo kuCaesar ohlonipheke ngo-
kukodwa.

UCaesar. Bayalele balungise ngaphakathi;
 Ndim onobutyala bokuba kube bekulindwe mna.
 Ke, Cinna:- nawe Metellus:- nawe Trebonius! 120
 Ndinentetho eya kundithabatha iyure endobuya ndiyenze
 nani;
 Khumbulani ke zenindibone namhlanje:
 Ningabi kude kuyaphi kum ukuze ndinikhumbule.
UTrebonius. Caesar, ndiya kwenjenjalo:- /**Bucala!** kanti
 ndiza kukwayama,
 Ngohlobo lokuba ezona zihlobo zakho zisenyongweni
 zinqwenele ukuba ndibe bendimpanyana. 125
UCaesar. Zihlobo zilungileyo, ngenani, ningcamle intwa-
 na yeveyine nam;
 Saye njengezihlobo siya kunduluka kunye apha.
UBrutus. !**Bucala!** ukuba njenga akuthethi ukuba yiloo
 nto awu Caesar,
 Intliziyo kaBrutus ebilangazelela ukucinga ngayo.
 /**Baphuma.**

Umboniso III.

Isitrato kufuphi neKhapitoli

Kungena uArtemidorus, efunda iphepha

UArtemidorus. “Caesar, zilumkele kuBrutus; zilumkele
 kuCassius; hambela nxamnye kuCasca; mbazel’ iliso uCinna;
 mus’ ukumthemba mpela uTrebonius; mbek’ esweni uMetellus
 Cimber: uDecius Brutus akakuthandi: 5 umkhathazile
 uCaius Ligarius. Onke la madoda amoya mnye, ukuchasa
 uCaesar.

Ukuba ke akunguye owambathiswe ukungafi, jonga eca-
 leni kwakho: ukuzithemba kudedela iyelenqe. Izithixo ezi-
 namandla mazikukhusele!

Intandane yakho, Artemidorus.” 10

Ndiya kuma kule ndawo ade adlule uCaesar,

Ke njengozincethezelayo ndiya kumnika oku.

Intliziyo yam ibuhlungu xa ubulungisa bungenakongama
 Kwizenzo zomona.

Ukuba uthe wakufunda oku, awu Caesar, ubungaphi-
 layo; 15

Ukuba akwenjanga njalo ke, amashwangusha nabangca-
 tshi basebhungeni, **Waphuma.**

Umboniso IV.

Enye indawo kwakweso sitrato, phambi kwendlu kaBrutus

Kungena uPortia noLucius

UPortia. Nceda, kwedini, baleka uye kwindlu yeeNgwevu; Mus' ukuziziliza undiphendula, kodwa hamb' uhambe: Udukisele ntoni?

ULucius. Ukunga ndingakwazi endithunywa kona, nkosikazi.

UPortia. Akwaba kum ubuphaya, ube sewuvela khona, Phambi kokuba ndikwazise oma wuye kukwenza khona—
/Bacala/ Awu bambizwilakhe, yiba namandla ngakum, Yithi zinzi intabakazi phakathi kwentliziyo yam nolwimi! Ndinengqondo yendoda, kodwa amandla omfazi. Uselapha?

ULucius. Nkosikazi, mandenze ntoni? 10

Ndibaleke ndiye kwiKhapitoli, ibe kuphela oko?

Ndisuke ndibuyele kuwe, ibe kuphela oko?

UPortia. Ewe, ndizele nezwi, kwedini, lokuba inkosi yakho ikhangeleka kakuhle, na? 15

Kuba yemka ingaphilanga: uze uqonde kakuhle

Ukuba uCaesar wenzani na, ingabaphi na abancethezeli abazinunusayo kuye.

Phulaphula, kwedini! yingxoloni leyo?

ULucius. Andiyiva, nkosikazi.

UPortia. Nceda, phulaphula kakuhle:

Ndiva ulwandile lwesidubedube, ngokungathi kuyaliwa, Luthwelwe ngumoya luvela kwiKhapitoli.

ULucius. Inene, nkosikazi, andiva nto. 20

Kungena uSiyazi

UPortia. Yiza ngapha, nkewundini, ube ukuliphi icala?

USiyazi. Endlwini yam, lungandini lenenekazi.

UPortia. Kuxesha lini?

USiyazi. Seyiza kuba yintsimbi yethoba, nkosikazi.

UPortia. UCaesar sehambile ukuya kwiKhapitoli?

USiyazi. Akakahambi, nkosikazi, ndiya kuthabatha isikhundla sam, 25

Ukuze ndimbone xa adlulayo ukuya kwiKhapitoli.

UPortia. Uyazincethezela sini na kuCaesar, akunjalo?

USiyazi. Ndiyakwenza oko, nkosikazi, ukuba kunokukholiseka kuCaesar ukuba alunge kuCaesar abe nokundiphulaphula,

Ndiya kumbongoza ukuba azenze umhlobo. 30

UPortia. Ngokuba kutheni, kukho ngozi ijoliswe kuye onolwazi ngayo?

USiyazi. Akukho ndiyaziyo, naxa ndinethuku lokuba oko kunokwenzeka.

Sala kakuhle.—Isitrato simxinwa apha:

Ihlokondiba elilandela uCaesar,

LeeNgwevu, labaphathi, labantu abazincethezelayo, 35

Liya kumcudisa umntu obuthathaka de aphants' ukufa:

Ndiya kuzifunela indawo ebuphangalala, ndize ke apho

Ndithethe noCaesar oyingangalala, xa azayo. /**Waphuma**

UPortia. Mandingene.—/**Bucala!** Athi ke mna, hayi into ibuthathaka Intliziyo yomfazi! Awu Brutus,

Amazulu makakhawulezise imigudu yakho!—

Inene, inkwenkwe indivele.—uBrutus unoncethezelo

Angalwamkeliyo uCaesar.—Awu, ndangenwa lutyhafo.—

Baleka, Lucius, undiyaleze kwinkosi yam;

Uthi ndonwabile; buyela kum kwakhona, 45

Undizele nezwi elithethileyo kuwe.

/Bemka bonke ngabanye.

INDIMA III.

Umboniso I.

**Phambi kweKhapitoli; IiNgwevu zihleli ngasentla
Isiyunguma sabantu kwisitrate esiya kwiKhapitoli; kuso kukho
Intlokoma**

Kungena uCaesar, uBrutus, uCassius, uCasca, uDecius, uMetellus, uTrebonius, uCinna, uAntony, uLepidus, uPopilius, uPublius, nabanye.

UCaesar. Ii-Ides zikaMatshi zifikile.

USiyazi. Ewe, Caesar; kodwa azikadluli.

UArtemidorus. Aa, Caesar! funda eli phepha libhaliweyo.

UDecius. UTrebonius unqwenela ukuba ufunde, Xa ukhululekile, oku kuzincethezela ngolulamo. 5

UArtemidorus. Awu Caesar, funda elam kuqala; kuba olwam uncethezelo

Luchukumisa uCaesar kabukhali: lifunde, ngangalalandini Caesar.

UCaesar. Oko kuchukumisa iziqu zethu kuya kuqwalaselwa mva.

UArtemidorus. Mus' ukuziziliza, Caesar, lifunde kwangoku.

UCaesar Yini le, le nkewu iphambene? 10

UPublius Hi, nkosindini, khwelela.

UCassius. Kutheni, izicengo zenu nazenza ezitrateni? Yizani kwiKhapitoli.

UCaesar nanko esiya kwindlu yeeNgwevu, abanye belandela.

UPopilius. Ndinga imigudu yenu ngeli langa inganempumelelo.

UCassius. Migudu mini, Popilius?

UPopilius. Salani kakuhle. /Wasondela kuCaesar.

UBrutus. Ubesithini uPopilius Lena? 15

UCassius Unga ngeli langa imigudu yethu inganempumelelo.

Ndinoloyiko ibhunga lethu lidiziwe.

UBrutus. Khangela, uhlobo aya ngalo kuCaesar: mqwalasele.

UCassius. Casca, khawulezisa, kuba sinoloyiko loku-bonelelwa.—

Brutus, Kuza kuthiwani? Ukuba oku kuyaziwa, 20
InguCassius okanye uCaesar kukho ongayikubuyela emva,
Kuba ndiya kuzigwaza.

UBrutus. Cassius, zibambe:

UPopilius Lena akathethi ngazinjongo zethu;

Kuba, jonga, uyancuma, abe uCaesar engabonakalisi
lusu lumbi.

UCassius. UTrebonius uyalazi ixesha lakhe; kuba,
jonga, Brutus, 25

Utsalela uMark Antony bucala.

/Baphuma uAntony noTrebonius.

UDecius. Uphi uMetellus Cimber? Makaye,

Azincethezele ngoku kuCaesar.

UBrutus. Selelungile: sondela umlandele.

UCinna. Casca, nguwe oya kuphakamisa isandla sakho
kuqala. 30

UCaesar. Sesilungile sonke? Yintoni engemanga nga-
ndlela

UCAesar nenkundla yakhe yeeNgwevu bayilungise?

UMetellus. Wena uphakame kangaka, ngwanyalala
imi yodwa, Caesar unamandla,

UMetellus Cimber uphosa phambi kwesihlalo sakho

Intliziyo ethozamileyo,— /Eguqa

UCaesar. Mandikunqande, Cimber, 35

Olu buthumo nezi mbeko zokuzivonyavonya

Zingalichukumisa kambe igazi labantu nje,

Baguqule umthetho nezigqibo ebesezenziwe

Ngokungathi zenziwe ngabantwana. Mus' ukuba sisi-
denge,

Kangangokuba ucinge ukuthi uCaesar unegazi lov-
kelo 40

Eliya kuthi linyityilikiswe kwindalo yalo yenene

Koko kunyibilikisa eleziphukuphuku; xa nditshoyo,
ndithetha amazwi amnandi,

Uvovo olumaqhombonqa lwembeko, nobungezelo olu-
fana nolwenja.

Umntakwenu ngokusemthethweni wenziwe ikheswa:

Ukuba uthi uvove, uthandaze, umbungezelele,

Ndiya kukucekisa okwenja, ndikukhwelelise endleleni yam

Yazi, uCaesar akenzi bubi, kwaye ngaphandle kwesizathu
esivakalayo engayi kwanezwa nto.

UMetellus. Akukho lizwi na lixabisekileyo kunelam

Linokuvakala kamnandi ngaphezulu kwindlebe kaCaesar
oyingangalala 50

Ukuba abuyiswe umntakwethu owenziwe ikheswa?

UBrutus. Ndanga isandla sakho kodwa kungengalo
unyhwalazo, Caesar;

Ndikucela ukuba uPublius Cimber

Ayinikwe ngoku inkululeko yokubuyiswa. 55

UCaesar. Intoni, Brutus!

UCassius. Ngxe, Caesar; Caesar, ngxe:

UCassius uzithoba kangangokude aye kufika elunyaweni
lwakho, ecelela uPublius Cimber inkululeko.

UCaesar. Bendingachukumiseka lula, ukuba bendinje
ngawe;

Ukuba bendinokuthandaza ukuba ndichukumiseke, imi-
thandazo ibingandichukumisayo:

Kodwa ndimi andigungqi ngokwenkwenkwezi yasantla, 60

Esimo sayo sokuma bhuxe izinzile

Kungekho nto ifana naso esibhakabhakeni.

Amazulu ahonjiswe ngentlaninge yeentlantsi,

Zonke ziyimililo, yabe iyileyo ikhanyisa;

Kodwa kukho inye kuphela kuzo zonke egcine indawo
yayo: 65

Kunjalo ehlabathini,—lizaliswe kakuhle ngabantu,

Babe abantu beyinyama negazi, beqiqa

Kanti ke kwelo nani ndazi mnye

Obambe indawo yakhe ngokungenasisihla,

Ongashukunyiswayo yimigungqo: ke ndingulowo, 70

Mandikhe ndikubonakalise oko, nakule nto,—

Yokuba ndisemi ekubeni uCimber ahlale ekhesiwe,

Ndingagungqi ekumgcineni ahlale enjalo.

UCinna. Awu Caesar—

UCaesar. Hamban' apha! ninani ningayi kufunqula
kanye iOlimpasi?

UDecius. Ngangalalandini, Caesar,—

UCaesar. Asinguye Brutus lowa uguqela ilize? 75

UCasca. Uyathetha, izandla, kum!

UCasca wamhlaba uCaesar entanyeni. Emva koko
walowo kwabebhunga wamhlaba, kwaza kwagqibela uMarcus
Brutus.

UCaesar. Nawe na Brutus!—Wawa ke uCaesar!

/Wafa. **II**Ngwevu nabantu baroxa bedidekile.

UCinna. Inkululeko! ukuziv' ubuntu! Ulawulo lobu-
ngqwangangqwili luphelile!—

Sukan' apha ngezantya, niyibhengeze, niyihlokomise
ezitrateni.

UCassius. Abanye mabakhwele emaqongeni, bekhwaza
“Inkululeko, ukuziv' ubuntu! nenxaxheba elulawulwe-
ni!” 80

UBrutus. Bantu, nani ziNgwevu, maluhl' ufuba;
Ningaphaphazeli; yimani nithi zole:- ityala lokuthand'
udumo lihlawulwe.

UCasca. Khwel' eqongeni, Brutus.

UDecius. NoCassius ngokunjalo.

UBrutus. Uphi uPublius? 85

UCinna. Nguye lo, usathe manga lolu vukelo.

UMetellus. Bambanani ngamxhelo mnye, hleze mhlobo
uthile kaCaesar aziv' amandla—

UBrutus. Mus' ukuthetha ngokuma.—Publius, yome-
lezeka;

Akukho ngozi ijoliswe siqwini kuwe, 90

Kanti nakuwuphi umRoma ongomnye: baxelele njalo,
Publius.

UCassius. Uze usikhwelele, Publius; hleze bathi abantu,
abasihlaselayo, benze ingozi kwiintanga zakho.

UBrutus. Yenjenjalo:- makungabikho bani uthwaliswa
ubutyala besi senzo,

Ngaphandle kwethu benzi baso. 95

Kwangena kwakhona uTrebonius

UCassius. Uphi uAntony?

UTrebonius. Ubalekele endlwini yakhe ethe manga:
Amadoda, nabafazi, nabantwana bathe phuhlu amehlo,
bayalila, bayabaleka

Ngokungathi umhla womgwebo ufikile.

UBrutus. Mashwangusha, siya kuyazi iminqweno yenu:
Khona ukuba siya kufa, siyakwazi; kodwa kuphela
lixesha

Nokuchana iintsuku, into ekhathaza abantu. 100

UCassius. Phofu, lowo unqamla amashumi amabini
obomi

Unqamla elo nani lokoyika ukufa.

UBrutus. Masikuvume oko, kodwa ke kungaba ukufa
kulusizo sini na:

Ngoko sizizihlobo zikaCaesar, thina bashunqule

Ixesha lakhe lokoyika ukufa.—Gobani, maRoma, gobani,
Sihlambe izandla zethu egazini likaCaesar
Siye kuthi xhaxhe ngeenqwiniba, sidyobhe izinkempe
zethu

Sandul' ukuphuma siye kwindawo yembutho,
Size silekulekuza izixhobo zethu ezibomvu phezu kwee-
ntloko zethu,

Sidanduluke sonke, "Uxolo, inkululeko, nokuziv' ubu-
ntu!" 110

UCassius. Gobani ke nihlambe.—Yiminyaka emingaphi
na ukuthabathela

Ngoku oya kuthi lo mbono wethu uphakamileyo wenziwe
Zizizwe ezingekabikho, ngeelwimi ezingekaziwa!

UBrutus. Aya kuba mangaphi na amaxesha aya kuthi
uCaesar ophele eqongeni,

Olele ngoku esisekweni sesithombe sikaPompey 115

Engaxabisekanga ngaphezu kothuli akulo!

UCassius. Ngalo lonke ixesha oko kusihla,
Eli nqunyana lethu lothi libizwe ngokuba
Lingamadoda awanikela ilizwe lawo inkululeko.

UDecius. Ukusuka apha siyaphi?

UCassius. Hee, wonke umntu uza kuphuma:

UBrutus uya kukhokela; saye siya kunika isidima ngoku-
mlandela 120

Ngeentliziyo ezikhaliphileyo nezilunge zagqibelela zase-
Roma.

UBrutus. Inzwi! ngubani lo uzayo?

Kungena isicaka

Umhlobo kaAntony.

Isicaka. Brutus, inkosi yam indiyalele ukuba ndiguqe
ndenjenje;

Uthe uMark Antony zendizilahle phantsi olu hlobo;

Ndakuba, ndilutywantsi phantsi, wathi zendithi:- 125

UBrutus uzukile, ulumkile, ukhaliphile, unyanisekile;

UCaesar ebenamandla, engwanyalala, enobukhosi, eno-
thando:

Yithi ndiyamthanda uBrutus, ndaye ndimbekile;

Yithi bendimoyika uCaesar, ndimbekile, ndimthanda.

Ukuba uBrutus uyavuma ukuba uAntony 130

Eze kuye engekho sichengeni sangozi, aze kwanekelwa

Indlela athe uCaesar wakufanela ngayo ukulala engofileyo,

UMark Antony akayi kumthanda uCaesar ofileyo

Njengoko aya kwenjenjalo kuBrutus ophilileyo; kodwa wolandela

Amasuka-ndihlala nemicimbi kaBrutus ozukileyo 135

Kwiingxingongo zomhlaba ongekahanjwa.

Ngayo yonke intembeko enyanisekileyo. Itsho njalo ke inkosi yam uAntony.

UBrutus. Inkosi yakho ngumRoma olumkileyo nokhaliphileyo;

Andizange ndiyicingele ukuba inakumbi.

Yixelele, incede ize kule ndawo, 140

Iya kwanela; ndaye ndiyiqinisekisa,

Iya kumka ingenziwanga nto.

Isicaka. Ndiya kuyibiza kwangoku. /Saphuma

UBrutus. Ndiyazi ukuba siya kumamkela kakuhle ngokomhlobo.

UCassius. Akwaba besingenjenjalo: kanti ke noko ndinengqondo

Emoyikayo kakhulu; lwaye uloyiko lwam lusoloko 145

Lubonisa ukuba belukho ngemfanelo.

UBrutus. Kodwa nanku esiza uAntony.

Wangena kwakhona uAntony

Ngena, Mark Antony.

UAntony. Awu ngangalalandini Caesar! walala phantsi ngokwento engento

Lungaba lonke uloyiso, nodumo, nempumelelo namaxhoba akho,

Ashwabene aleli bathwana na? Ndlela ntle.— 150

Andazi, zidweshwa, ukuba iinjongo zenu zithini na,

Ukuba ngubani na ongomnye ema kuphalale igazi lakhe, ingubani na ogazi liphuphumayo:

Ukuba ndim siqu, akukho yure ifaneleke

Njengeyure yokufa kukaCaesar; kungekho nasixhobo

Esingafaneleka nangesiqingatha singezizo ezo zinkempe zenu, zityetyiswe 155

Ngelona gazi lihloniphekileyo kulo lonke ihlabathi.

Ndiyanibongoza, ukuba ninenzondo kum,

Makuthi ngoku izandla zenu zisaxhaph' igazi, zisaqhum' umsi,

Niwuphumeze umnqweno wenu. Ukuba bendinokuphila iminyaka eliwaka,

Bendingezifumani ndikufanele ukufa njengangoku: 160

Akukho ndawo ingandikholisayo, kungekho ndlela yakufa,

Njengalapha ngakuCaesar, ndishunqulwe nini,
Miphefumlo ikhethiweyo nengabalawuli bexesha eli.

UBrutus. Awu Antony, mus' ukuzicelela ukubulawa sithi.

Naxa ngoku ngathi sibonakala sixhaph' igazi, sikhohlakele kanjalo, 165

Njengoko ngazo izandla zethu nangaso esi senzo sethu,
Usibona sinjalo, ukanti wena ubona kuphela izandla zethu,

Nolu phalazo lwegazi zilwenzileyo:

Iintliziyo zethu akuziboni,—zilusizi;

Usizi lokuphatheka kakubi kweRoma— 170

Njengoko umlilo usunduza umlilo, lunjalo usizi ukusunduza usizi—

Lulo olwenze esi senzo kuCaesar. Okwesakho isiqu,
Izinkempe zethu ngakuwe zibuthuntu, Mark Antony:
Iingalo zethu, naxa zisemandleni entiyo nje, neentliziyo zethu

Ziphuphuma luthando lobuzalwana, ziyakwamkela ngobumvuzemvuze bobubele 175

Ngeengcamango ezintle, nangentlonelo.

UCassius. Izwi lakho liya kuba namandla njengelomntu wonke

Ekuphumezeni imisebenzi emitsha yesidima.

UBrutus. Khawunyamezele side sithobe izibilini Zomndiili lo, ungazaziyo apho ukhoyo luloyiko, 180

Esothi ke sikwazise isizathu,

Sokuba mna lo, ubemthanda uCaesar ngethuba lokumhlaba kwam,

Ndibe ndenze oko.

UAntony. Andibuthandabuzi konke ubulumko benu.

Elowo kuni makandinik' isandla sakhe esixhaph' igazi:

Kuqala, Marcus Brutus, mandixikixe esakho;— 185

Landela, Caius Cassius, mandifumane esakho;:-

Nawe, Decius Brutus, esakho;—nawe esakho Metellus;

Esakho, Cinna;—nawe, khaliphandini Casca, esakho;—

Ndigqibele ngesakho, noxa ungenguye omncinane eluthandweni, Trebonius ulungileyo,

Nonke zidweshwa,—athi ke, ndingasuka ndithini na?

Ukuthembeka kwam ngoku kumi kumhlaba obuthe-
lezi, 190

Kangangokuba kwiindlela ezimbini ezimbi niya kundi-
gweba ngenye yazo,

Kukho ukuba ligwala kukho ukuba ngumnyhwalazi.

Into yokuba bendikuthanda, Caesar, Awu, iyinyaniso:

Ukuba, ke, umoya wakho usijongile ngoku, 195

Awuyi kukukhathaza ngokungaphezulu kokuba ukufa
kwakho kubenjalo,

Ukubona uAntony wakho ezenzel' uluxolo,

Exikixa iminwe enegazi yeentshaba zakho,

Wena uzuke kangaka! phezu kwesidumbu sakho?

Ukuba bendinamehlo amaninzi ngangamanxeba ona-
wo, 200

Etywizisa iinyembezi ngokukhawuleza njengoko empo-
mpoza igazi lakho,

Bekuya kundilungela kanye kunokuba

Ndenze ubuhlobo neentshaba zakho,

Ndixolele, Julius!—uze kungqingwa apha, bhadi likha-
liphileyo,

Wajuba khona apha; naba abakuphumel' ingqina bemi,
bedyobheke sisenzo sabo, 205

Bebomvu ligazi lokufa kwakho.

Awu hlabathindini, wena ube ulihlathi kulo eli bhadi;

Laza lona, ngenene, Awu hlabathi, layintliziyo kuwe.—

Athi ukufana kwakho nexhama, libinzwe ngamatshawe
amaninzi, Njengokuba ulele apha nje! 210

UCassius. Mark Antony,—

UAntony Ndixolele, Caius Cassius:

Iintshaba zikaCaesar ziya kuthi oku, kuphuma kumhlobo,
luncomo oludekedeke.

UCassius. Andikubeki tyala ngokumncoma ngolo hlobo
uCaesar;

Kodwa uzimisele kwenza budlelane buni nathi? 215

Uya kuziva ungonwabanga phakathi kwezihlobo zethu;

Okanye masiqhube, singayami ngawe?

UAntony. Bekungeso sizathu endithe ndanibamba nge-
zandla, kodwa, enyanisweni,

Ndithe ndawexulwa kuwona mxholo, kukusuka ndijonge
kuCaesar.

Ndisisihlobo senu nonke, ndaye ndinithanda nonke; 220
Ndiqamele ngeli themba, lokuba niya kundixelela izizathu
Zokuba bekungani na ukuba uCaesar abe ebenobungozi.

UBrutus. Nakuba oku kukhangeleka kungumbono woburalarume:

Izizathu zethu zizele ziinjongo ezincomekayo,

Kangangokuba ukuba wena Antony, ubungunyana ka-
Caesar, 225

Ube uya kwanela.

UAntony. Nantso kuphela into endiyifunayo:

Ndaye kwakhona ndizincethezela ukuba ndifumane

Umzimba wakhe ndiye nawo kwindawo yembutho;

Ndize ndiseqongeni, njengoko kuyimfanelo yomhlobo

Ndithethe kwinkonzo yomngcwabo wakhe. 230

UBrutus. Uya kwenjenjalo, Mark Antony.

UCassius. Brutus, ndingakhe ndibe nazwi nawe.

/Bucala kuBrutus! Akuyazi into oyenzayo: mus' ukuvuma ukuba uAntony athethe emngcwabeni wakhe:

Wazi ngani ukuba akangebachukumisi abantu

Ngento angathi ayithethe? 235

UBrutus. Uxolo;

Kokhwela mna eqongeni kuqala,

Ndichaze izizathu sokuba uCaesar wethu afe:

Aya kuthi akuthethe uAntony, ndiya kukwazisa ngokungqongqo

Ukuthetha ngesicelo nangemvume;

Kwanokuba sanelisekile ukuba uCaesar 240

Awafumane onke amalungelo angawo omngcwabo nenkonzo efanelekileyo.

Oko kuya kuthetha kakuhle ngathi kunokusenzakalisa.

UCassius. Andiyazi into engehlayo; andiyithandi.

UBrutus. Mark Antony, jong' apha, thabatha umzimba kaCaesar.

Kwintetho yakho emngcwabeni akuyi kusibeka tyala, 245

Kodwa ungathetha konke okulungileyo onokukucinga ngoCaesar;

Uxele kanjalo ukuba ukwenza ngemvume yethu;

Kungenjalo akuyi kuba nanxaxheba konke

Kumngcwabo wakhe: ke uya kuthetha

Kwakwelo qonga ndiya kulo, 250

Yakuba iphelile eyam intetho.

UAntony. Makube njalo;
Andinqweneli ngaphezu koko.

UBrutus. Lungisa isidumbu, ke, wandule usilandele.
/Baphuma bonke ngaphandle kukaAntony

UAntony. Awu, ndixolele, wena gada lophisayo,
Ukuba ndilulame ndithambe kwezi zikrelemnqa! 255

Wena sewuyintsalela yeyona ndoda ibizukile
Eyakha yaphila kumsinga wamaxsha.

Yeha kwezo zandla ziphalaze elo gazi lixabiseke kangaka!
Phezu kwamanxeba akho ngoku ndiyaprofitsha—

Wona, njengemilomo ezizimumu, avule imilebe yawo ebo-
mvu, 260

Ecela izwi nentetho kulwimi lwam,—

Isiqalekiso siya kuhlala phezu kwamalungu emizimba
yabantu;

Uburalarume emakhayeni neembambano ezoyikekayo
zamakhaya

Ziya kuxaka zonke iziphaluka zeItali;

Igazi nembubhiso ezo nto zoqhubeka, 265

Nezinto ezoyikeka ngokukodwa ziya kuqheleka kanga-
ngokuba abazalikazi baya kuncuma nje bakubona

Iintsana zabo zihlaliswe namagora emfazwe;

Yonke imfesane ifuthaniselwe yimikhwa yezenzo zobubi:

Ube umoya kaCaesar, uzilungiselela impindezelo, 270

UnoAte ngakuwo ophuma esisilongolongo esihogweni,

Uthi kuyo le mida ngezwi lekumkani

Udanduluke, “Ubuchithi,” uzikhulule izinja zemfazwe;

Ukuze esi senzo singcolileyo sinuke phezu kwehlabathi

Yimizimba efileyo yabantu, incwinela ukungcwatywa. 275

Kungena isicaka

Ubusa uOctavius Caesar, akunjalo sini na?

Isicaka. Ndenjenjalo, Mark Antony.

UAntony. UCaesar ubembhalele ukuba eze eRoma.

Isicaka. Uzifumene iileta zakhe, ke uyeza;

Waye endiyalele ukuba ndithi kuwe ngomlomo— 280

Awu Caesar!— /Sibona isidumbu

UAntony. Intliziyo yakho iphangalele, bheka phaya ulile.

Uvakalelo, ndiyabona ukuba luyasulela; kuba amehlo am,

Akubona lawo maso osizi eyengezela kwawakho,

Aqalile ukutywizisa. Inkosi yakho iyeza? 285

Isicaka. Ilele ngokuhlwanje kwisithuba esiziiligi ezisi-
xhenxe kusukwa eRoma.

UAntony. Phindela ngokukhawuleza uyixelele okuhlile-
yo: Nantsi iRoma esezileni, iRoma enobungozi,
AsiRoma yankoloseko kuOctavius okwangoku;
Hamba ngokukhawuleza, uyixelele njalo. Hayi, kha-
wenze kuhle; 290

Ungaphindeli de ndibe ndisithwele esi sidumbu
Ndasisa kwindawo yembutho: apho ke ndozama,
Kwisiqhazolo sentetho yam, ukuba abantu basithabatha
njani na

Isenzo senkohlakalo saba baphalazi-gazi;
Owothi ngokubonileyo, umanekele
Umfana uOctavius ukuqhubeka kwezinto.
Ndiphe isandla. /**Baphuma nomzimba kaCaesar.**

Umboniso II.

Indawo yembutho

Kungena uBrutus noCassius, **nehlokondiba** labemi
Abemi. Siya kwanela; masanezwe.

UBrutus. Ndilandeleni ke, nindiph' iindlebe, zihlobo.—
Cassius, yiya kwesinye isitrato,
Uxule iqela.—

Abo banga bangandiva ndithetha, mabahlale apha; 5
Abo balandela uCassius, bahambe naye;
Izizathu ezingeviwa nangubani ziya kubhengezwa ngo-
kufa kukaCaesar.

Ummi wokuqala. Ndiya kuphulaphula uBrutus ethetha.

Ummi wesibini. Ndiya kuphulaphula uCassius; ndize
ndithelekise izizathu zabo,

Xa siziva zinikwa ngokwahlukeneyo. 10

/**Waphuma uCassius, neqela elithile labemi.**

UBrutus wakhwela eqongeni.

Ummi wesithathu. UBrutus ozukileyo uqabele: inzwi!

UBrutus. Niya kuba nomonde de kube sesiphelweni.

MaRoma, zimamhlaba, nani zintandane! ndiveni kuso
isizathu sam, nizole ukuze nindive: ndikholelweni ngenxa
yentloneleko yam, 15

niluhlonele uzuko lwam, ukuze nikholwe: ndigwebeni
ngokobulumko benu, nizilole iingqondo zenu, ukuze nigwebe
kakuhle. Ukuba kukho bani kule ngqungquthela, kukho
ntandane ithile kaCaesar, kuye lowo ndithi, uthando uBrutus
abe nalo kuCaesar alungaphantsi kolwalowo. 20

Ukuba, ke loo mhlobo ufun' ukwazi isizathu sokuba
uBrutus avukele uCaesar, yiyo le impendulo yam,—Asikuko

kuthi ndethile ekumthandeni uCaesar, koko ndiyithande iRoma ngaphezulu. Beninga kungaphila uCaesar, nife nonke nina ningamakhoboka, kunokuba kufe uCaesar, niphile 25 nonke nikhululekile? Njengoko uCaesar ube endithanda, ndiyamlilela; njengoko ebethamsanqelekile ndiyavuya koko; njengoko ebekhaliphile, ndiyamhlonela: kodwa, njengoko ebethand' udumo, ndingwazile. Nanzo iinyembezi zokumthanda; uvuyo lwethamsanqa lakhe; imbeko ngokhalipho 30 lwakhe. Ngubani apha othoboke ngohlobo lokuba abe likhoboka? Ukuba ukho, makathethe; kuba lowo ndimonile. Ngubani apha ongachubekanga ngohlobo lokuba angabi nguye umRoma? Ukuba ukho, makathethe; kuba lowo ndimonile. Ngubani apha ongcole ngohlobo lokuba angalithandi izwe lakhe? Ukuba ukho, makathethe; kuba lowo ndimonile. 35 Ndokhe ndinqumame ndiv' impendulo.

Abemi. Ayikho, Brutus, ayikho.

UBrutus. Ke akukho ndimonileyo. Andenzanga nto kuCaesar engaphezu kweniya kuyenza kuBrutus. Umcimbi wokufa kwakhe ubhaliwe kwiKhapitoli; uzuko lwakhe 40 alwenziwa nto ingephi, apho ebelufanele; nezikhwazilima zakhe azababazwa, athe ngazo wazifumanela ukufa.

Kungena uAntony nabanye, nesidumbu sikaCaesar

Nangu usiza umzimba wakhe, ulilelwa nguMark Antony: owothi naxa ebengenanxaxheba ekufeni kwakhe, axhamie 45 inzuzo yokufa kwakhe, indawo kwezentlalo; kuba inguwuphi kuni ongayikwenjenjalo? Ngalawo mandinduluke,—kuba njengoko ndigwaze eyona ntandane yam ngenxa yokulungiselela iRoma, ndisenaso eso sinkempe nakum, xa kunokuthi 50 kukholiseke kwizwe lam ukuba lifune ukufa kwam.

Abemi. Phila, Brutus, phila, phila!

Ummi wokuqala. Mgoduseni ngoloyiso ukumsa endlwini yakhe.

Ummi wesibini. Menzeleni isithombe phakathi kokhokho bakhe. 55

Ummi wesithathu. Makabe nguCaesar.

Ummi wesine. Iindawo ezintle zikaCaesar ziya kuthwesa uBrutus.

Ummi wokuqala. Siya kumgodusa ngamayeyeye nemiyyizelo.

UBrutus. Zimamhlaba zakowethu,—

Ummi wesibini. Inzwi, inzolo! uBrutus uyathetha.

Ummi wokuqala. Inzwi, hi awu!

UBrutus. Zimamhlaba zilungileyo, mandinduluke nde-
dwa, Ke, ngenxa yam, salani apha noAntony: 60
Sizimaseni isidumbu sikaCaesar, niyizimase intetho
yakhe

Engozuko lukaCaesar, uMark Antony,
Ngemvume yethu, athe wavunyelwa ukuba ayenze.
Ndiyanibongoza, makungemki namnye umntu, 65
Ngaphandle kwam ndedwa, de abe uthethile uAntony.

/Waphuma.

Ummi wokuqala. Hlalani bo! siphulaphule uMark
Antony.

Ummi wesithathu. Makenyukele kwisihlalo sasebandla;
Siya kumphulaphula. —Antony uzukileyo, nyukela
phaya.

UAntony. Ngenxa kaBrutus, ndiyanibulela. 70

/Wenyukela esigqebeni.

Ummi wesine. Uthi nants'ini ngoBrutus?

Ummi wesithathu. Uthi, ngenxa kaBrutus, uzifumana
enemibulelo kuthi sonke.

Ummi wesine. Bekungakuhle angathethi nto yobek'
uBrutus ibala apha.

Ummi wokuqala. Lo Caesar ubengumlawuli onobu-
ngqwangangqwili.

Ummi wesithathu. Athi ke, ubunyaniso boko:

Sisenywebeni iRoma yahlukene naye nje. 75

Ummi wesibini. Inzwi! masive okuza kuthethwa ngu-
Antony.

UAntony. Zilulami zingamaRoma,—

Abemi. Inzwi, hi awu! masimve.

UAntony. Zihlobo, maRoma, zimamhlaba, ndiphen'
iindlebe;

Ndize kungcwaba uCaesar, andizanga kumncoma.

Inkohlakalo abathi abantu bayenze bayishiya nga-
semva; 80

Ubulungisa amaxesha amaninzi bungcwatywa kunye
namathambo abo;

Makube njalo ke nakuCaesar. UBrutus ozukileyo

Unixelele ukuba uCaesar ubethand' udumo:

Ukuba bekunjalo, ibisisiphene esibuhlungu;

Waye uCaesar ekuhlawule ngendlela ebuhlungu oko. 85

Nanku ke, ngemvume kaBrutus nabanye,—

Kuba uBrutus ngumntu ohloniphekileyo;

Bonke banjalo, bonke ngamadoda ahloniphekileyo,—
 Ndize kuthetha emngcwabeni kaCaesar.
 Ebengumhlobo wam, ethembekile engenakumbi kum: 90
 Kodwa uBrutus uthi ubethand' udumo;
 Abe uBrutus engumntu ohloniphekileyo.
 Uze namathinjwa amaninzi ekhaya eRoma,
 Azizi zawo zithe zazalisa ovimba besizwe:
 Kungaba oku kuCaesar kwakubonisa ukuthand' udu-
 mo? 95

Xa iimbacu zililayo, uCaesar ubelila:
 Ukuthand' udumo makwaxhiwe ngento ephathekayo:
 Kanti ke uBrutus uthi ubethand' udumo;
 Abe ke uBrutus engumntu ohloniphekileyo.
 Nonke nabona ukuba ngetheko likaLupercal 100
 Kwaba kathathu ndimnikela isitsaba sobukumkani,
 Athe wasala kathathu: kukuthand' udumo oku?
 Ukanti uBrutus uthi ubethand' udumo;
 Abe, ngenene, engumntu ohloniphekileyo.
 Andithetheli kutshabhisa okuthethwe nguBrutus, 105
 Kodwa ndilapha ukuba ndithethe oko ndikwaziyo.
 Nonke nakha namthanda okunye,—ningafumananga
 nakwenza oko:

Sisizathu sini ke esinokunithiba ekumlileleni?
 Awu kuqiqandini, wena ubalekele kwizilo ezinoburala-
 rume,
 Abantu balahlekwa ngamandla okuqiqa!
 Ndinyamezeleni; 110

Intliziyo yam ikulowa mkhumbi kunye noCaesar,
 Ke makhe ndithi khefu de ibuyele kum.
Ummi wokuqala. Ngathi kukho ulutho kumazwi akhe.
Ummi wesibini. Ukuba niwujonga kakuhle umcimbi,
 UCaesar woniwe kakhulu.
Ummi wesithathu. Akenjiwanga njalo sini na zi-
 nkosi? 115

Ndiyoyika kuya kungena okhohlakeleyo kunaye endaweni yakhe.

Ummi wesine. Niwabambile amazwi akhe? Akavumanga ukusamkela isitsaba;

Ngoko kuyinyaniso ukuba ubengathandi ludumo.

Ummi wokuqala. Ukuba kufumaneka kunjalo, kukho abaya kukuhlawulela kakuhle oku.

Ummi wesibini. Athi olu dwayi! amehlo alo abomvu ngokomlilo kukulila. 120

Ummi wesithathu. Akukho mntu uhlonipheke eRoma ngaphezu koAntony.

Ummi wesine. Ke, mphawuleni, nanko eqalisa kwa-khona ukuthetha.

UAntony. Izolo oku izwi likaCaesar belinokukhalimela. Ilizwe liphela, ngoku nankuya elele phaya, Kube kungekho uhlupheke ngohlobo lokuba angambonisi ntlonelo 125

Awu matshawe, ukuba bendikwisimo sokuxhokonxa Iintliziyo zenu neengqondo ukuba zivukele zenze imbutumbuthu,

Bendiya kumenzakalisa uBrutus, ndimenzakalise uCassius Enibaziyo nonke, ukuba bangabantu abahloniphekileyo: Andiyi kubenzakalisa; ndinyula kanye 130

Ukwenzakalisa ofileyo, ukuzenzakalisa mna siqu, nokwenzakalisa nina,

Kunokuba ndenzakalise amadoda anje ukuhlonipheka. Kodwa nangu umphetho onetywina likaCaesar;

Ndiwufumene egumbini lakhe,—ngumyolelo wakhe:

Mawuviwe kuphela ngabantu abaphantsi lo myolelo,—135

Enothi nindixolele, andizimisele kuwufunda,—

Abaya kusuka baye kwanga amanxeba kaCaesar ofileyo,

Ewe, bazifumanele nonwele lwakhe lube sisikhumbuzo,

Baze, xa bafayo, balukhankanye kwimiyolelo yabo, 140

Balunikele njengelifa lexabiso

Kwinzala yabo.

Ummi wesine. Masiwuve umyolelo: wufunde, Mark Antony.

Abemi. Umyolelo, umyolelo! masiwuve umyolelo ka-Caesar.

UAntony. Khaninyamezele, zihlobo zilulamileyo, mandingawufundi; 145

Akufanelekile ukuba nazi indlela uCaesar abenithanda ngayo.

Anizizo zigodo zamithi, aningawo matye, koko ningabantu:

Ningabantu njalonje ke, nothi nakuwuva umyolelo kaCaesar,

Usuke uhlobis' igazi lenu, utsho nithi thwanga:

Kuhle ukuba ningazi ukuba niziindlalifa zakhe; 150

Kuba, xa nithe nazi, Awu, isiphumo soko siya kuba yini na!

Ummi wesine. Funda umyolelo; masiwuve, Antony; Uza kusifundela umyolelo,—umyolelo kaCaesar.

UAntony. Aniyi kukhe ninyamezele na? aniyi kukhe nizole kancinane?

Ndenze into ebendingafanele kuyenza ukunazisa ngawo: 155

Ndiyoyika ndiwenzakalisile amadoda ahloniphekileyo Azinkempe zigwaze uCaesar; ndiyoyika.

Ummi wesine. Ebengabangcatshi: amadoda ahloniphekileyo!

Abemi. Umyolelo! itestamente!

Ummi wesibini. Ebengamatshijolo, abaphalazi-gazi: 160 umyolelo! sifundele umyolelo.

UAntony. Ninga ningandinyanzela, ke, ukuba ndifunde umyolelo?

Yakhani ke ngoko isangqa niraqe isidumbu sikaCaesar, Ndinibonise lowo wenza lo myolelo.

Ndingehla? niyandivumela?

Abemi. Yihla. 165

Ummi wesibini. Yihla.

Ummi wesithathu. Uyayifumana imvume.

/Wehla uAntony

Ummi wesine. Isangqa; yenzani isangqa.

Ummi wokuqala. Melani phaya emkhumbini, bhekelani phaya esidumbini.

Ummi wesibini. Vulelani uAntony indlela,—uAntony ozuke ngokukodwa. 170

UAntony. Hayi, musan' ukukhwela kum; bhekelani phaya.

Abemi. Buyan' umva; vulan' indawo; bhekelani phaya.

UAntony. Ukuba ninanyembezi ninazo, zilungiseleleni ukuziphalaza ngoku.

Niyasazi nonke esi sidabane: ndikhumbula

Mhla waqala uCaesar ukusithi wambu; 175

Yayibubusuku obuthile behlobo, ententeni yakhe,

Ngaloo mini waye oyise amaNervi:-

Jongani, sihamb' apha isinkempe sikaCassius:

Khanibone isikroba esenziwe nguCasca onomona:

Waza wahlaba kule ndawo uBrutus othandekayo; 180

Athe ekuncothuleni intshuntshe yakhe eqalekisekileyo,

Bonani indlela igazi likaCaesar eliyilandele ngayo
Ngokungathi lisuka ngobungxamo ukuphuma phandle,
ukuya kunyondla

Ukuba inganguBrutus na lo unqonkqoza ngolunya olu-
ngaka, nokuba hayi;

Kuba uBrutus, njengoko nisazi, ubeyingelosi ka-
Caesar: 185

Gqalani, awu nina zithixo, ubumvuzemvuze uCaesar
abemthanda ngabo!

Eli kuwo onke amanxeba lilona nxeba libonakalise intswe-
la-bubele.

Kuba uthe uCaesar ozukileyo akumbona emgwaza,
Intswela-mbulelo, yongama nangaphezu kwezixhobo
zabangcatshi,

Yasuka yamoyisa: yayikrazula intliziyo yakhe eyome-
leleyo; 190

Waza ngesidabane sakhe ebufihla ubuso bakhe,
Kanye esisekweni sesithombe sikaPompey,
Ngalo lonke eli xesha sinkcenkceza igazi, uCaesar
oyingangalala wajuba.

Awu, athi isithonga soko kuwa, zidwasha zakowethu!
Ndaba ke mna, nani, ewe sonke siyawa, 195

Xa uvukelo oluxhaph' igazi luchulumachayo phezu
kwethu.

Awu, niyalila ngoku; ndibe ndiqonda ukuba niyava-
kalelwa

Ziimpawu zosizi; la ngamathontsi encebha.
Zidalwa zinobubele, intoni, niyalila nakubona nje kodwa
Izambatho zikaCaesar wethu zikrazulwe? Khanijong'
apha, 200

Nanku yena, etyakatyawe, njengoko nibona, ngaba-
ngcatshi.

Ummi wokuqala. Awu mbono wolusizi.

Ummi wesibini. Athi ke wena Caesar uzukileyo!

Ummi wesithathu. Yeha minindini yosizi!

Ummi wesine. Shehe bangcatshi, zindlavinindini! 205

Ummi wokuqala. Awu mbonondini wophalazo-gazi li-
ngenganganto!

Ummi wesibini. Siya kuyizuza impindezelo yethu.

Abemi. Impindezelo! Nge! Funani! Tshisani! Dubulani!
Bulalani!

Gwazani! Makungabikho namnye umngcatshi ophilayo!

UAntony. Zolani, zidwasha. 210

Ummi wokuqala. Inzolo apho! phulaphulani uAntony ozukileyo.

Ummi wesibini. Siya kumphulaphula, siya kumlandela, siya kufa kunye naye.

UAntony. Zihlobo zilungileyo, zihlobo zimnandi, mandingahlobis' igazi lenu,

Ngokokude nifun' ukwenza imityadidi yegazi ngephan-yazo. 215

Abo benze esi senzo bahloniphekile:

Izikhhalazo zeziqu abanazo, kambe, andingezazi

Ezibabangel' ukuba benze oku; balumkile behloniphekile,

Baye ngokungathandabuzekiyo, beya kuninika izizathu.

Andizanga kuthimba zintliziyo zenu, zihlobo: 220

Andiciko lakuthetha, njengokuba uBrutus elilo;

Kodwa, njengokuba ndisaziwa nini nonke, ndingumntu nje, othetha phandle,

Othanda umhlobo wam; baye bekwazi oko kakuhle

Abo bandinike elubala imvume yokuba ndithethe ngaye:

Kuba andiyiyo ngcali yakucinga, yamazwi, naxabiso, 225

Yakwenza, yakuthetha, namandla abuciko,

Ukuba ndingahlobisa igazi labantu: kuphela ndithetha nje;

Ndinixeleva nje oko nani ngokwenu nikwaziyo;

Ndinibonise nje amanxeba amahle kaCaesar, iintsizantsizana zemilomo ezizimumu,

Ndiziyalele ukuba zibe ngumlomo wam: kodwa ukuba bendinguBrutus, 230

Aze uBrutus abe nguAntony, apho ke uAntony

Ebeya kuyovuyavuya imimoya yenu, anikel' ulwimi

Kwinxeba ngalinye likaCaesar, lutsho

Amatye aseRoma eme ngeenyawo, avukele.

Abemi. Siya kuvukela. 235

Ummi wokuqala. Siya kuyitshisa indlu kaBrutus.

Ummi wesithathu. Hambani ke! yizani sifune abenziyelenqe.

UAntony. Khanindiphulaphule noko, zidwasha, khaindive ndithetha.

Abemi. Inzolo, hi nje! mphulaphuleni uAntony,—uAntony oluzuko lungenamda.

UAntony. Kutheni, zihlobo, nenza into eningayaziyo nani: 240

Sisiphi isenzo sikaCaesar esifanele olu hlobo lothando lwenu?

Yeha, anisazi,—mandinixelele, ke:

Niwulibele umyolelo ebendithethe ngawo kuni.

Abemi. Athi inyaniso yoko; umyolelo! masihlale sive umyolelo.

UAntony. Nangu umyolelo, phantsi kwetywina lika-Caesar: 245

Kummi ngamnye waseRoma unikele,

Kumntu ngamnye, amashumi asixhenxe anantlanu eedrachma.

Ummi wesibini. Caesar oluzuko lungenamida! siya kuziphindezela ngokufa kwakhe.

Ummi wesithathu. Awu, mntwan' egazi Caesar!

UAntony. Khaninyamezele nindive. 250

Abemi. Inzwi, hi nje!

UAntony. Ngokungaphezulu, unishiyele zonke iindle-dlana zakhe,

Imithi yakhe, nemiyezo esandul' ukutyalwa,

Nganen' apha kweTayibha; uyishiyele nina,

Neendlalifa zenu ngonaphakade,—iindawo zokuzonwabisa, 255

Nihambahambe, nizihlaziye.

Nanko ke obenguCaesar! wofika nini omnye okwanjalo?

Ummi wokuqala Naphakade, akasokuze—Hambani sihambe!

Siya kutshisa umzimba wakhe kwindawo engcwele,

Size ngezikhuni sitshise izindlu zabangcatshi.

Sifunquleni isidumbu.

Ummi wesibini. Hamba uye kufuna umlilo.

Ummi wesithathu. Ncothulani izitulo

Ummi wesine. Ncothulani izihlalo, iifestile, yonke into.

/Baphuma abemi nesidumbu.

Bunqaqhuba ke ngoku. Butshijolo, akuzolile, 265

Ungaqhuba ke ngalo ndlela ikukholisayo!

Kungena isicaka

Kunjani ngoku, nkewundini!

Isicaka. Mhlekazi, uOctavius sefifikile eRoma.

UAntony. Uphi?

Isicaka. Bakunye noLepidus endlwini kaCaesar.

UAntony. Ndiya kusuka apha ndithi ngqo ukuya kumbona: 270

Ufike ngethuba elihle. Ithamsanqa lonwabile,
Laye xa likweso simo liya kusenzela nantoni na.
Isicaka. Ndimve esithi, uBrutus noCassius
Bakhutshelwe ngaphandle kwamasango eRoma ngo-
kwamageza.

UAntony. Kunokwenzeka ukuba babe baxelelwe nga-
bantu, 257

Indlela endibashukumise ngayo. Ndise kuOctavius.
Baphuma.

Umboniso III.

Isitrato

Kungena uCinna imbongi.

UCinna. Ndiphuphe ngokuhlwanje ndisesidlweni no-
Caesar,

Ke izinto ezihlola kakubi ziba soloko zithe tha enkumbu-
lweni yam:

Ukanti kukho into enditsalela khona.

Kungena abemi

Ummi wokuqala. Ungubani igama lakho? 5

Ummi wesibini. Usingaphi?

Ummi wesithathu. Uhlalaphi?

Ummi wesine. Utshatile nokuba ulisoka?

Ummi wesibini. Mphendule umntu ngamnye ngokuthe
gca. 10

Ummi wokuqala. Ewe, ngokufuphi kanjalo.

Ummi wesine. Ewe, ngobulumko kanjalo.

Ummi wesithathu. Ewe, nangenene, oko kuya kukulu-
ngela kanye.

UCinna. Ngubani na igama lam? Ndisingaphi na?
Ndihlalaphi na? Nditshatile na nokuba ndilisoka? 15

Ke, mandimphendule umntu ngamnye ngokuthe gca,
ngokufuphi, ngobulumko ngokuyinene:- ngobulumko ndithi,
ndilisoka.

Ummi wesibini. Oko kukuthi baziziphukuphuku abo
batshatayo:- ndiya kukhe ndikuxhimfe ngaloo nto, ndiya
kuxelela. 20

Qhuba; ngokuthe gca.

UCinna. Ngokuthe gca, ndiya emngcwabeni kaCaesar.

Ummi wokuqala. Njengomhlobo nokuba njengotshaba?

UCinna. Njengomhlobo.

Ummi wesibini. Loo ngongoma iphendulwe ngokuthe
gca. 25

Ummi wesine. Apho uhlala khona,—ngokufuphi.

UCinna. Ngokufuphi, ndihlala ngakwiKhapitoli.

Ummi wesithathu. Igama lakho, nkosi, ngokuyinene.

UCinna. Ngenene, igama lam nguCinna.

Ummi wokuqala. Mqwengeni; ngowabeyelenqe. 30

UCinna. NdinguCinna imbongi, ndinguCinna imbongi.

Ummi wesine. Mqwengeni ngenxa yezibongo zakhe ezibi, mqwengeni ngenxa yezibongo zakhe ezibi.

UCinna. Andinguye uCinna umngcatshi.

Ummi wesine. Oko akuthethi nto, igama lakhe nguCinna; ncothulani kuphela igama lakhe entliziyweni yakhe, nimeke ahambe.

Ummi wesithathu. Mqwengeni, mqwengeni! Yizani, zidlamlilo, bo! zidlamlilo: kwaBrutus, kwaCassius; 35 tshisani konke; abanye kwindlu kaDecius, abanye kweka-Casca; abanye kwekaLigarius:

Hambani ke nihambe.

/Baphuma

INDIMA IV.

Umboniso I.

Indlu eRoma.

UAntony, noOctavius, noLepidus, bahleli etafileni

UAntony. Eli qela ke liza kufa; amagama alo aphawulwe

UOctavius. Umntakwenu naye makafe; uyavuma, Lepidus?

ULepidus. Ndiyavuma,—

UOctavius. Mphawule, Antony.

ULepidus. Phantsi kweemeko ezithile uPublius akayi kuphila,

Ongunyana wodade wenu, Mark Antony. 5

UAntony. Akayi kuphila, jonga, ngalo mda ndiyamphawula.

Kodwa, Lepidus, yiya endlwini kaCaesar;

Uze nomyolelo apha, saye siya kuthi sikhangele iindawo Ezingathi ziguzulwe emafeni.

ULepidus. Ke, ndonifumana apha?

UOctavius. Kungekho apha kuya kuba kwiKhapitoli.

/Waphuma uLepidus.

Antony. Sisaphuselana esingaxel' into esi,

Esifanele kuphela ukuba sisigidimi: kufanelekile yini

Ukuba kwilizwe elahlulwe laziintlantlu ezintathu, abe ngomnye

Wabathathu abaza kufumana inxaxheba kulo? 15

UOctavius. Uhleli nje ucinga oko ngaye,

Ukanti ulamkele icebiso lakhe ngomakaphawulelwe ukufa,

Kuludwe lwethu lwamabafe nakwincwadi yophawulo.

UAntony. Octavius, sendineentsukwana ndikho kunawe:

Naxa nje simnika ezi mbeko lo mfo,

Ukuzihlangula kwimilomo-lomo yozindlo, 20

Uya kuzithwala nje kodwa kanye ngaloo ndlela undlebe-nde athwala ngayo igolide,

Athi ancwine antsintsitheke phantsi komgodla,

Ethiwe chu ngaphambili okanye eqhutywa, ukwalathiswa indlela;

Aze athi akubufikisa ubutyebi bethu apho sibufuna khona,

Simthule ke umthwalo, simyeke ahambe, 25

Yena ke njengondlebende othulwe umthwalo, wovuthulula iindlebe zakhe,

Aye kutya edlelweni.

UOctavius. Ungaqhuba ngokuqonda kwakho:

Kodwa yena uligora elinyanisekileyo nelikhaliphileyo,

UAntony. Linjalo kanye ihashe lam, Octavius; kwaye ngeso sizathu

Ndiligcinela ifula eninzi: 30

Lisisidalwa endisifundisa ukulwa,

Ukujika, ukunqumama, ukubaleka gca,

Iintshukumo zomzimba walo zilawulwa ngumxhelo wam.

Ke, ngezinye iindawo, unjalo kanye uLepidus;

Kufuneka efundisiwe, waqeqeshwa, ayalelwe ukuba ahambe; 35

Yinkewu emoya uphuthileyo; etya iimvuthuluka ezilahliweyo

Iintsalela, nethand' ukulinganisa abanye,

Kwizinto esezilahliwe ngokuphelelwa lixesha ngabany' abantu

Mus' ukuthetha ngaye, kodwa mthabathe njengesixhobo sethu. Ke ngoku Octavius 40

Phulaphula izinto ezibalulekileyo:- uBrutus noCassius

Balungisa imikhosi: masiye kunqanda loo nto:

Ngoko amaqela ethu makadibane,

Sakuba sizenzele ezona zihlobo zizizo, nezixhobo zethu zilungile;

Masicebisane kwangoku, 45

Ngokuba izinto ezifihlakeleyo zinokutyhilwa njani na,

Neengozi ezisekahleni zihlangatyezwe njani na.

UOctavius. Masenjenjalo: kuba sisengozini,

Saye sikhonkothwa macalana onke ziintshaba ngeentshaba;

Kwaye ndinoloyiko uninzi lwabo bancumancumezayo, ezintliziyweni zabo, 50

Bathwele ububi obuninzi.

/Baphuma

Umboniso II.

Inkampi ngaseSardis. Phambi kwentente kaBrutus.

Igubu. Kungena uBrutus, uLucilius, uTitinius, nama-soldati; uPindarus uyabahlangabeza; uLucius umi mgama

UBrutus. Yimani, hi nje!

ULucius. Nik' izwi, hi awu! nime.

UBrutus. Yintoni ngoku, Lucilius! uCassius ukufuphi?

ULucilius. Ukufuphi; noPindarus ufikile
Ekuzisela imibuliso evela enkosini yakhe. 5

/uPindarus unika uBrutus ileta.

UBrutus. Indibulisa kakuhle.—Inkosi yakho, Pindarus,
Ngokwayo siqu, kungenjalo ngamagosa angaxel' into,
Indinik' inkuthazo yokokuba

Izinto ebezingekenziwa zenziwe: kodwa, ukuba ikufuphi,
Ndiya kukholiseka.

UPindarus. Andithandabuzi 10

Ukuba inkosi yam ezukileyo iya kubonakala

Njengoko injalo, iyifanele imbeko nozuko.

UBrutus. Ayithandatyuzwa bani.—Mandikubone, Lu-
cilius;

Uhlobo akwamkele ngalo, mandaziswe.

ULucilius. Ngentlonelo nangembeko kanye; 15

Kodwa kungengako ukuqhelana okungako,
Nazincoko zikhululeke zazezobuqabane kanjalo,
Njengoko ebesakwenjenjalo.

UBrutus. Wamchaza

Umhlobo oshushu ngokomntu oya eba dekedeke: wasa-
kuphawula, Lucilius

Xa uthando luqala ukudodoza nokonakala, 20

Luba selusebenza ngembeko yokuzinyanzela.

Akukho buqhophololo kwinkolo ethe gca nephandle:

Kodwa abantu abanganyanisekanga, banje ngamahashe
atsha ziintambo xa asathiwe chu ngezandla,

Bazibonakalisa bekhaliiphile nendalo yabo ithembisa;

Kodwa xa kufuneka benyamezele intsimbi ekuph'
igazi, 25

Bawe elucikidweni. Uyeza umkhosi wakhe?

ULucilius. Bazimisele ngobu busuku ukulalisa eSardis;

Uninzi, inkoliso yeyamahashe, luza noCassius, 30

/Ungqisho ngaphakathi.

UBrutus. Bek' indlebe ufikile:-

Hamba kakuhle umhlangabeze.

Kungena uCassius namasoldati

UCassius. Yimani, ke!

UBrutus. Yimani, ke! Dlulisa izwi,

Ngaphakathi. Yimani!

Ngaphakathi. Yimani!

Ngaphakathi. Yimani!

35

UCassius. Mzalwana uzuke ngokukodwa, undonakali-
sile.

UBrutus. Ndigwebeni, zithixondini! ndonakalisa iintsha-
za zam?

Ke ukuba kunjalo, ndingathini ukonakalisa umzalwana?

UCassius. Brutus, le mbonakalo yakho ipholileyo ifihla
ububi; 40

Uze xa ubenza—

UBrutus. Cassius, zola;

Zithethele phantsi izikhalazo zakho,—ndikwazi kakuhle.

Phambi kwamehlo ayo yomibini imikhosi yethu le,

Ebifanel' ukuba ingaphawuli nto ingelulo uthando kuthi,

Masingaxhwithani: yiyalele ishenxele phaya; 45

Uze ke ententeni yam, Cassius, uzibabase izikhalazo za-
kho,

Ndaye ndiya kukuphulaphula.

UCassius. Pindarus,

Xelela abaphathi-mikhosi yethu bayishenxisele phaya
imikhosi yabo,

Bathi gu bucala kancinane kule ndawo.

UBrutus. Lucius, yenjenjalo nawe; ungavumeli mntu 50

Angene ententeni yethu side sibe siyifezile intetho yethu.

Lucilius noTitinius niya kuphosa iliso kucango lwethu.

/Baphuma.

Umboniso III.

Ngaphakathi ententeni kaBrutus

Kungena uBrutus noCassius.

UCassius. Indawo yokuba undonile ibonakaliswa koku:

Umbek' ityala wambek' ibala uLucius Pella

Ngokwamkela izicengo apha zamaSardis;

Ezithe ngeso senzo, iileta zam, zokumcelela inceba,

Ngokuba ndiyamazi lo mntu, zacekiswa. 5

UBrutus. Uzone ngokwakho ukubhala ngaloo mcimbi.

UCassius. Ngexesha elinje ngeli akufanelekile

Ukuba nasiphi na isiphakwana esingephi sinonotshelwe.

UBrutus. Mandikuxelele le nto, Cassius, wena ngokwa-
kho,

Ubekw' ityala njengesinyolunyolu sebawa; 10

Ukuthengisa urwebe ngobugosa bakho ngenxa yegolide

Kwabangabufaneleyo.

UCassius. Ndim isinyolunyolu sebawa!

Uyazazi ukuba unguBrutus lo uthetha oku,
Okanye, egameni lezithixo, akwaba oku kuthetha kwakho
ibikokokugqibela.

UBrutus. Igama likaCassius lenza ukuba lo mkhuba,
uxoleleke, 15

Isohlwayo ke ngoko siyifihle intloko yaso.

UCassius. Isohlwayo!

UBrutus. Mkhumbule uMatshi, **ii-Ides zikaMatshi** zi-
khumbule:

Ingangalala uJulius ayithanga ivuzise igazi ngenxa yobu-
lungisa?

Yiyiphi indlavini engathanga iwuphathe umzimba wakhe,
iwugwaze, 20

Ingakwenzi oko egameni lobulungisa? Intoni, Uza
kuthi omnye wethu,

Bagwaza oyena mntu ubalulekileyo kubo bonke kweli
hlabathi

Kuphela ngokuxhasa amabhada, ngoku ke masityikile
iminwe yethu

Ngezicengo ezingeni,

Sithengise ngobuninzi beembeko zethu eziphakamileyo 25
Ngenxa yenkunkuma engaka enokubanjwa yenjiwe nje?
Ndingasuka kanye ndibe yinja, ndikhonkothe inyanga,
Kunokuba ngumRoma onje.

UCassius. Brutus, mus' ukukhonkotha mna ke;
Andiyi kuyinyamezela loo nto: uyazilibala sini na,
Ukundenzela imida ngamagunya am; ndilisolдати, mna,
Endinethuba elide ndililo kunawe, ndaye ndinobuchule
kunawe

Ukuba ndingamisa imigaqo.

UBrutus. Suk' apha; akuzizo ezo nto, Cassius.

UCassius. Ndizizo.

UBrutus. Ndithi akuzizo.

UCassius. Mus' ukundixhokonxa, ndiya kuzilibala; 35
Khumbulel' impilo yakho, mandingabuye ndibe sahe-
ndwa nguwe.

UBrutus. Shenx' apha, saphuselanandini!

UCassius. Oku kunokwenzeka?

UBrutus. Ndiphulaphule, kuba ndiza kuthetha.
Mandiroxe ndishenxel' ubugcabevu bakho obuswel'
uqiqo?

Mandoyike xa iphambana lithe phuhlu amehlo? 40
UCassius. Awu zithixondini, zithixondini, mandinya-
mezele konk' oku?
UBrutus. Konk' oko! ewe, nangaphezulu: jwaqeka
ide intliziyo yakho
Ethiwe lwale likratshi ikrazuke;
Hamba ubonise amakhoboka akho ubugcabevu bakho,
Uwenze amakhoboka akho agubhe. Mandishenxe?
Mandithobe kuwe? mandime ndirulube 45
Phantsi kobugcabevu bakho? Ngezithixo,
Uya kwetyisa ubuhlungu bolaka lwakho,
Nokuba sebukuqhekeza; kuba, ukususela namhlanje
Ndiya kukusebenzisa ekuzonwabiseni kwam, ewe, ube
yinto yentsini,
Xa ubunomevara unje. 50
UCassius. Izinto zifikelele kule meko?
UBrutus. Uthi ulisoldati elibhetele:
Khawukubonakalise oko; uqhayiso lwakho maluzibo-
nakalise ubuni balo,
Oko kuya kundikholisa kanye: mna okukokwam,
Ndiya kuvuya ukufunda kumadoda azukileyo.
UCassius. Uyandona ngazo zonk' iindlela; uyandona 55
Brutus;
Ndithe, isoldati elidadlana, ingelilo elibhetele:
Ndikhe ndathi "bhetele"?
UBrutus. Nokuba utshilo, andikhathali.
UCassius. Xa ebesaphila uCaesar ebengacingi
ukundiqumbisa enjenje.
UBrutus. Thula, yithi tu! ubungacingi ukumhenda
umenjenje.
UCassius. Bendingacingi! 60
UBrutus. Hayi.
UCassius. Intoni, bendingacingi kumhenda!
UBrutus. Nokuba ubungenziwa ntoni na, ubungacingi.
UCassius. Mus' ukuthembela kakhulu kuthando lwam;
Ndisenokwenza oko ndingathi ndizisole ngako.
UBrutus. Ukwenzile oko ufanele ukuzisola ngako. 65
Akukho loyiko, Cassius, kumaqobiso akho;
Kuba ndixhobe kangako ekunyanisekeni,
Kangangokuba andidlula njengomoya ongaphethe nto,
Endingawunanze nganto. Ndithumele kuwe
Ndifun' imali ethile yegolide, wandilandulela;— 70

Kuba andinakuvelisa mali ngeendlela ezimdaka:
Ndifung' izulu, ndingasuka kanye intliziyo yam ndiyenz'
imali,

Ndivuzis' igazi lam libe ziidrachma, kunokuba ndicudise
Kwizandla ezigadalala zabalim' iziqwengana inkunkuma
yabo emdaka

Nangayiphi na indlela yokunganyaniseki;—Ndithume-
le 75

Kuwe ndifun' igolide yokuhlawula imikhosi yam,
Othe wandilandulela oko: singaba eso senzo besifana
noCassius?

Bekundilungele ukumphendula uCaius Cassius kwangaloo
ndlela?

Xa uMarcus Brutus athe wanomnqweno,
Wokude anqabise imali ezingaxel' into kwizihlobo za-
khe, 80

Hlalani nilungile, zithixo, ngayo yonke imibane yenu;
Nimhlekeze abe ziziqwenga!

UCassius. Andikhange ndikulandulele.

UBrutus. Undilandulele.

UCassius. Andikhange: ubesisiyatha lowo ukuzisele
Impendulo yam.—**UBrutus** uyikrazule intliziyo yam: 85

Umhlobo ufanel' ukubunyamezela ububhetyebhetye bo-
mhlobo wakhe,

Kodwa uBrutus obam uyabandisa kunoko bunjalo.

UBrutus. Andenjanga njalo, wada wena wafuna uku-
benza kum.

UCassius. Akundithandi.

UBrutus. Andizithandi izikhwazilima zakho.

UCassius. Iliso lobuhlobo alinakuzibona izikhwazilima
ezinjalo. 90

UBrutus. Lelomnyhwalazi ebelingenjenjalo, naxa zibe
zingabonakala

Zizikhulu ziphakame zangangeOlimpasi.

UCassius. Yizani Antony, nomfana uOctavius, yizani,
Niziphindezele ngokwenu kuCassius yedwa,

Kuba uCassius udiniwe lilizwe; 95

Uthiyiwe ngulowo amthandayo; udeliwe ngumzalwana
wakhe;

Ungxoliswa ngokwekhoboka; zonke iziphene zakhe zo-
ndelwe,

Zacwangciswa encwadini, zafundwa, zacengcelezwa nge-
ntloko,

Ukuze ndizixelelwe ebusweni. Awu, akwaba bendinoku-
bhomboloza

Ndiwutyekezele umoya wam ngaphandle kwamehlo am!
Naso isinkempe sam 100

Nalu ugaga lwam oluze, ngaphakathi, yintliziyo
Ethandeka ngaphezu komgodi kaPlutus, exabiseke nga-
phezu kwegolide:

Ukuba ungumRoma yisuse;
Mna, owakulandulela igolide, ndikunika intliziyo yam:
Hlaba njengoko wamenjenjalo uCaesar; kuba, ndiyazi, 105
Ngelona thuba intiyo yakho yayinkulu kuye, noko wawu-
mthanda ngaphezu

Kokuba wakha wamthanda uCassius.

UBrutus. Sifake isinkempe sakho esingxobeni:
Qumba xa uthanda, ukuze kufumane umhlaba;
Yenza oko ukubonayo, uhlaziso luya kuba bubuqotha-
qikili.

Awu, Cassius, ubotshwe kunye netakane 110
Eliwubonakalisa umsindo njengoko ilitye lokuqhwitha
lithwala umlilo;

Elithi lakukhathazwa ngokugqithileyo, libonakalise iintla-
ntsi ngephanyazo,

Nalo ke selibuye laphola kwakhona.

UCassius. UCassius uphilele ukuba enziwe into yolo-
nwabo nentsini nguBrutus wakhe,

Xa usizi, negazi elihlobileyo, ezo nto zimqumbisa? 115

UBrutus. Ukukuthetha kwam oko, bendisemsindweni
ngokwam.

UCassius. Uyakuvuma oko? Ethe isandla sakho.

UBrutus. Nentliziyo yam kanjalo.

UCassius. Awu Brutus,—

UBrutus. Kuhleni?

UCassius. Uthando onalo alukwanelele na ukuba undi-
nyamezele,

Xa obo buqothaqikili buswel' ingqiqo ndabanya kuma 120
Bunditsho ndilibale?

UBrutus. Ewe, Cassius, ukususela ngoku,

Xa uziduba ngoBrutus wakho,

Uya kukuthabatha ukuba unyoko uyakungxolisa, aku-
yekele kuloo nto.

Imbongi. !Ngaphakathi! Ndivumeleni ndingene ndibone iinjengele;

Kukho inzondo omnye komnye phakathi kwazo, akufanelekile Ukuba zibe zodwa. 125

ULucilius. /Ngaphakathi! Akuyi kuya kuzo.

Imbongi. /Ngaphakathi! Akukho nto inokundithintela ingekuko ukufa.

Kungena imbongi, ilandelwa nguLucilius noTitinius noLucius

UCassius. Kutheni ngoku! kuhleni?

Imbongi. Yibani neentloni, zinjengele! yintoni kanye eniphezu kwayo? 130

Thandanani, nibe zizihlobo, njengoko kufanel' ukuba njalo kubantu ababini abanjengani;

Kuba sendinethuba ndikho, ndiqinisekile, kunani.

UCassius. Ndahleka! Athi ke eli sikizi lithethwa ngulo mqholora!

UBrutus. Hamb' uphum' apha, nkosindini, le ntw' ine-zothe!

UCassius. Mnyamezele, Brutus, ngumkhwa wakhe lo 135

UBrutus. Ndiya kuwazi amabhongwana akhe, ngexesha elifanele oko;

Iimfazwe zinento yokwenzani nezi ziphukuphuku zixhentsayo?—

Situnxandini, phuma apha.

UCassius. Phuma, phuma, hamb' umke!

/Yaphum' imbongi

UBrutus. Lucilius noTitinius, yalelani abaphathi-mikhosi Balungiselele ukulalisa imikhosi yabo ngokuhlwanje. 140

UCassius. Nize nize nina nize noMessala

Apha kuthi ngokukhawuleza. /Baphuma uLucilius no-Titinius

UBrutus. Lucius, ingqayi yeveyine!

UCassius. Andizanga ndakucingela ukuba ungaqumba olu hlobo.

UBrutus. Ndinezigulo zezinto ngezinto.

UCassius. Ulwazi lwakho kwezobuchule akulusebenzisi 145

Xa unokoyiswa zizinto ezimbi ezivela bumini.

UBrutus. Akukho mntu unyamezela usizi kunam:-uPortia ubhubhile.

UCassius. Uthini na! uPortia!

UBrutus. Ubhubhile.

UCassius. Ndikuphephe njani ukukubulala okuya
besixabene?— 150

Awu lahlekondini ingenakuxhaseka, idl' umxhelo!—
Ibisifo sini?

UBrutus. Ukuzikhathaza ngokungabikho kwam,
Nentlungu yokuba umfana uOctavius noMark Antony
Bezibeke kumgangatho onamandla angaka;—kuba ezo-
mphanga wakhe

Ziza nolo daba:—yinto ke leyo ebethe wazilahla pha-
ntsi, 155

Kwaza, ngethuba lokungabikho kwabagcini bakhe, wa-
giny' ilahle lomlilo.

UCassius. Wab' uyafa njalo?

UBrutus. Kanye ke.

UCassius. Athi ke nina zithixondini!

Kungena kwakhona uLucius, **ephethe iveyine nesibane.**

UBrutus. Pheza ukuthetha ngaye.—Zisa ingqayi yeve-
yine.—

Apha ndingwaba lonke ulunya, Cassius. /**Wasela.**

UCassius. Intliziyo yam inxanelwe loo mnqophiso
uzukileyo—. 160

Zalisa, Lucius, ide indebe iphuphume yiveyine;

Andinakuthi ndilusele gqitha uthando lukaBrutus. /**Wasela**

UBrutus. Ngena, Titinius! /**Waphuma uLucius**

Wangena kwakhona uTitinius, noMessala

Wamkelekile, lungandini Messala.

Ngoku masisondelelane singqonge esi sibane,

Sixoxe ngezinto esothi sizifune. 165

UCassius. Portia, undulukile?

UBrutus. Yiyeke loo nto, ndiyakubongoza.—

Messala, ndifumene iileta apha,

Ezixel' ukuba umfana uOctavius noMark Antony

Baza kusihlasela ngomkhosi omkhulu,

Uhambo lwabo lubhekisa ngaseFilipi. 170

UMessala. Nam ndineeleta ezithetha kwa oko.

UBrutus. Zongeze ntoni ngaphezulu?

UMessala. Ukuba ngophawulo noludwe lwamagama
amakheswa,

UOctavius, noAntony, noLepidus,

Babulele ikhulu leeNgwevu. 175

UBrutus. Apho ke iileta zethu azidibani ncam;

Ezam zithetha ngeeNgwevu ezimashumi asixhenxe ezifileyo

Ngophawulo lwabo, uCicero ngomnye wazo.

UCassius. UCicero ngomnye!

UMessala. UCicero ufile,

Ngaloo mgqaliselo wolawulo ke.—

180

Iileta zakho zibe zivela kumfazi wakho, mhlekazi?

UBrutus. Hayi, Messala.

UMessala. Kungekho nanto ezileteni zakho ebhalwe ngaye?

UBrutus. Akukho nto, Messala.

UMessala. Loo nto, ibonakala, ingummangaliso kum.

UBrutus. Ubuza kuba kutheni? kukho nto uyivileyo kwezakho ngaye?

185

UMessala. Hayi, mhlekazi.

UBrutus. Ke kaloku, njengokuba ungumRoma, ndixelele inyaniso.

UMessala. Ke njengomRoma uzuyinyamezele inyaniso endikuxelela yona:

Kuba ngenene ufile, ngendledlana engaqhelekanga.

UBrutus. Phofu ke, ndlelantle, Portia.—Sifanele ukufa, Messala:

190

Ndakucinga ukuba umele ukufa ngenye imini,

Ndinawo umonde wokukunyamezela ngoku.

UMessala. Nangaphezu koko amadoda amakhulu afa- nele ukuzinyamezela iilahleko ezinkulu.

UCassius. Nam ndinabo obu buchule njengani,

Kodwa indalo yam iyoyisakala ukunyamezela olo hlobo.

195

UBrutus. Ke kaloku, masibuyele emcimbini wethu thina siphilileyo. Nicinga ntoni ngokuba siye eFilipi ngoku?

UCassius. Andicing' ukuba kufanelekile.

UBrutus. Isizathu sakho?

UCassius. Siso esi:

Kuhle kanye ukuba ibe lutshaba olusifunayo:

Ukuze lonakalelwe zizinto zalo, luwabhuqe amasoldati alo,

200

Lube luyazilimaza ke; sibe thina, silele ncwaba,

Singadinwanga sinokuzikhusela, nokutsiba apha naphaya.

UBrutus. Izizathu ezivakalayo, zimel' ukuthi zishenxel' ezivakala ngaphezulu.

Abantu abakwisithuba esiphakathi kweFilipi nale ndawo

Bemi benothando olunganyanisekanga;

205

Kuba basibandezele izixhaso zomkhosi:

Utshaba xa lucanda phakathi kwabo,
Luya kwandisa amanani alo ngabo,
Luze luhlaziyekile, luhlonyelelwe, lukhuthazekile;
Esothi ke silwaphul' iimpondo kwezo meko zintle, 210
Ukuba sithe sajongana nalo apho eFilipi,
Aba bantu sibanikel' umva.

UCassius. Ndiphulaphule, mzalwana ulungileyo.

UBrutus. Phantsi kwenceba yakho.—Mawuqonde ka-
njalo,

Ukuba sifumene kangangoko kwizihlobo zethu sibe sino-
kukufumana,

Imikhosi yethu iyaphuphuma, isizathu sethu sihle: 215

Utshaba luyanda mihla le;

Thina, baphezulu, silungele ukuhla.

Kukho umsinga kwimicimbi yoluntu,

Othi, wakusetyenziswa usaguguma, ukhokelele enywe-
beni;

Wakuyekwa, lonke uhambo lobomi balo 220

Lubopheleleke ezinyeleni nasezimbandezelweni.

Kulwandle oluzele olo hlobo thina siyadada ngoku;

Ke masiwusebenzise umsinga xa usasebenza,

Kungenjalo imigudu yethu itshabhe.

UCassius. Qhuba ke, ngokwentando yakho;

Nathi, ngeyethu, siye kudibana eFilipi. 225

UBrutus. Inzulu yobusuku isifumene sisathetha,

Ke indalo imel' ukuthi ilulamel' imfuneko;

Esothi siyikhohlise ngokuphumla kancinane.

Akukho limbi lingathethwayo?

UCassius. Akukho limbi. Rolindara:

Kwakusasa ngomso siya kuvuka, simke apha. 230

UBrutus. Lucius! /**Wangena uLucius.** Igawuni yam.

/**Waphuma uLucius.**

Sala kakuhle, lungandini Messala:-

Rolindara, Titinius:- Cassius uzukileyo, wazuka,

Rolindara, uphumle kamnandi.

UCassius. Awu mzalwana wam oyintanda!

Esi sibe siqalo esibi sobusuku:

Iyantlukwano enje phakathi kwethu mayingaz' ibuy'
iphind' ihle! 235

Mayingaze, Brutus.

UBrutus. Yonke loo nto idlule.

UCassius. Rolindara, nkosi yam.

UBrutus. Rolindara, mzalwana ulungileyo.

Titin. Mess. Rolindara, Mhlekezi Brutus.

UBrutus. Salani kakuhle, nonke ngabanye.

/Baphuma uCassius, noTitinius, noMessala

Kungena kwakhona uLucius negawuni

Ndiphe igawuni leyo. Iphi into yakho ehlokomayo?

ULucius. Apha ententeni.

UBrutus. Yini, wathetha ngathi uyozela? 240

Usizana lenkwenkwe, andikukhalazeli nganto; ulindiswe kakhulu.

Biza uClaudius nenxenye kubantu bam;

Ndinga bangalala kwezimfumamfuma ententeni yam.

ULucius. Varro noClaudius!

Kungena uVarro noClaudius

UVarro. Uyathetha mhlekazi?

UBrutus. Ndiyanibongoza, zinkosi, zibekeni phantsi ententeni yam nilale;

Kusenokwenzeka ndinivuse ekuhambeni kwexesha

Ngomcimbi oma wuthunyelwe kumzalwana wam uCassius

UVarro. Ukuba kukholisekile kuwe, siya kuma silinde ongathi ukunqwenele.

UBrutus. Andiyi kukuvumela oko: zibekeni phantsi, zinkosi zilungileyo; 250

Kunokwenzeka ukuba ndibuye ndikhumbule.—

Khangela, Lucius, nants' incwadi ebendisoloko ndiyi-bhuqa;

Ndiyifake engxoweni yegawuni yam.

/UVarro noClaudius bangqengqa.

ULucius. Bendiqinisekile ukuba inkosi yam ibingayinikanga mna.

UBrutus. Ndinyamezele, nkwenkwe ilungileyo, ndilibalagqitha, 255

Ungakhe unyamezele kubuthongo okubo okomzuzwana, Ukhe undidlalel' ingoma nokuba zimbini?

ULucius. Ewe, mhlekazi, xa oko kukholekile kuwe.

UBrutus. Kukholekile, mfo wam:

Ndiyakuduba kakhulu, kodwa uyathumakalala.

ULucius. Oko kuyimfanelo yam, mhlekazi. 260

UBrutus. Bendingamele ukukucinezela ngomsebenzi wakho ngokungaphaya kwamandla akho;

Ndiyazi ukuba abantu abatsha bayathanda ukufumana ithuba lokuphumla.

ULucius. Sendikhe ndalala, nkosi yam.

UBrutus. Kuhle oko; uza kulala ke kwakhona;

Andizi kukubambezele: ukuba ndisaphila, 265

Ndiya kuba nobuntu kuwe.

/Ingoma, neculo, athe ekupheleni kwalo wabe uLucius selelele

Le ngoma iyalalisa:- Athi ke wena sigebengandini sibubuthongo,

Wena uthe zinzi intonga yakho yelotho negunya phezu kwenkwenkwe yam,

Ekudlalela ingoma?—Lulama lenkwenkwe, rolindara;

Andiyi kukukhathaza ngokukuvusa: 270

Xa uthe wanqwaleka uya kusaphula isixhobo sakho;

Ndiya kususisa kuwe; ke, nkwenkwe ilungileyo, rolindara.—

Mandikhe ndibone, mandikhe ndibone, ukuba iphepha aligotywanga na

Apho ndiyeke khona ukufunda? Naku, ndicinga njalo

Kungena isiporo sikaCaesar

Awu savutha kakubi esi sibane!—Heyi! ngubani lo uza apha? 275

Ndicing' ukuba bubufiliba bamehlo am

Obuxonxa lo mbono ubulwanyanara.

Uhla phezu kwam.—ungaba uyintoni?

Usisithixo sini na, uyingelosi, okanye umoya omdaka,

Obangel' ukuba igazi lam lithi ceke, ndibe namanwele? 280

Ndixelele into oyiyo.

Isiporo. Umoya wakho ongcolileyo, Brutus.

UBrutus. Uza ngasizathu sini?

Isiporo. Ukuza kukuxelela ukuba siya kuhlanguana eFilipi.

UBrutus. Kuhle ke; ndiya kubuya ndikubone? 285

Isiporo. Ewe, eFilipi.

UBrutus. Phofu, ndiya kukubona eFilipi, ke.

/See dukalala isiporo.

Ngoku, ndanokomelamelela umkile nje:

Moyandini ungcolileyo, bendisenokuthetha ngaphezulu nawe.—

Kwedini, Lucius!—Varro! Claudius!—Zinkosi, vukani!— 290

ULucius. Iintambo, mhlekazi, azilunganga.

UBrutus. Yena, ucinga ukuba usadlala.—

Lucius, vuka!

ULucius. Nkosi yam?

UBrutus. Uphuphe ubhomboloza, Lucius?

ULucius. Nkos' yam, andikhumbuli ndilila.

UBrutus. Ewe, ulilile: kukho nto ube uyibona?

ULucius. Ayikho, mhlekazi.

UBrutus. Lala kwakhona, Lucius.—Nkosindini Clau-
dius!— 300

KuVarro! Nkewundini, vuka!

UVarro. Nkosi yam?

UClaudius. Nkosi yam?

UBrutus. Kutheni, zinkosi, nabhonga eouthongweni
benu?

UVar., noClau. Sikwenzile oko sini na, nkosi yam?

UBrutus. Ewe; kukho nto niyibonileyo? 305

UVarro. Hayi, mhlekazi, andibonanga nto.

UClaudius. Ngokunjalo nam, mhlekazi.

UBrutus. Hambani nindibike kumzalwana wam uCas-
sius;

Nimxelele ahle aqalise nemikhosi yakhe,

Thina siza kulandela.

UVarro, noClaudius. Kuya kwenziwa oko, mhlekazi.
/Baphuma.

INDIMA V.

Umboniso I.

Amathafa aseFilipi.

Kungena uOctavius, noAntony, nomkhosi wabo
UOctavius. Hee, Antony, amathemba ethu azalisekile:
Ubuthe utshaba aluyi kuhla,—

Luya kuhlala ezindulini nakwiindawo eziphakamileyo:
Akubonakali kunjalo; imikhosi yalo ikufuphi;

Izimizele ukucweya nathi eFilipi apha, 5
Isihlangabeze nangaphambi kokuba sicele' umngeni kuyo.

UAntony. Suka, ndiyawazi amabhunga abo, ndaye
ndisazi

Nalapho aqulunqwa khona: bangakholwa

Kukutyelela ezinye iindawo; baze bahlasele

Ngokhalipho oloyikekayo, bacinge ngobu bungqabavu 10

Ukuba babethelela ezingqondweni zethu ukuba bakhali-
phile;

Kodwa ke akunjalo.

Kungena isigidimi

Isigidimi. Lungani, zinjengele:

Utshaba luza ngobuvuthevuthe;

Indwe yalo ebomvu ixhonywe phandle,

Ke makubekho into eyenziwayo ngokukhawuleza. 15

UAntony. Octavius, khokela umkhosi wakho ngokuthe
cwaka,

Kwihlelo lokhohlo kumhlaba olele tyaba.

UOctavius. Kwihlelo langasekunene ndim; mayibe ngu-
we ngasekhohlo.

UAntony. Kutheni ukuba undiphikise ngexesha lobubi?

UOctavius. Andikuphikisi; kodwa ndiya kwenjenjalo.

/Wahamba.

Igubu. **Kungena** uBrutus, noCassius nomkhosi wabo;

ULucius, uTitinius, uMessala, nabanye.

UBrutus. Bamile, banqwenela incoko.

UCassius. Yima ungashukumi, Titinius: siya kukhe
siphume sibe nentetho.

UOctavius. Mark Antony, singalubonisa uphawu lo-
bumpi?

UAntony. Hayi, Caesar, siya kwamkela umngeni wabo.

Yiza; iinjengele zinga zinganentetho eziyenzayo. 25

UOctavius. Ungashukumi de benze uphawu.

UBrutus. Amazwi phambi kwamagalelo: kunjalo, zidweshisa zakowethu?

UOctavius. Ingekuko ukuthi sithanda amazwi ngaphezulu, njengoko unjalo.

UBrutus. Amazwi amahle alunge ngaphezu kwamagalelo amabi, Octavius.

UAntony. Kumagalelo akho amabi, Brutus, wenza amazwi amahle 30

Bona umngxuma owenze entliziyweni kaCaesar, Udanduluka, "Mpilonde! Aa, Caesar!"

UCassius. Antony, Ubuni bamagalelo akho abukaziwa; Kodwa ngokwamazwi akho, angaphakula iinyosi zase-Hybla,

Azishiye zingamakhapela. 35

UAntony. Zingaswele lwamvila kunjalo.

UBrutus. Awu, ewe, zingenazandi kunjalo; Kuba ukubile ukubhubhuzela kwazo, Antony, Uze ngobulumkokazi uqobise phambi kokuba usuzele

UAntony. Matshivelandini, anenjanga njalo, xa izinke-mpe zenu ezimdaka

Zazikreqana emacaleni kaCaesar: 40

Nathi hlubu amazinyo ngokweentsimango, nabungezela ngokwezinja,

Nanqwala ngokwamakhoboka, nisanga iinyawo zika-Caesar;

Ngeli xa uCasca oseshweni anjengenja, ngemva.

Ahlaba uCaesar entanyeni. Awu banyhwalazindini!

UCassius. Banyhwalazi!—Ngoku, Brutus, zibulele: 45

Olu lwimi ngelungathuki lwenjenje namhlanje,

Ukuba uCassius kwakuqhutywe ngokoluvo lwakhe.

UOctavius. Yizani, yizani, emcimbini: ukuba ukuxoxa kuyasifudumeza,

Umboniso waloo nto iya kuba kukukujikela kumathontsi abomvu.

Jongani,— 50

Ndiyalikhupha ikrele ukuhlaba abeyelenqe;

Nicing' ukuthi eli krele liya kufakwa esingxobeni salo kwakhona?

Alisokuze, ade amanxeba kaCaesar angamashumi amathathu anantathu

Abe aphindezelwe kanye; kungenjalo ade omnye uCaesar
Abe lixhoba kwikrele labangcatshi. 55

UBrutus. Caesar, akunakho ukufa ngezandla zabanngatshi,

Ngaphandle kokuba babe beziswe nguwe.

UOctavius. Ndithemba njalo;

Andizalelwanga ukuba ndife ngokubulawa likrele lika-
Brutus.

UBrutus. Awu ukuba ube unguyena uzukileyo kwabegazi lakho,

Ndodana, bekungekho ndlela ihloniphekileyo ngaphezulu obungafa ngayo. 60

UCassius. Inkwenkwana yesikolo esileyo, engayifanelanga le mbeko,

Ibambene ngezandla negxulusha nethanda-mihlali!

UAntony. Ise ngulaa Cassius mdala!

UOctavius. Hamba, Antony, sihambe!—

Umngeni, bangcatshi, siyawucela kuni, sijongene nje:

Ukuba ninga ningalwa namhlanje, phumelani ethafeni; 65

Ukuba akunjalo, ngexesha elokholeka kuni.

/Baphuma uOctavius, noAntony, nomkhosi wabo

UCassius. Kungani, ngoku, vuthuza moya, latyuza liza, dada phenyane!

Uqhwithelo luvukile, konke kusengozini.

UBrutus. Heyi, Lucilius! yiv'apha, mandibe nezwi nawe.

ULucilius. Nkos' am?

uBrutus noLucilius banentetha bucala.

UCassius. Messala!

UMessala. Injengele yam ibithetha? 70

UCassius. Messala,

Olu lusuku lokuzalwa kwam; njengokuba kwangolu suku

UCassius wazalwa. Ethe isandla sakho, Messala:

Yiba lingqina lam ukuba, ngokuchaseneyo nentando yam,

**Njengoko wayenjalo uPompey, ndinyanzelelwa eku-
bekeni** 75

Esichengeni sedabi elinye zonke iinkululeko zethu.

Uyazi ukuba ndibambebele ngokomeleleyo kuEpicurus,

Noluvo lwakhe: ngoku ndiyaluguqula uluvo lwam,

Ndiyakholelwa ngeliny' icala kwizinto ezixel' umhlola.

Ekubuyeni kwethu eSardis, kwibhanile yethu ephambili
Kuriwule iinkozi ezimbini ezinamandla, zachopha kuyo,
Zikhonka zisitya kwizandla zamasoldati ethu;

Ezithe zasikhapha ukuza apha eFilipi:

Kusasanje zibalekile zemka;

Ke endaweni yazo kukho amahlungulu, nonomyayi,
nontloyiya, 85

Abaphapha phezu kweentloko zethu, besijongele phantsi,
Ngokungathi silixhoba eliyimilwelwe: izithunzi zabo
zibonakala

Zisisigqubuthelo esithwele ukufa kanye, ekulele phantsi
kwaso

Umkhosi wethu, sewuzinikele ekufeni.

UMessala. Mus' ukukholelwa ukuba kunjalo. 90

UCassius. Ndikholelwa nje kancinane;

Kuba ndihlaziyekile emoyeni ndaye ndizimisele

Ukujongana nazo zonk' iingozi ngokuthe nkqi.

UBrutus. Kunjalo kanye, Lucilius.

UCassius. Ke, Brutus uluzuko lungaka,

Ngamana izithixo ngeli langa zinganobubele, ukuze

Thina bazizihlobo ngexesha loxolo, siyiqhube imihla
yethu kuse ebudaleni! 95

Kodwa njengokuba imicimbi yabantu ingenasiqinisekiso

Masithi sihlelwe kokubi.

Xa sinokuthi soyiswe kweli dabi, eli ke lithuba

Lokugqibela esiya kuthi sithethe kunye:

Uzimisele ukuthini ke? 100

UBrutus. Kwangawo loo mthetho wobo bulumko

Endamgxeka ngawo uCato ngokufa

Awathi wazinika kona:- andazi ukuba njani na,

Kodwa ndifumana ibubugwala nesikizi,

Ukuthi ngokoyika into enokuhla, kuthi ngako oko 105

Kushunqulwe ixesha lobomi:- ndizixhobisa ngonyamezelo

Ukuba ndilinde ukwenza kwamagunya aphakamileyo

Asilawulayo thina ngaphantsi.

UCassius. Ke, ukuba soyisiwe kweli dabi,

Ukulungele ukukhokelwa ngemihlali yoloyiso

Ucandiswa kwizitrato zaseRoma? 110

UBrutus. Nakanye, Cassius, nakanye; mus' ukukhe
ucinge mRomandini uzukileyo,

Ukuba uBrutus angaze aye eRoma ekhonkxiwe;

Unengqondo ephangaleleyo ngokukhulu. Kodwa kwangalo olu suku

Makafeze loo msebenzi ii-Ides zikaMatshi zawuqalayo; Ke nokuba sobuya sihlangane kwakhona andazi. 115

Ngoko ke yamkela umbuliso wethu wanini nanini:

Nanini, nanini, sala kakuhle, Cassius!

Ukuba sibuye sahlangana, sothi sincume ke;

Ukuba akubanga njalo, ngani ke, oku kwahlukana koba kuqhubeke kakuhle.

UCassius. Nanini, nanini, sala kakuhle, Brutus! 120

Ukuba sibuye sadibana, siya kuncuma ngenene;

Ukuba akubanga njalo, kuyinyaniso ukuba oku kwahlukana koba kuqhubeke kakuhle.

UBrutus. Ngani ke, khokela.—Awu, akwaba umntu ebe nokwazi

Isiphelo somcimbi wale mini ngaphambi kokuba sifike!

Kodwa kuyaneza ukuba imini le iya kuphela, 125

Size ke isiphelo saziwe.—Hambani ke sihambe. !Baphuma

Umboniso II.

Kwalapha. Ithafa ledabi.

Intsholo yamaxilongo. Kungena uBrutus noMessala

UBrutus. Phalisa, phalisa, Messala, phalisa, unikezele la maphepha

Emikhosini kwelinye icala eliya:

Yixelele ihlasele kwanguku; kuba ndiphawula

Ubudekedede kwihlelo likaOctavius,

Ke ukubahlasela ngequbuliso kuya kubenza boyisakale. 5

Phalisa, phalisa, Messala: mayihlasele yonke. /Baphuma.

Umboniso III.

Elinye icala lethafa.

Intsholo yamaxilongo. Kungena uCassius noTitinius

UCassius. Awu, khangela, Titinius, khangela, iindlavini ziyabaleka!

Okukokwam ndisuke ndalutshaba kwabam:

Lo mthwali-bhanile wam apha ubephethuka;

Ndalixabela elo gwala, ndayithabatha kulo.

UTitinius. Awu Cassius, uBrutus ukhawulezile ukufunza; 5

Uthe akubona ngathi kumlungele ngakuOctavius,

Wasuka wathakazela: amasoldati akhe aliwela ixhoba,

Ngeli xesha thina sonke singqingiweyo nguAntony.

Kungena uPindarus

UPindarus. Balekelani mgama, nkosi yam, balekelani mgama;

UMark Antony usezintenti zenu, nkosi yam: 10
Sabani, ngoko, Cassius uzukileyo, sabelani kude.

UCassius. Le nduli ikude ngokwaneleyo.—Khangela, khangela, Titinius;

Zingaba ziintente zam sini na eziya ndibona umlilo kuzo?

UTitinius. Zizo, mhlekazi.

UCassius. Titinius, ukuba uyandithanda,
Khwela ihashe lam, uzifake zitshone iziporo zakho kulo, 15
Lide likufikise kuleya mikhosi,
Ubuyele apha kwakhona; ukuze ndihlale ngokuphumla,
ndisazi

Nokuba laa mikhosi yeyezihlobo na nokuba yeyotshaba.

UTitinius. Ndiza kuba lapha, kunjalonje ngephanyazo.
/Waphuma.

UCassius. Hamba, Pindarus, nyukela phezulu kuleya ntaba; 20

Amehlo am selenoratyazo; yalusa uTitinius,
Undazise into oyiphawulayo ethafeni.—

/UPindarus unyuka induli

Ndaqala ukuphefumla ngalo olu suku: olo suku lubuye lwafika,

Ke apho ndaqala khona, kwalapho ndiya kuphetha khona;
Ubomi bam busihlanganisile isangqa sabo.—Nkosindini' ziindaba zini? 25

UPindarus /Ngasentla/ Awu nkosi yam!

UCassius Ziindaba zini?

UPindarus /Ngasentla/ **UTitinius** ungqingiwe ngeenxa zonke

Ngabamahashe, abagqotsileyo ukufunza kuye;—
Ukanti ulalisile ukuphalisa.—Nabo bekwela kuye. 30
Nanko uTitinius!—nabo abanye besihla: Awu, wehla naye.

Uthinjiwe; /ukhwazo/ phulaphula, ke! bahlahlanjiswa luvuyo.

UCassius. Yihla, mus' ukuba sakhangela nto.
Athi ke, igwala endililo, ukuba ndiphile ithuba elide
Ukuba ndibone oyena mhlobo wam uphambili ethatya-
thwa phambi kwamehlo am! 35

UPindarus wehla.

Yiza ngapha, nkosindini:

KwakusePartiya apho ndakuthimba khona ndakwenza umbanjwa;

Ndaza ke ndakufungisa, ekusindiseni ubomi bakho,

Nantoni na endikuyalela ukuba uyenze,

Uya kuyilinga. Yiza ke ngoku, zalisekisa isifungo sakho; 40

Ngoku ke khululeka ebukhobokeni; uze ngeli krele lilungileyo,

Ladlabhuza amathumbu kaCaesar, ugquthagquthe olugaga.

Mus' ukuma uphendula: ina, libambe ngesiphatho;

Buze bakugqutyuthelwa ubuso bam, njengokuba bunjalo ngoku,

Ulijolise ikrele. /uPindarus wamhlaba! Caesar, uphindezelwe, 45

Ngelo krele kanye lakubulalayo. /Wafa

UPindarus Ukutsho, ndikhululekile; naxa bendingathandanga njalo,

Ukuba bekuhambe ngokwentando yam. Awu Cassius!

UPindarus uya kubaleka aye kude lee kweli lizwe,

Apho kungekho mRoma woze amqonde. /Waphuma 50

Kungena kwakhona uTitinius noMessala

UMessala Ngu-ina-ethe nje, Titinius; kuba uOctavius

Woyisiwe ngumkhosi kaBrutus ozukileyo,

Kwanjengokuba imikhosi kaCassius yenjiwe njalo ngu-Antony.

UTitinius Ezi ndaba ziya kumvuyisa uCassius.

UMessala Umshiyephi?

UTitinius. Ematshekile kanye, 55

Ekunye noPindarus ikhoboka lakhe, kule nduli.

UMessala. Asinguye sini na lowa uthe tywaa emhlabeni?

UTitinius. Akalele njengophilileyo. Awu ntliziyo yam!

UMessala. Asinguye lowa?

UTitinius. Hayi, lo ibinguye, Messala,

Kodwa uCassius akasekho.—Awu langa litshonayo, 60

Njengoko utshone ukwimitha yakho ebomvu ngokuhlwanje,

Kwangokunjalo ekwigazi lakhe elibomvu imini kaCassius itshonile,—

Ilanga leRoma litshonile! Imini yethu isangene;
Amafu, imibethe, neengozi ziyeza; izenzo zethu ziphelile!
Uthandabuzo ngempumelelo yam lulo olwenze esi
senzo. 65

UMessala. Uthandabuzo ngempumelelo elungileyo lwe-
nze esi senzo.

Athi ke wena Mpazamo inezotho, mntwana wosizi,
Kungasizathu sini na ukuba ubonakalise kwiingcinga
zabantu ezisoloko

Zikhongozele ukwamkela izinto ezingekhoyo? Awu
Mpazamo, wena uhle ukhawulwe

Akuzanga wazalelwa eluxolweni, 70
Koko ubulala unyoko okuzalayo!

UTitinius. Yini, Pindarus! uphi, Pindarus?

UMessala. Mfuno, Titinius, lo gama ndisaya kuhla-
ngabeza uBrutus ozukileyo, ndigibisela le ngxelo

Ezindlebeni zakhe: manditsho ukuthi, ndiyigibisela; 75

Kuba intsimbi ehlabayo nomkhonto oqatywe ubuhlungu

Uya kwamkeleka ezindlebeni zikaBrutus

Njengodaba lwalo mbono.

UTitinius. Khawuleza, Messala,

Ndoba ndifuna uPindarus lo gama. /Waphuma uMessala
Cassius ukhaliphileyo? 80

Andihlangananga nazo yini na izihlobo zakho? Azi-
sukanga

Zibeke le nkatha yoloyiso phezu kwebunzi lam,

Zindiyalele ukuba ndiyinikezele kuwe? Akuyivanga
sini na imikhwazo yazo?

Yeha, uzitolike kakubi zonke izinto!

Noko ke, jong' apha, yamkela le nkatha phezu kwebunzi
lako; 85

UBrutus wakho undiyalele ukuba ndiyinikezele kuwe,

Ke ndiya kuwuphumeza umyalelo wakhe.—Brutus, yiza
kamsinyane,

Ubone intlonelo endiyibonakalisa kuCaius Cassius.—

Ngemvume yenu, zithixo:- le ke yimfanelo yomRoma;

Yiza, krelendini likaCassius, ufumane intliziyo kaTiti-
nius. /Wazibulala. 90

Intsholo yamaxilongo. Kungena kwakhona uMessala,
noBrutus, nomfana uCato, uStrato, uVolumnius, noLucilius

UBrutus Kuphi, kuphi, Messala, apho ulele khona
umzimba wakhe?

UMessala Jonga phaya; noTitinius ewulilela.
UBrutus. Ubuso bukaTitinius bujonge phezulu.
UCato. Ugwaziwe.
UBrutus. Awu, Julius Caesar, useyingangalala nangoku!
 Umphefumlo wakho usahambahamba, uphethulela ama-
 krele ethu 95
 Kwawethu amathumbu. /Intsholo ephantsi yamaxilongo,
UCato. Khaliphandini Titinius!
 Khangela, ukuba angaba umthwesile na isitsaba uCassius
 ofileyo!
UBrutus. Asekho yini na amaRoma amabini afana
 nala?—
 Intsalela yawo onke amaRoma, ndlelantle!
 Ayinakwenzeka kwakhona into yokuba iRoma ivelise 100,
 Ofana nawe.—Zihlobo, ndiswele iinyembezi ezingaphe-
 zulu
 Ngale ndoda ifileyo, kunezi nindibona ndizikhupha,—
 Ndiya kuzinik' ithuba, Cassius, ndiya kuzinik' ithuba.—
 Yizani, ngoko, niwuthumele umzimba wakhe eTasosi:
 Umngcwabo wakhe awuyi kuba lapha ekampini yethu, 105.
 Hleze usethise amandla.—Lucilius, yiza;—
 Yiza nawe mfanandini Cato; masiye edabini.—
 Labeo noFlavius, funzani imikhosi yethu:—
 Yintsimbi yesithathu; kanti ke maRoma phambi kokuba
 kuhlwe Siya kukhe senze amabona-ndenzile kwidabi lesiomi.
 /Baphuma. 110.

Umboniso IV.

Kwelinye icala lethafa.

Intsholo yamaxilongo. Kungenwa kusiliwa, amasoldati
 emikhosi yomibini; noBrutus, nomfana uCato, noLucilius,
 nabanye.

UBrutus. Kwakhona, zidwisha. Awu, kwakhona zi-
 phakamiseni iintloko zenu!

UCato. Nguwuphi umgqakwe ongenakwenjenjalo? Ngu-
 bani oza kuza nam?

Ndiya kulibhengeza igama lam kwithafa ledabi:—

Ndingunyana kaMarcus Cato mna, hi nje!

Utshaba kwabalawula ngobungqawangangqwili, umhlobo,
 welizwe lam; 5.

Ndingunyana kaMarcus Cato mna, hi nje!

/Wafunza empini.

UBrutus. Ke, ndinguBrutus, uMarcus Brutus, mna;

UBrutus, umhlobo welizwe lam; ndazini ukuba ndingu-
Brutus! /Waphuma, efunza empini, uCato woyisiwe, wajuba.

ULucilius. Awu gatyandini lizukileyo Cato, ungqu-
liwe?

Kutheni, ngoku ufa ngokwekhalipha ngokukaTitinius; 10
Ngamana ungenzelw' imbeko, njengoko ungunyana
kaCato.

Isoldati lokuqala. Zinikele, kungenjalo ufe.

ULucilius. Ndiya kuzinikela kuphela ekufeni:

Yimali engaka ukuba undibulale ngoku nangoku;

/Enikela imali.

Bulala uBrutus, uzifumanele udumo ngokufa kwakhe.

Isoldati lokuqala. Masingenjenjalo.—umbanjwa ozuki-
leyo! 15

Isoldati lesibini. Umtyhi, bo! Xelela uAntony, uBrutus
uthinjiwe.

Isoldati lokuqala. Ndiya kuziphalaza ezo ndaba:- nantsi
injengele.

Kungena uAntony.

UBrutus uthinjiwe, uBrutus uthinjiwe, nkosi yam.

UAntony. Uphi?

ULucilius. Uhleli kakuhle, Antony, uBrutus uhleli ka-
kuhle kanye: 20

Ndiyaniqinisekisa ukuba akukho lutshaba

Luya kuze lumthimbe ephila uBrutus ozukileyo:

Izithixo zimkhusele kwihlazo elingako ukuba likhulu!

Xa nithe namfumana, nokuba uphilile nokuba ufile,

Uya kufunyanwa enguBrutus, isenguye. 25

UAntony. Asinguye Brutus lo, wethu; kodwa, ndiyaku-
qinisekisa,

Umvuzo oxabiso lingengaphantsi kunoku: londoloza lo
mntu ngokunqabileyo,

Menzele bonke ububele; ndinga kanye

Ndinganabantu abalolu hlobo abazizihlobo zam kune-
ntshaba. Hamba ke,

Ukhangele ukuba uBrutus uphilile na nokuba ufile; 30

Usizele nezwi phaya ententeni kaOctavius

Uhlobo izinto ezihamba ngalo. /Bahamba.

Umboniso V

Kwelinye icala lethafa ledabi

Kungena uBrutus, noDardanius, noClitus, noStrato,
noVolumnius.

UBrutus. Yizani zindwayi ziyintsalela yezihlobo, phumlani kweli dwala.

UClitus. UStatilius ukhanyise isibane; kodwa, mhlekazi, Akabanga sabuya umva: kukho ukuba abe uthinjiwe kungenjalo ubulewe.

UBrutus. Hlala phantsi, Clitus: ukubulala ngumnqele; Sisenzo sexesha eli. Khawuphulaphul' apha, Clitus.

/Wamsebezela 5

UClitus. Intoni, mna, nkos' am? Yinqaba, nokuba sendinikw' izwe liphela.

UBrutus. Yithi tu, ke! makungabikho ntetho.

UClitus. Ndingakhetha ukuzibulala kanye.

UBrutus. Khawuphulaphule apha, Dardanius.

/Wamsebezela

UDardanius. Ndingathini ukwenza into enjalo?

UClitus Awu, Dardanius!

UDardanius. Awu Clitus! 10

UClitus. Sisicelo sini esi sibi uBrutus afuna usenze kuye?

UDardanius. Akathi mandimbulale, Clitus. Khangela usezingcingeni.

UClitus. Gxebe, singaba esi sitya sizukileyo sizaliswe lusizi,

Kangangokuba ngoku luphuma nangamehlo.

UBrutus. Yiza apha, Volumnius ulungileyo; ndinqwanel' izwi nawe. 15

UVolumnius. Inga ingathini inkosi yam?

UBrutus. Nants' into, Volumnius:

Isiporo sikaCaesar sizibonakalisile kum

Amaxesha amabini ahlukeneyo ngobusuku; eSardis okunye,

Ke naphezolo, apha kula mathafa aseFilipi:

Ndiyazi ke ixesha lam lifikile.

UVolumnius. Akunjalo, mhlekazi. 20

UBrutus. Hayi bo, ndiqinisekile kunjalo, Volumnius. Uyalibona, Volumnius, ihlabathi indlela eliphatheke ngayo; Iintshaba zethu zisibethe zaya kusifaka emhadini:

/Yatsholo phantsi intsholo.

Kufanelekile kanye ukuba sitsibele kuthi ngokwethu, Kunokuba silinde side sityhalwe. Volumnius ulungileyo, 25

Uyazi wena ukuba thina sobabini saya kunye esikolweni:

Nangenxa yolo thando lwethu lwakudala, ndiyakubongoza,

Bamba apha isiphatho sekrele lam, lo gama ndiza ndibalekela kulo.

UVolumnius. Asimsebenzi wamhlobo lowo, mhlekazi.
/Intsholo yamaxilongo isaqhuba.

UClitus. Baleka, baleka, mhlekazi; akukho kuziziliza apha. 30

UBrutus. Sala kakuhle; nawe; nawe kanjalo, Volumnius. Strato, ube ulele lonke eli thuba;
Sala kakuhle nawe, Strato.—Zidwesha,
Intliziyo yam yonwabile ukuthi kanti kubo bonke ubomi bam

Andifumananga mntu uthe akanyaniseka kum. 35

Ndiya kuba nozuko ngolu suku lokoyiswa,
Nangaphezu koOctavius noMark Antony
Abaya kuthi ngolu loyiso lumdaka balufumane.
Ngoko ke, salani kakuhle kwangoku; kuba ulwimi luka-
Brutus luphants' ukulifeza ibali lobomi bakhe: 40

Ubusuku bulengalenga phezu kwamehlo am; amathambo am anga angaphumla,
Asebenze ukuba ade afumane le yure.

/Intsholo yamaxilongo. Isikhalo ngaphakathi, "Sabani, sabani, sabani!"

UClitus. Saba, mhlekazi, saba.

UBrutus. Phumani! ndiza kulandela.

/Baphuma uClitus, noDardanius, noVolumnius.

Ndiyakubongoza, Strato, nceda inkosi yakho:
Uyinkewu enegama elihle; 45

Ubomi bakho bunesuntswana lembeko kubo:
Bamba, ke, ikrele lam, ubujongise cala limbi ubuso bakho,
Lo gama ndibalekela kulo. Akuyi kwenjenjalo, Strato?

UStrato. Ethe isandla sakho kuqala: sala kakuhle, nkosi yam.

UBrutus. Sala kakuhle, Strato ulungileyo.—Caesar, zola ngoku: 50

Andikubulalanga nangesiqingatha somoya omhle onje ngalo. /Wazigibisela kulo ikrele lakhe, wafa.

Intsholo yamaxilongo. Ayeka. Kungena uOctavius, noAntony, noMessala, noLucilius, nomkhosi.

UOctavius. Ngubani lowa mntu?

UMessala. Ngumntu wenkosi yam.—Strato, iphi inkosi yakho?

UStrato. Ikhululekile kwiimbophelelo zobukhoboka okuzo, wena, Messala:

Abeyisi bangambasa nje benze umlilo ngaye; 55

Kuba uBrutus uzeyise ngokwakhe,

Akukho mntu uya kufumana ludumo ngokufa kwakhe.

ULucilius. Ngoko uBrutus uya kufunyanwa: ndiyakubulela, Brutus,

Ukuba ubuzalisekise ubunyaniso bawo amazwi ka-Lucilius.

UOctavius. Bonke abebekhonzisa uBrutus, ngoku bangakhonzisa mna. 60

Wa nkewu, akuzi kulichitha ixesha lakho nam?

UStrato. Ewe, ukuba uMessala undiyaleza kuwe.

UOctavius. Yenjenjalo, Messala ulungileyo.

UMessala. Ife njani inkosi yam, Strato?

UStrato. Ndibambe ikrele, yaza yona yazigibisela kulo 65

UMessala. Octavius, mthabathe ke alandele wena,

Lowo wenze inkonzo yokugqibela kwinkosi yam.

UAntony. Lo ibinguyena mRoma uzukileyo kubo bonke:

Bonke abenzi-yelenqe, ngaphandle kwakhe kuphela

Bakwenze oko bakwenzileyo ngokumonela ingangalala

uCaesar; 70

Nguye kuphela, ngenxa yengcamango engenabubi,

Nejongele uluntu ngokubanzi, athe wazenza omnye wabo.

Ubomi bakhe bebunobulali, ezo zinto zakha umntu

Bezixutywaxutywe kuye, ngohlobo lokuba iNdalo ibe

nokunqumama

Ithi kulo lonke ihlabathi, "Ibiyindoda le!" 75

UOctavius. Masimphathe ngokobulungisa bakhe,

Ngayo yonke imbeko, simenzele neenkonziso zomngcwabo.

Kwintente yam amathambo akhe aya kulala khona

ngokuhlwanje,

Kanye njengesoldati, alungiswe kakuhle.—

Ngoko, xelela imikhosi izole, simke apha, 80

Siye kwabelana ngeembeko zale mini yolonwabo.

/Baphuma.

Inkcazo yamagama neentsingiselo zawo.

Asiyi kungena kwiincukacha zomdlalo lo, njengoko kuthi kube njalo esiNgesini, kuba nalapho ikakhulu loo nto ibangwa kukudlalisa ngamagama. Sothi ke, sikhe sibonise nokuba kukwigama linve mhlawumbi mabini esikuthethayo esiNgesini. Inguqulo yesiXhosa iyawuphanga umdlalo obo bumnandi. Ezinye ke iindawo ebezingathi zifune inkcazo siya kumbhekisa umfundi kwizicatshulwa ku "Plutarch" kaNorth ekupheleni kwencwadi le. Sothi ke apha sithabathe amagama angaqhelekanga kwabanye abantu.

Kwindima yokuqala, umboniso I, imigca ye-9 de kube ngo-30 kubonakala kukho ingxoxo ende nenobushushu phakathi koMarullus nommi wesibini phezu kombuzo othi, 'Liliphi ishishini lakho?' Ummi uthi, "Cobbler" ethetha ke ngoko umthungi wezihlangu. UMarullus ulitolika ukuba lithetha umntu oliqobola, ongafumananga ngqeqesho nakuliphi na ishishini alenzayo.

Kwakule ndima I: umboniso I, umgca wa-25, **yinyatyhowa**, esiNgesini ufundeka ngale ndlela **with awl**; uze umgca wa-26 ube nala magama **kuko konke** afundeka esiNgesini ngale ndlela **withal**. Nantso ke imizekeliswana embalwa apho isiXhosa siwa phantsi ekudlaliseni ngamagama njengesiNgesi.

INDIMA I:

Ukuthi khamnqa: Ukumangaliswa 1:1:67

Ubuntshembenxa: Ububi 1:1:67.

Ukunyhwalaza: Ukuncoma ngenkohliso, 1:2:75.

Amahlwanisi: Iliqhwa 1:2:99.

Ixubayele: Ibonakala isilwa 1:2:101.

Isathuthwane: Isifo sokuwa 1:2:120

Izaphuselana: Iinto ezingaxel' into 1:2:141

Ukuhlobis' igazi: Ukuqumbisa 1:2:147.

Siluthuthu: Ukuguquka kombala ubangwa kukoyika 1:2:185

Ubungqwangangqwili: Ukuba lukhuni 1:3:92.

INDIMA II & III

Imikhuthuka ijubile: ukuwa kwegora empini, 11:2:24.

Zincethezwa: zingcatshwa, zikhoaliswa. II:1:204.

Umkhwitsi: Umenzi wemilingo II:1:324.

Ukuzincethezela: Ukuzithethelela bucala II:3:12.

Ngokungenasisihla: ngokungenabubi III:1:69.

noAte: Isithixo sobubhojabhoja, ebesitsho umntu ange

ucimele xa aya kwenza okubi. III:1:271.
Ukuchulumacha: Ukuvuya III:2:196.

INDIMA IV & V.

Komgodi kaPlutus: Isithixo sobutyebi IV:3:102
Ubuqothaqikili: Ozindlela zimaqhombonqa IV:3:120
Iinyosi zaseHybla: Le yindawo eseSicily edume ngobusi bayo,
V:1:34-38
Zikhonka: Ukutya ngokuphanga ngokwexhwili: V:1:82.
Igxulusha: Umkhohlisi V:1:62.
Ngumnqele: Into engasothusi mntu ngenxa yokwenzeka
kwayo futhi, V:5:4.

Izicatshulwa kuPlutarch ezifunyanwa ku'Julius Caesar.'

INDIMA I.

“Uloyiso lukaCaesar phezu kwabegazi likaPompey.”
Umboniso I. 36-56.

1. “Le yimfazwe yokugqibela eyaliwa nguCaesar. Kodwa imihlali awayenza eRoma yoloyiso yawakhathaza amaRoma nangaphezu kwayo nayiphi na into awakha wayenza eyiyenye, kuba wayengoyisanga zinjengele zasemzini, nazikumkani ziziindlobongela, kodwa wayetshabalalise onyana beyona ndoda izukileyo eRoma, eyasuka yambathwa ngamashwa. Kuba ke uhlanga lwakhe aye waluvumbulula ngaphantsi, abantu abazange bacinge ukuba kufanelekile ukuba ade achulumache ngamashwa ahlele izwe lakhe, evuyela into anesizathu esinye kuphela angazikhusela ngaso kwizithixo nasebantwini, esisesokuba wayenyanzelekile ukuba enze oko wakwenzayo.” (Ubomi bukaCaesar)

Amagosa “abhunyule imifanekiso.”

Umboniso I. 69-74; umboniso II. 289, 290.

2. Kwakuxhonywe imifanekiso kaCaesar esixekweni, enezitsaba kwiintloko zayo ngokweekumkani. Leyo ke amagosa amabini uFlavius noMarullus, aya ayithula, aza ngaphezu koko akuhlangana nabo bathi baqala ukumbulisa uCaesar njengekumkani abathabatha abafaka entolongweniuCaesar wakhathazeka kuko konke oku, kangangokuba abaphange ukugosiswa kwabo uMarullus noFlavius.” (Ubomi bukaCaesar)

“Theko likaLupercal”

Umboniso I:72; umboniso 2.3-9.

3. Ngelo xesha yayisisikhumbuzo seLupercalia, esasisaziwa kudala ngabantu njengesikhumbuzo sabalusi, esifana kanye nesamaLycaen eArcadia. Kodwa ke nokuba sasinjani na, ngaloo mhla kwakukho onyana beendidi ngeendidi bamadoda azukileyo, udodana, (abanye babo bengabalawuli ngokwabo ababelawula ngoko), olwalubaleka ze lucanda esixekweni lubethe abo luhlangana nabo endleleni ngeentambo zesikhumba ezinoboya bazo, ukubakhwelelisa. Abafazi abazukileyo babesiya ngabom beme endleleni yabo, baze bolule iingalo ukuze babethwe, njengoko abafundi besenjenjalo kwiititshala zabo ukuba babethwe ngoswazi: bezaneza ngelithi njengabantu abanzima baya kubeleka kakuhle; kanjalo abaziindlolo, oko kuya kubenza bakhawule.” (UBomi bukaCaesar).

UCassius uphemelela uBrutus. Umboniso 2.

4. Ngoko ke, uCassius . . . waqala ukuthetha noBrutus . . . uCassius wambuza ukuba uzimisele na ukuba kwindlu yeeNgwevu ngomhla wokuqala kwinyanga kaMatshi, kuba yena uve kusithiwa abahlobo bakaCaesar baya kulishukumisa ibhunga ngaloo mhla, ukuba uCaesar abizwe ngokuba yikumkani yiNdlu yeeNgwevu. UBrutus wathi akayi kubakho. “Kodwa ke xa sithe sabizwa, sithini?” watsho uCassius. “Mna ke okukokwam,” watsho uBrutus, “andizimisele kuthi tu, koko ndiya kukuchasa oko; ndikhetha ukufa kanye kunokuba ndilahlekwe yinkululeko yam.” UCassius njengoko eqavile, walitsibela elo zwi: “Ngokuba,” watsho, “nguwuphi umRoma osempilweni oya kukuvumela ukuba ufele inkululeko yakho? Intoni? akwazi ukuba unguBrutus? . . . qiniseka ukuba ngoncedo lwakho bona (amadoda azukileyo nabemi abalungileyo) bakufuna ngokukodwa, njengomcimbi wabo, ukususa ulawulo lwenkohlakalo, baye bezimisele ukujongana nayo nayiphi na into ngenxa yakho, ukuze uzibonakalise uyindoda ecingeleka ukuba unjalo, nabathemba ukuba uyiyo.” (UBomi bukaBrutus.)

“UCassius lowa ukhangeleka ebhityile, elambile.”

Umboniso II:192-214.

5. “UCAesar naye wayenobukhwele obukhulu ngoCassius, emranela kakhulu: ade wathi okunye kwizihlobo zakhe, ‘Nicinga ukuthi uCassius, uza kwenzani? Andiyithandi inkangeleko yakhe emthwebeshu.’ Okunye xa izihlobo zika-

Caesar zazikhalaza kuye ngoAntonius noDolabella, ukuba bacinga okubi ngaye: wabaphendula wenjenje, “Ngokubhekiselele kulawa matyeba anwele zichazwe zalala, andikhe ndizidube ngawo; kodwa aba bantu babuso bumthwebeshu, bubhityileyo bulambele inyama, ndiboyika kakhulu, “ebhekisa kuBrutus noCassius.” (UBomi bukaCaesar)

UCaesar wala isitsaba esinikezelwa kuye nguAntony kwi-Lupercalia. Umboniso 2:200-52.

6. AmaRoma ngethamsanqa enza isikhumbuzo ekuthiwa yiLupercalia, waza uCaesar ethe wambu ingubo yakhe yoloyiso, wahlala esigqebeni, abekholisa ukwenza kuso iziqhazolo zeentetho ebantwini, waza ke elapho walubukela khona ugqatso lwababaleki... uAntonius wayengomnye wegela lababaleki, wazibeka nxamnye ezinye iinkonzo noqwalaselo lwamasiko aloo nzolo, wabalekela ngakwicala awayekulo uCaesar, ephethe isitsaba esandleni sakhe, nomqhele wobukhosi, obusakuthi ngemihla yamandulo ube luphawu lwa-kudala lobukumkani.

Wathi akufika kuCaesar, wenza ukuba abo bebebaleka naye bamphakamise, waza ke wayibeka inkatha yamagqabi phezu kwentloko yakhe, ebonisa ngoko ukuba ubufanele ubukumkani. Kodwa uCaesar, wabonakalisa ukungathi uyayala, wajika wajonga ngacala limbi. Abantu bavuya ngohlobo lokuba baqhweba izandla. Uphindile uAntonius wayibeka entloko, kwakhona uCaesar wayala, bakuqhubile ke oku ithuba. Ngako nje ukuba uAntonius ayibeke le nkatha phezu kwakhe, abambalwa kubalandeli bakhe bahlahlambe luvuyo: zekuthi kanjalo akuyala uCaesar batsho bonke abantu ukutyhwakraza izandla. Oku kwakungummangaliso ukuba bavume zonke izinto amabusa athi azenze ngomyalelo wekumkani: kanti babengalifuni kangaka igama lokumkani, belicaphukela njengento eze kutshabalalisa inkululeko yabo. UCaesar esemsindweni wathi vumbululu esihlalweni sakhe, waza ekhulula umqala wegawuni yakhe, wayityhila, eyalela nawuphi na ozivayo aze kushunqula intloko yakhe.” (UBomi bukaBrutus)

UCaesar akanazingcamango zibhekephi ngeNdlu yeeNgwevu.

7. “Bakuba bemabele iimbeko ngeembeko kwiNdlu yeeNgwevu, abameli nabaphathi, bekhatshwa lihloko ndiba leeNgwevu, baya kuye kwindawo yembutho, apho wayehleli

ngasesigqebeni seziqhazolo zeentetho, beza kumazisa ngeem-beko abamnike zona noxa abe engekho. Kodwa yena, ehleli zole ebungangamsheni bakhe, ekucekisa ukuphakama bakungenena, ngokungathi bangabantu nje, wabaphendula: 'iimbeko anazo bezifanel' ukuphungulwa kunokongezwa.' Oku akukhathazanga nje Ndlu yeeNgwevu yodwa, kodwa noluntu ngokubanzi, into yokuba abonakalise ukubadela abalawuli ngolu hlobo: de wonke umntu aqubule okwakhe emke edanile. Usuke naye uCaesar emva koko waphakama wagoduka, waza ekhulula umqala wesambatho sakhe wawuthi qheke, wakhwaza izihlobo zakhe wathi, 'umqala wakhe ukhululelwe wonke ubani obenokuthi aze kuwushunqula.' Phezu kokuba wathetha olu hlobo, kuvakala ukuba emva koku ukuzikhusela kubo ubuyatha bakhe, wakubalela oku kuko ukungaphili kwakhe, esithi 'ingqondo yakhe ayisebenzi kakuhle' inesifo sokuwa xa imi ethetha nabantu nje, kodwa ithi ikhathazwe kukududuzela komzimba, nokuthi siba sisiyezi. 'Kodwa oku kwakungeyiyo inene, kuba ngewayeyiphakamele iNdlu yeeNgwevu, kodwa uCornelius Balbus omnye wabahlobo bakhe (masithi umnyhwalazi) akazange amvumele ngelithi: 'Yini, akuzazi ukuba unguCaesar, unani ungabayeki ibe ngabo abakhahlela kuwe!' (UBomi bukaCaesar)

Amashoba okuwa kukaCaesar. Umboniso III:1-78.

8. 'Ngenene isiphelo kulula ukusiboniswa kunosiphepha, wakucinga iimpawu ezingaqhelekanga nezingummangaliso ekuthiwa zabonakala phambi kokufa kukaCaesar. Kuba, sakuthi cha kwimililo eyabonakala esibhakabhakeni, nezithunzela ezabe zinyuka zisihla ebusuku, neentaka ezabonakala emini emaqanda zihleli kwindawo yembutho, ezi mpawu zizonke bezingafanele na ukuqwalaselwa, ngeli thuba lingaqhelekanga zihla ngalo? Kodwa uStrabo ingcali kwezolwazi ibhala ithi, amadoda ngamadoda abonwa enyuka esihla emalangatyeni omlilo: nangaphezu koko kwakukho ikhoboka lamasoldati, elaphosa ilangatye elingummangaliso liphuma esandleni salo, kangangokuba abo balibonayo bacinga ukuba litshile; kodwa wakuba ucimile umlilo akukho ngozi ikhe yabonakala.'

Amaphepha ambongoza' uBrutus esithi 'thetha, hlasela, buyekeza.' Umboniso 2. 319-24; Umboniso 3.142-6; Indima

II. Umboniso I.46-56.

9. Abo ke babenqwenela inguqulo, befuna uBrutus kuphela abe litshawe labo nomlawuli wabo ngaphezu kwabo bonke abanye, babengacingi ukuza kubonana naye ubuso ngobuso bamxelele ngeminqweno yabo, kodwa bathi ngobusuku basasaza iindidi ngeendidi zamaphepha kwisitulo so-Mphathi, apho abonana khona nabantu, ke uninzi lwawo lwalufundeka ngolu hlobo: 'Wena ,Brutus, ulele, akunguye uBrutus wenene.' UCassius akuphawula ukuba uthand' udumo lukaBrutus lukhwezelekile kanye ngala maphepha ovukelo, wamdudulela phambili wamdudula kanye ngenxa yokungaqondani kwakhe noCaesar.' (UBomi bukaCaesar)

10. "Kodwa okukaBrutus, izihlobo zakhe nabemi, ngazo zonke iindlela zokumrwebesha nangeendaba zamare esixekweni, nangamaphepha, zazama ukumzuza ukuba enze oko akwenzileyo. Kuba phantsi kwesithunzi sikakhokho wakhe uJunius Brutus, (owadudulela ngaphandle kweRoma iikumkani) babhala: 'Awu, ukuba bekunokukholeka kwizithixo ukuba ube ubuphila ngoku, Brutus!' ube kwakhona ubulapha phakathi kwethu!' Isihlalo sakhe abesakuhlala kuso ngethuba awayenguMphathi, sasizele ngamaphepha anje: 'Brutus, wena ulele, akunguye uBrutus wenene.'" (UBomi bukaBrutus.)

"Ukuba nje ube unokusizuzela uBrutus ozukileyo abe kwiqela lethu." Umboniso 3:140, 141; 157-64.

11. "Ke ngoku akuba uCassius ezivavanyile izihlobo zakhe, wazikhwezelela ukuba zichase uCaesar: zavuma zonke, zathemōisa ukuba ziya kuthabatha inxaxheba kunye naye, ngoko ke uBrutus waba yintloko yelo yelenqe labo. Kuba bamxelela ukuba umcimbi nelinga eliphakame kangako alifuni nje iziganyololo zamadoda okuxabela ngamakrele, ngaphezu kokuba ufuna amadoda anodumo olufana noluka-Brutus, ukwenzela ukuba wonke ubani, acinge ukuthi ngobukho bakhe nje isenzo abaphezu kwaso singcwele sinobulungisa. Ukuba akangeni kule nto, abo bothi bangene boya ngeentliziyo eziwileyo; baze bathi bakusenza, bazaliswe luloyiko ngaphezulu: kuba wonke umntu uya kucinga ukuthi uBrutus ebengafane'le ukwala ukuba ngomnye wabo, xa umcimbi ube ulungile uthembekile." (UBomi bukaBrutus)

INDIMA II.

“Hayi, masingafungi.” Umboniso I:113-40.

12. “Nangaphezu koku, igama ekukuphela kwalo elinobizo olukhulu likaBrutus layitsala impi eninzi ukuba ivume ukungena kweli yelenqe: eyayingazanga yenza zifungo kunye, kanjalo ayabonisa nakuzilumkela, ingazanga yazi-bopha kanjalo omnye komnye ngezifungo zengqobhoko, bonke bahlala phezu kwayo le nto. (UBomi bukaBrutus.)

“Kodwa uthini ngoCicero, asingekhe simvavanye?”

Umboniso I:141-53.

13. “Babengenakho ukumazisa uCicero ngeli yelenqe, naxa nje wayengumfo abamthanda kangaka bemthembe nakangako: kuba babesoyika ukuthi njengendoda eligwala ngendalo, nesuke ubudala bayenza igwala ngaphezulu, wosuka ajike aziguqule zonke iinjongo zabo, abugalele amanzi ke ngoko ubushushu ababenabo ngomcimbi lo, obufuna wona ukuqhutywa ngenyameko nangokuzilahlela.” (UBomi bukaBrutus.)

UBrutus uyala ukuba uAntony agetyengwe kunye noCaesar.

Umboniso I:155-91.

14. Bonke abebhunga, ngaphandle kukaBrutus, ba-gqiba kule nto, bacinga ukuba bubulumko ukumbulala kanjalo uAntony, kuba wayeyindoda ekhohlakeleyo, neyayingayichasanga ngomphefumlo wayo into yolawulo lobungqwan-gangqwili: nangaphezu koko ngesizathu sokuba wayehlo-nelwe ngamasoldati, kuba wayeqhelene nawo ithuba elide: kanti nangaphezulu ingqondo yakhe yayityekele kwimicimbi ephakamileyo, wayekwanegunya ngelo xesha kuba wayengu-mmeli kaCaesar, Kodwa uBrutus akazange ahambe nolu luvo. Kuqala, wayesithi akukho bulungisa kulo: okwesibini waye-sithi kusekho ithemba lokumwexulela kwicala labo. . . . Ngo-ko ngale ndlela uBrutus wabusindisa ubomi bukaAntony.” (UBomi bukaBrutus.)

UBrutus noPortia. Umboniso I:233-309.

15. Ke uBrutus, owayesazi kakuhle ukuba ngenxa yakhe onke amadoda azukileyo nakhaliphileyo aseRoma azini-kezele ubomi bawo, ebulinganisa ngaye ubukhulu bengozi:

akuphuma endlwini yakhe wayebulungalungisa ubuso bakhe ngohlobo lokuba kungabikho mntu unokuphawula nto idubaduba ingqondo yakhe. Kodwa bakufika ubusuku, abe sendlwini yakhe, ajike abe mntu wumbi: kuba ixhala belisakumvusa naxa angathandi njalo esafuna ukulala, kungenjalo yena ngokwakhe abe kwiingcinga ezinzulu ngalo mcimbi, ehlalutya engqondweni yakhe zonke iingozi ezinokuthi zihle: kangangokuba umkakhe wada wayiphawula into yokuba kukho nto idubaduba ingqondo yakhe, kuba wayengaqhele kuba njalo, nokuba wayengagqibi ukuba nguye.

Umkakhe uPorcia wayeyintombi kaCato . . . Eli nenekazana lalilungile kulwazi lwezobulumko, limthanda umyeni walo kakuhle, linganele kuba nokhalipho nje oluzukileyo, koko lilumkile: kuba lalingakhathalele kumbuza umyeni walo ukuba ukhathazwa yintoni na, de libe nokuzanelisa lona ngokwalo; lathabatha isitshetshana esinje ngezo zisakusetyenziswa ngabachebi beenwele, xa bachuba iinzipho zabantu, laza layalela iimpelesi nabafazi ukuba bakhe baphume endlwini yalo, laza ke lazithi gobho ngaso apha ethangeni, labomvu ligazi: kamsinyane emva koku lahlaselwa yicesina, ngenxa yeliya nxeba. Ke kaloku lakubon' ukuba umyeni walo unxunguphele, engavumi kuzola, naxa laliqaqanjelwa linje, lathetha naye ngolu hlobo: 'Mna, awu Brutus,' latsho, 'ndiyintombi kaCato nje, ndendela kuwe; kungengakuba singambathisana ngengubo kuphela, sibe ngamaqabane ezingubeni nasetafileni nje, kodwa ukuze sityandelane iintliziyo xa kukuhle naxa kukubi. Ke ngelakho icala andifumani sizathu singabanga ukuba konakale intlalo yethu: kodwa ngecala lam ndingazibonakalisa ngayiphi indlela iimfanelo zam kuwe, ndimelwe kukwenza ntoni na ngenxa yakho, ukuba andinakuthi roqo ndithwale iinkathazeko ezisezimbilinini zakho ezifuna ukungadizwa? Ndiyavuma khona ukuba ingqondo yomfazi ibuthathaka ithi ke ingakwazi ukugcina ihlebo: kodwa ke, Brutus, ukuqeqesheka okukuko nokuhlala namadoda esidima kunika amandla okusiguqula isimo esinesiphene esilolo hlobo. Mna ke okukokwam, ndinale nyhweba ngaphezulu, yokuba ndiyintombi kaCato, nomka Brutus. Nangaphezu koko, bendingakholelwa kwezi zinto ngaphambili, kwada kwanguku endithe ndafunda ngamava ukuba akukho buhlungu nantlungu neyaluphi na uhlobo engathi indoyise.' Lathi lisitsho laye libonisa ngenxeba lalo elisethangeni, lamxelela elikwenzileyo ukubonisa ukunyamezela kwalo. UBrutus wothuka akuya

elikuthethayo kuye, waza eziphakamisela ezulwini izandla, wacamagusha kwizithixo ukuba zimphe ufefe lokuba abe nakho ukuyixela imigudu yakhe ngohlobo lokuba abe yindoda emfaneleyo umfazi ozuke njengoPorcia lo: ngoko wazama ukumthuthuzela ngeyona ndlela imnandi anokuyenza.” (U-Bomi bukaBrutus.)

UCaius Ligarius. Umboniso I.311-34.

16. “Ke phakathi kwabahlobo bakaPompey, kwakukho obizwa ngokuba nguCaius Ligarius, owayebekw’ ityala ngu-Caesar ngokuncedisa uPompey, waza uCaesar wamxolela. Kodwa uLigarius akambulelanga kuyaphi uCaesar ngolu xolelo, njengokuba wayexakaniswe nguye ngokuthi ambeke esichengeni sengozi ngenxa yamagunya akhe ogonyamelo; waza ke emphefumlweni wamjonga njengotshaba, nangaphezulu wayeqhelene noBrutus, owayemtyelele ngethuba awayelele engaziva mnandi, wathi kuye: ‘Ligarius, athi ke eli xesha ugula ngalo!’ ULigarius wathi khwaphululu ezingubeni, wambamba ngesandla sokunene, wathi kuye: ‘Brutus, ukuba unamcimbi mkhulu uwuphetheyo onesidima sakho, ke ndiphilile.’” (UBomi bukaBrutus)

Iphupha likaCalpurnia. “Mus’ ukuphuma namhlanje.”

Umboniso 2.1-56.

17. Yena (Caesar) weva umkakhe uCalpurnia, ekobunzulu ubuthongo, ekhala esenza isingqala, eshwaqa into eninzi ebhuda; kuba wayephupha uCaesar egetyengwa... Ngangokuba uthe akuvuka uCaesar kusasa, wambongoza, esithi ukuba kunokwenzeka, makangaphumi endlwini ngaloo mhla, kodwa aluroxisele kwenye imini udibano lweeNgwevu. Aze athi ukuba iphupha lakhe akalinance nganto, akhe aye kubhulisa nakosiyazi abangathi ngonomathotholo babo bamazise okuza kuhla ngelo langa. Ke ngathi uCaesar ngokwakhe wayenoloyiko enanto ayiranelayo, kuba umkakhe uCalpurnia ebengazange abe nazothuso nazinkolo kwada kwayile mini: waza wamphawula ukuba ukhathazekile engqondweni liphupha athe wanalo. Kodwa kwada kwaba ngaphezulu, bakuba osiyazi bethe bakubingelela isilwanyana emva kwesinye, bamxelela ukuba akukho sibakholisileyo: ke wagqiba ekubeni athumele uAntony ayiroxise intlanganiso yeeNgwevu.” (U-Bomi bukaCaesar.)

UDecius Brutus wamcengacenga uCaesar ukuba aye kwiNdlu yeeNgwevu. Umboniso 2:57-107.

18. Kuthe kweli thuba kwangena uDecius Brutus, into kaAlbinus, owayethenjwa kakhulu nguCaesar, kangangokuba kumyolelo wakhe wokugqibela netestamente wamphawulela ukuba ibe nguye indlalifa yakhe, ukanti wayesebhungeni leyelenqe noCassius noBrutus: ke uthe ngokoyika ukuthi uCaesar angayiroxisa indibano ngelo langa, lize iyelenqe lingaphumeleli, wahleka walala kokuthethwa ngosiyazi, wamngxolisa uCaesar, esithi, 'yena Decius uzenze iiNgwevu zakholwa nguye, ke zingamthabatha ukuba ubeziphoxa, ngokukodwa kuba ngecebiso lakhe zidibene, zivuma kanjalo ukumenzela zonke izinto, zimenze ukumkani wawo onke amathanga oMbuso waseRoma angaphandle kweItali, kwano-kuba uya kuthweswa isitsaba kuzo zonke ezinye iindawo elwandle nasemhlabeni. Ngokungaphezulu, ukuba unokuthi ubani azixelele ukuba mazikhwelele kulaa ndawo zikuyo, zize zibuye akuthi uCalpurnia abe namaphupha amahle, ziya kuthini iintshaba zakhe nabo bamnqwenelela ububi, beya kuwathabatha njani wona amazwi ezihlobo zakhe? Ingubani yena onokuboyisela kwenye into ngaphandle kokuba bacinge ukuthi ulawulo lwakhe lolobukhoboka kubo nogo-nyamelo kuye? Ukanti ukuba kunjalo, 'watsho,' ukuba akakholwa lolu suku, bekungalunga kanye aye ngokwakhe, azibulise iiNgwevu, azindululele ke elinye ixesha.' Uthe emva koko wamthi hlasi uCaesar ngesandla, wamkhuphela phandle endlwini yakhe." (UBomi bukaCaesar.)

Artemidorus. Umboniso 3; Indima III. Umboniso 1:3-10.

19. "Omnye owayenguArtemidorus kanjalo, owazalelwa kwisiqithi saseGnidos, igqira lobuchule ekuthetheni ngentetho yesiGrike, owathi ngenxa yomsebenzi wakhe waqhelane namanye amaqabane kaBrutus, waba ke ngoko ufumana ukwazi ngeendawana ezithile zeyelenqe eli lenzelwa uCaesar, weza kuye emphathele isibhilibana, sibhalwe ngesakhe isandla, konke awayefuna ukumazisa kona. Uthe akuphawula indlela umhlobo azithabatha ngayo zonke izicelo ezenziwa kuye, nokuba uthi azigqithise kubantu bakhe ababekufuphi kuye, watyhudisa ukuzisondeza kuye, wathi: 'Caesar, funda esi sikhumbuzo uzifundele, ukhawulezise ukukwenza oko, kuba siphethe imicimbi ebalulekileyo, echukumisa wena ngokukodwa.' UCaesar wasithabatha kuye.

kodwa akazange abe nakusifunda, naxa wazama amaxesha amaninzi nje, ngenxa yabantu abaninzi ababembulisa: kodwa esasibambe njalo esandleni sakhe, esigcine kuye, waya kungena naso kwiNdlu yeeNgwevu.” (UBomi bukaCaesar.)

Unxunguphalo lukaPortia. Umboniso 4.

20. “Kuthe ke kweli thuba, kweza omnye wabantu ba-kaBrutus ekhawulezile kuye wathi nanku umkakhe eqhawuka. Kuba uthe uPortia ngokuxhalaba kakhulu ecamngca ngoko kwakuza kuhla, waza kuba ebuthathaka ukuba angamelana nentlungu engaka ukuba nkulu nebindayo emphefumlweni, akabi nakuzola wazulazula phandle, kodwa esothuswa nayiyiphi na ingxolwana athe wayiva, kanye ngokwabo bathi bothuswe sisivuthevuthe sikaBacchantes; ebuza wonke ubani ovela kwindawo yembutho into eyenziwa nguBrutus, wathi gqolo ngokuthumela izigidimi esinye emva kwesinye, ukuya kuqonda ukuba zithini na iindaba. Kude exesheni ngokuza kade kukaCaesar (njengoko senivile), uPortia akaba nakho ukunyamezela ngaphezulu, wasuka wayoba, akaba nalo nethuba lokungena egumbini lakhe, kodwa wajuba nje phakathi komzi wakhe, apho intetho nengqondo zamshiya khona. Noko ke zibuye zabuya, walaliswa ke ezingubeni, ejongwe ngamaphakathikazi. Uthe uBrutus akuziva ezi ndaba, zamenzakalisa, njengoko bekufanele: kanti ke noko akayishi- yanga imicimbi yesizwe nombuso, akabuyelanga endlwini yakhe, engabuyanga abe seva nto.” (UBomi bukaBrutus.)

INDIMA III.

“Ii-Ides zikaMatshi zifikile.” Umboniso 1:1,2.

21. “Kwakukho siyazi uthile owayemvuse kwanini uCaesar, ukuba alumkele umhla wee-Ides zikaMatshi, (ongoweshumi linantlanu kule nyanga), kuba ngaloo mhla uya kuba sengozeni enkulu. Wakuba ufikile ke umhla lowo, uCaesar uthe xa aya kwiNdlu yeeNgwevu, ethetha ngokukhululekileyo nosiyazi lo, wathi kuye, ‘Ii-Ides zikaMatshi zifikile’: ‘Kulungile kaloku, ‘utsho ngeliphantsi usiyazi, ‘kodwa ke azikadluli.” (UBomi bukaCaesar.)

UPopilius Lena. Umboniso I:13-24.

22. “Enye iNgwevu, ebizwa ngokuba nguPopilius Lena, yakuba ibabulisile uBrutus noCassius ngobubele obungaphezu kokuba ibisakwenjenjalo, yabasebezela, yathi: ‘Ndi-

yacamagusha kwizithixo ukuba ninga ningaphumelela kumcimbi eniwuphetheyo; kodwa ke kuko konke, khawulezisani, ndiyancebisa kuba iqhinga lenu selisaziwa. 'Akuba ekuthethile oku, wakhawuleza washenxa kubo, wabashiya bobabini begubha ngokuthi iyelenqe labo liya kuphutha... Uthe uCaesar akuphuma kuso isingqengqelo sakhe, uPopilius Lena (obekhe wathetha noBrutus noCassius, ebacamagushela ukuba izithixo zinga zingawuqabelisa lo mcimbi) waya kuCaesar, wamgcina ithuba ngencoko. UCaesar wamphulaphula ngomonde: abade abebhunga (ukuba sinokuthi sibabize njalo) bengayiva into ayithetha kuCaesar, kodwa bethelekelela ngoko akhe wabathela tsupha kona, incoko yakhe mayibe ingeyelenqe labo, boyika elowo kubo; baman' ukujongana, kwalula ukuphawula ukuba bonke banengqondo ethi akuncedi nto ukuzilazila kwabo bade babhaqwe, kodwa elowo kubo makazibulale ngezakhe izandla. Baza bathi uCassius nabanye sebezithi hlasi izinkempe zabo phantsi kweegawuni zabo, ukuba bazithi ruthu uBrutus waphawula ubuso nophawu oluthile kuLena, wabon' ukuthi ubezincethezela, engabeki bani tyala, akathetha nto kwiqabane lakhe (kuba bebebaninzi phakathi kwabo abebengengabo bebhunga), kodwa ngobuso obukhululekileyo wathi nyaxa ngoshiyi uCassius. Kamsinyane emva koko uLena washenxa kuCaesar, wanga isandla sakhe: isenzo ke eso esabonisa ngokuphandle ukuba ubephethe umcimbi wesiqu sakhe, lo umthabathe ithuba elingaka." (UBomi bukaBrutus.)

Ukufa kukaCaesar. Umboniso I:27-77.

23. "Njengoko uCaesar wayesiza endlwini, zonke iiNgwevu zema ngeenyawo ukumenzela imbeko. Ke iqela kumaqabane nabanqophisani bakaBrutus lema laraqa isihlalo sikaCaesar, nabanye babo beza kuye, ngokungathi baze kuzincethezela ngokukaMetellus Cimber, ukubuyisa umntakwabo owenziwe ikheswa: nabo benyanzelisa olwabo unce-thezelo, bemlandela uCaesar wada wahlala kwisihlalo sakhe. Usuke wazala izicelo zabo, wabonakalisa ukuxabana nabo ngabanye ngabanye, kuba okukhona wathi wabalela kwaba kokukhona batyhudisayo, bengabuyi mva, wada uMetellus ekugqibeleni wathabatha igawuni yakhe ngazo zozibini izandla zakhe wathi thande ngayo entanyeni, uphawu ke olo ekwakuvunyelwene ngalo ngabanqophisani ukuba aze alwenze kuye. Ke kaloku uCasca owayemvelele ngasemva wamhlaba

ngesinkempe sakhe entanyeni; kodwa ke inxeba alibanga likhulu, lingabanga lilo neloselayo, kuba kucaca ukuba uloyiko lwesi senzo sobusathana lwamenza imasi lwamhlutha amandla, okuba angabi nakho ukumbulala ngenxeba lokuqala. Kodwa uCaesar wajika wafunza kuye, wasibamba isinkempe sakhe ngamandla; baza bobabini badanduluka, uCaesar ngesiLatini: 'Awu mngcatshindini ungcolileyo Casca, wenza ntoni?' waza uCasca, ngesiGrike, ebhekisa kumzalwana wakhe: 'Mzalwana, ndincedise.'

Ekuqalekeni kwesi sovuyevuyeye, abo babekho, bengazi nto ngeyelenqe eli, bamangaliswa ngulo mbono mbi kangaka bawubonayo, baphelelwa nangamandla okubaleka, nawokuncedisa kanjalo, nkqu nawokuba babhonge. Kodwa ke abo babekucebile ukufa kwakhe bamngqinga macala, beqhiwule izinkempe zabo ngezandla, kangangokuba uCaesar angabi nacala aphuma ngakulo, engathanga agwazwe ngomnye, libe ikrele lijongene naye ebusweni, exatyelwa, eqwengwaqwengwa ngabo, ngoko isilwanyana sasendle senjiwa njalo ngabazingeli. Kuba babevumelene ukuba umntu ngamnye kubo aze abe nenxeba lakhe alenzayo: waza ke noBrutus wamhlaba lalinye inxeba. Abantu ke bathi kanjalo uCaesar waba nokuzikhusele kweli qela, ephephaphepha ngapha nangapha nomzimba wakhe, kodwa uthe akubona uBrutus eqhiwule isinkempe sakhe ngesandla, wasuka wabugquma ubuso bakhe nentloko ngegawuni yakhe, akabi senza misampalazo iyeminye, wadudulwa nokuba kungengozi nokuba kungabom liqela labe-yelenqe, waya kutsho kwisiseko sesithombe sikaPompey, esababomvu ligazi wada wabulawa. Ke kucaca ukuba isithombe eso saziphindezela kutshaba lukaPompey, lwakhahlelwa kanye ezinyaweni zakhe, waqhawukela khona apho, ngenxa yamanxeba awayewafumene. Kuba kuthiwa wayenamanxeba angamashumi amabini anantathu emzimbeni wakhe: ke uninzi lwabeyelenqe lwazenzakalisa ngokwalo, ngokuhlaba umzimba omnye amanxeba angako." (UBomi bukaCaesar.)

Isiphithiphithi esixekweni. Umboniso 1:82-98.

24. "Akuba egetyengiwe uCaesar, iiNgwevu (naxa uBrutus wayemi esazulwini sazo, ngokomntu ofuna ukwenza izwi ngale nto ihlileyo) zabaleka zaphuma ngokukhawuleza, zithe ekusabeni, zasizalisa sonke isixeko ngoloyiko lomothuko nobuyaluyalu. Kangangokuba abanye bazivala iingcango zezindlu zabo, abanye babaleka bazishiya iivenkile nezitora

zamashishini, abanye babalekela kule ndawo kanye ukuya kuzibonela ukuba kwenzeka ntoni na: abanye kanjalo ababonileyo babalekela emakhayeni abo kwakhona.” (UBomi bukaCaesar.)

“Sandul’ ukuphuma siye kwindawo yembutho”

Umboniso I:105-21.

25. “UBrutus nabanqophisani bakhe beseshushu lolu tyakatyogazi baphuma kulo, nezinkempe zabo zisaqhiwulwengezandla, baphuma bonke belibubu kwiNdlu yeeNgwevu baya kwindawo yembutho, bengabonakali ngokwabantu abafuna ukubaleka, endaweni yoko babonakala ngokwabazimiseleyo ngobukhalipha, baye bemema abantu ukuba bakhusele inkululeko yabo, besima bathethe naye nawuphi na umntu onegama abathe badibana naye endleleni.” (UBomi bukaCaesar)

Intetho kaBrutus kubemi. Umboniso 2:1-52.

26. “Bathe abantu bakumbona eqongeni, naxa nje babeyingqokelela yeendlobongela zazo zonke iindidi, banemvisiswano yokuba benze intshukumo; kanti ke noko babe-soyika ukukwenza oko, ngenxa yentlonelo yabo kuBrutus, baza ke bazola ukuba bamve afuna ukukuthetha. Uthe akuqala ukuthetha uBrutus bamzolela, naxa kamsinyane emva koko babonakalise ukuba abanele lolu gebengo. Kuba uthe omnye, ogama linguCinna, akuthetha embeka ityala uCaesar, benza ingxolo enkulu, bamngcikiva.” (UBomi bukaBrutus.)

Umngcwabo kaCaesar. Ukufundwa komyolelo wakhe.

Umboniso 2:245-56.

27. “Zona (iiNgwevu) zeza kuthetha ngomyolelo kaCaesar netestamente nangomngcwabo wakhe nengcwaba lakhe. Ke kaloku uAntony, wacing’ ukuthi kuya kulunga itestamente yakhe ifundwe phandle, kwanokuba umzimba wakhe kuya kufuneka ungcwatywe ngokuhlonelekileyo, ingabi yinto efihlwayo, hleze abantu bakhathazeke ngaphezulu xa kuqhutywe ngandlela yimbi. UCassius wayichasa le nkqubo. Kodwa uBrutus wahamba nawo lo moya, wavuma ukuba kuqhutywe ngawo; into ke leyo ebonisa imposiso yakhe yesibini. Kuba imposiso yokuqala wayenza ngokungavumelani nabebhunga ukuba uAntonius abulawe; waza ke wabekwa ityala ngemfanelo lokuba usindise womeleza olona tshaba.

lunamandla lweyelenqe labo. Imposiso yesibini ibe sekubeni avume ukuba umngcwabo kaCaesar uqhutywe ngohlobo olwalufunwa nguAntonius into ke leyo eyonakalisa konke. Kuba indawo yokuqala, xa itestamente kaCaesar ithe yafundwa phandle phakathi kwabo, yabonisa ukuba ushiyele wonke ummi waseRoma iidrachma ezingama-75 umntu ngamnye; kwanokuba imiyezo yakhe namabhoma uyishiyele abantu, awayenayo kweli cala leTayibha, kule ndawo kanye kwakhiwe kuyo ngoku itempile kaThamsanqa: abantu ke bamthanda, baziva belusizi kanye ngenxa yakhe.” (UBomi bukaBrutus.)

Isiqhazolo sentetho kaAntony emngcwabeni.

Umboniso 2:173-201.

28. “Emva koko, uthe umzimba kaCaesar wakuziswa kwindawo yembutho, uAntony wenza isiqhazolo sentetho yakhe yokungcwaba encoma ongasekhoyo, ngokwesiko elidala laseRoma, waza waphawula ukuba intetho yakhe iyawushukumisa umxukuxela lo, waza wayilungalungisa intetho le yakhe ngobuciko ukuze izithunuke ngakumbi iintliziyo zabo; wathi ephakamisa igawuni kaCaesar ibomvu injalo, wayandlala ukuba ibonwe ngabo bonke, ebonisa inani lemingxuma nemigrobho enayo.” (UBomi bukaBrutus.)

Ingqumbo yabemi kwabeyelenqe.

“Tshisani izindlu zabangcatshi.” Umboniso 2:258-64.

29. “Basuke kwa-oko abantu babasemsindweni ongathethekiyo abaphelela apho bafun’ ukwenza into, baphuma ezithubeni, sekunzima ukubazolisa. Kuba abanye babo bandiduluka, ‘Babulaleni abaphalazi-gazi’: abanye bancothula izitulo, iitafle, izihlalo kuloo ndawo yembutho, njengoko babenjenjalo ngaphambili kwingcwaba likaClodius, baza bakuzifumba ndawonye, bazintumek’ umlilo, kanye esazulwini saloo ndawo ingcwele, baza ke babeka phezu kwazo umzimba kaCaesar. Nangaphezu koko uthe umlilo usakuvutha, abanye apha, abanye phaya bathabatha izikhuni ezivuthayo, babaleka nazo besiya kwizindlu zababulali abambuleleyo, beya kuzitshisa. Kodwa ke abebhunga bahle bayibona ingozi baza basaba.” (UBomi bukaBrutus.)

Ukufika kukaOctavius eRoma. Umboniso 2:267.

30. “Ke kaloku imeko eRoma yayimi ngolu hlobo, kwaza kwakho nguqulo ikhoyo, kwakufika igatyana lomfana

uOctavius Caesar eRoma. Wayengunyana womtshana ka-Julius Caesar, athe yena wamthabathela kuye njengonyana wakhe, wamenza indlalifa yakhe, ngomyolelo wakhe woku-gqibela netestamente. Kodwa uJulius Caesar, uyise akhu-tshelwe kuye, ukubulawa kwakhe, waye kwisixeko saseApo-llonia (apho wayefunda khona) emlinde apho kuba wayezi-misele ukuvusa uthuli kumaParthiya: kodwa uthe akuya iindaba zokufa kwakhe, wabuyela kwaseRoma.” (UBomi bukaBrutus.)

UCinna iMbongi. Umboniso 3.

31. Kwakukho imbongi egama lalinguCinna, owaye-ngenanto yokwenza neli yelenqe, kodwa wayesoloko engu-mhlobo kaCaesar: waphupha, kubusuku obungaphambili, ngathi umenywe nguCaesar ukuba aze kutya isopholo naye, nokuba uthe akwala ukuza uCaesar wamjoka, wamnya-nzela; kangangokuba ugqibele ngokumthi chu ngesandla waya naye kwindawo enkulu emnyama, apho athe naxa oyi-kayo nje wanyanzelwa ukuba alandele nokuba umoya wakhe uchasene noko. Eli phupha lamgulisa bonke ubusuku; kanti ke akalinzanga eli phupha akuya ukuba bathwele isidumbu sikaCaesar beya kusingcwaba, waziva eneentloni ukuba angabikho emngcwabeni wakhe, waya endlwini yakhe, wazinyanzela esiqhwini somxukuxela owawubonisa ubundlo-bongela. Kuthe kuba kukho bani ombize ngegama lakhe lokuba Cinna, abantu bamthabatha ukuba ngulowa Cinna owakha kwintetho yakhe yesiqhazolo awakha wayenza, wathetha kakubi ngoCaesar, bamwela ngoko nangoko bese-msindweni, bambulalela kwindawo yembutho.” (UBomi bukaBrutus.)

INDIMA IV.

Intlanganiso yabalawuli abathathu. Ukuphawulwa kwama-babulawe. Umboniso I.

32. “Basuka abathathu bahlangana (uCaesar, noAnto-nius, noLepidus) kwisiqithana esijikelezwe ngumlanjana, benza iintsuku ezintathu bekunye, ke ngokuphathelele kwe-minye imicimbi bahle bangqinelana baza bazahlula zonke iziphaluka zeRoma phakathi kwabo, ngokungathi lilifa labo. Kodwa ke abahlanga baqondane ngamababulawe, kuba yaba ngulowo kubo wanga kungabulawa iintshaba zakhe, kusi-ndiswe izihlobo nezalamane zakhe. Kanti ke ekugqibeleni,

boyisana kwindawo yokuba baziphindezele kuzo iintshaba zabo, bayibeka nxamnye yonke into yokuhlonela izizalwana nobungwele bobuhlobo. Babeka ityala kuma-300 abemi abaphambili baseRoma lokuba babulawe ngokuphawulwa.” (UBomi bukaAntony.)

Ingxabano phakathi kukaBrutus noCassius. Umboniso I.

33. UBrutus, ngesikhalazo esiphuma kubantu base-Sardis, wambek’ ityala wamhlazisa uLucius Pella ngokomntu ombi, owayenguMphathi wamaRoma, negunya elo awayeli-fumene kuBrutus: waza wabekw’ ityala lokuphanga nokuba kwiofisi yakhe. Esi sigwebo akasithandanga uCassius, kuba yena ngokwakhe wayethe bucala (kungeentsuku ngaphi phambi koku) wavusa izihlobo zakhe ezibini, ezazibekwa kwa amatyala alolo hlobo, waza wafumana bengenatyala phambi kwabo bonke abantu: kodwa akazisusanga kwimisebenzi ebeziyenza ngaphambili. Ngoko ke wamngxolisa uBrutus shushu, ukuba azibonakalise engqabalala olu hlobo, ngexesha kanye ebekufanel’ ukubonisa unyamezelo kunokuba izinto zijongwe kabukhali ngolo hlobo. UBrutus, ngelakhe icala waphendula wathi, makakhumbule iiayidsi zikaMatshi, ixesha ke elo ekwabulawa ngalo uJulius Caesar, ongazange a-phange ahluthe ilizwe lakhe, kodwa nje wayengumncethezisi nomnyebelelisi wabo bonke abo babephanga benyangaza, ngobuso negunya lakhe.” (UBomi bukaBrutus.)

Isiphazamiso sembongi. Umboniso 3:129-38.

34. Izihlobo zabo ezazingaphandle kwegumbi, zabeva (uBrutus noCassius) bengxola ngaphakathi, zamangaliswa zoyika kanjalo, ngokuthi ingaze ide iphume entweni ingxolo leyo: kodwa ke babeyalelwe ukuba kungabikho bani uzayo kubo. Engakuse so oko uMarcus Phaonius othile, owaye-ngumhlobo nomlandeli kaCato ngexesha lokuphila kwakhe, wayithabathela kuye into yokuba azenze ingcali yolwazi, engakwenzi oko ngabulumko nakuzihlela izinto, kodwa ngobuhiba obukhulu nobutyhuthutyhuthu: wanyanzelisa ukuba makangene apho egumbini, naxa abantu benza konke ukumnqanda. Kodwa kwakungancedi nto ukumthintela uPhaonius, xa ugezo selumbambe ngentloko: kuba wayengumfo osisityhuthutyhuthu ngohlobo olulodwa, engachith’ixesha nakuyiphi na into ayiphetheyo, engakhathalele nayiphi na iNgwevu kuzo zonke. Ke, naxa wathetha ngamandla we-

njenje ngokwendlela yeqela lobulumko beeCynic (okanye njengokuba singababiza njalo, iZinja) kanti obo budlathudlathu bakhe babungakhathazi bani amaxesha amaninzi, kuba abantu babesuka bamwe ngentsini bakumbona ephambene olo hlobo. Lo Phaonius ngelo xesha, naxa kwakukho abagcini minyango nje, wangena egumbini, waza engxola ehesha nangezandla, wakhohlisa ngabom, wacengceleza izibongo awathi uNestor omdala wazenza kuHomer:

‘Zinkosi zam, ndiyanibongoza ndiphulaphuleni nobabini, Kuba sendibone iminyaka emininzi kunesi sithathu.’

UCassius wamwa ngentsini: kodwa uBrutus wamtyhalela phandle, wambiza ngokuba yinja, nomkhohlisi weCynic. Kodwa ke ukungena kwakhe kwayinqumamisa ingxushungxushu ephakathi kwabo, baza bahlukana.” (UBomi bukaBrutus.)

Ukufa kukaPortia. Umboniso 3:147-57.

35. “OkukaPortia, umfazi kaBrutus, uCicolaus ingcalilwazi noValerius Maximus babhala bathi, yena wayezimisele ukuzibulala (baza abazali bakhe nezihlobo bemjongile ukuba angakwenzi oko) wathabatha amalahle ashushu avuthayo wawaphosa emlonyeni, wawuvala ke umlomo ngohlobo lokuba azifuthanisele.” (UBomi bukaBrutus.)

Umbono wesiporo sikaCaesar kuBrutus. Umboniso 3:274-89.

36. Isiporo esabonakala kuBrutus sabonisa ngokuphandle, ukuba izithixo zikhathazekile kukugetyengwa kukaCaesar. Wawunje umbono: uBrutus owayelungele ukuhamba nomkhosi wakhe ephuma kwisixeko saseAbydos esiya kolunye unxweme olungaphesheya phaya kwakhe, walala yonke imihla ngokuhlwa (kuba oko kwakulisiko lakhe) ententeni yakhe; wathi esahleli ecinga ngemicimbi yakhe (kuba ngokwengxelo wayengumphathi onenyameko waza ke walala nje obu buphezulu) waba uva isandi kumnyango wentente yakhe, waza ecinga ukuba kukukhanya kwesibane esasesiluzizi, wabona umbono ombi womntu, omkhulu ngokumangalisayo, usoyikeka, othe kuqala wamtsho woyika. Kodwa uthe akubona ukuba awumenzi nto, kodwa umi nje ngasemandlalweni wakhe awuthethi nto, ude ekugqibeleni wabuza ukuba uyintoni na. Umbono wamphendula wathi: ‘ndisisithunywa esibi, waye usaza kundibona ngakwisixeko saseFilipi. ‘Ke

uBrutus waphendula kwakhona wathi, 'Kulungile ke, ndiya kukubona ngoko.' Kuthe ke kwangoko isiporo see dukalala kuye." (UBomi bukaCaesar.)

37. "Ke akuba selelungile ukuya eYuropu, ngobunye ubusuku sekuhlwile kanye (xa kwakusekethe nzwanga ekampini) njengokuba wayesententeni yakhe enesibanana esincinane, ecamanga imicimbi emikhulu, waba uva bani uza kuye, wathi ke akuphosa iliso kucango lwentente yakhe, waba ubona umbono ongaqhelekanga, omzimba ubulwanyanara usiza kuye, wathula wee tu. Ke kaloku uBrutus ngokhalipho olukhulu ubuzile ukuba ungubani na, usisithixo na nokuba ungmntu, isisizathu sini na esimzise apho. Isiporo samphendula sathi, 'Ndingumoya wakho ongcolileyo, Brutus: waye usaza kundibona ngakwisixeko saseFilipi. 'uBrutus engasoyiki ngoku, uphendule kwakhona wathi kuso: 'Kulungile ke, ndiya kukubona ngoko.' Isiporo sithe dukalala kwangoko: waza uBrutus wabizela kuye impi yakhe eyibuza ukuba ayivanga ngxolo na, kungekho nanto ikhe yayibona na kanjalo." (UBomi bukaBrutus)

INDIMA V.

UCassius kuMessala. Umboniso I:71-6.

38. "Messala, ndiyakhalaza kuwe, ndaye ndikwenza ingqina lam, ukuba ndinyanzelwa ngokuchasene noluvo lwam nengqondo yam (njengoko uPompey ingangalala wayenjalo) ukubeka esichengeni semfazwe inkululeko yelizwe lethu. Kanti ke noko masiphaphame, somelele, sakucinga ngethamsanqa lethu, esiya kuba silikhathaze kakhulu saku-ngalithembi, naxa silandela icebiso elibi.' UMessala ubhala athi, 'uthe uCassius akwenza la mazwi okugqibela kuye, wamsalisa kakuhle, emnqwenelela ukuba aze kutya naye isidlo sangokuhlwa ngengomso, kuba ibilusuku lokuzalwa kwakhe." (UBomi bukaBrutus.)

Imihlola: iimpembelelo zayo kuCassius. Umboniso I:77-89.

39. "Bakuba beyinyusile ikampu yabo, kweza iinkosi ezimbini, zibhabha ngamandla amakhulu, zachopha phezu kwezona bhanile zabo ziphambili, zaba soloko ziwalandela amasoldati, awazinika inyama azondla, bada basondela eFilipi: apho ke, usuku olunye nje phambi kokuba idabi liqalise, zombini zaphapha zemka... kanti kude kufuphi kwabonakala iintaka zexhoba eziliqela, ezitya izidumbu... umhlo-

Ia ke lowo owenza uCassius waqala kwa-oko ukuluguqula uluvo lwakhe ngokuphathelele kubulumko bukaEpicurus, watsho namasoldati aqhiphuka imibilini. Ngoko ke uCassius utsho akabikho kwinto yokuba le mfazwe iliwe ngedabi elinye, kodwa wacinga ukuba babe buziziliza, bayibambezele ithuba, akucinga ukuba abanamali ingakanani benganayo namikhosi nazixhobo zibhekephi. Kodwa ke uBrutus wayesoloko ngaphambili kanti nangoku, enqwenela ukuba bangene kube kanye emsini, bakwenze oko ngokukhawuleza.” (UBomi buka-Brutus.)

Intsasa yomhla wedabi. Umboniso 1:93-126.

40. Ekuzeni kokusa, indwe yemfazwe yaxhonywa ekampini kaBrutus noCassius, eyayiyibhatyi ebomvu yomkhosi: zaza ke zombini iinkokeli zathetha kunye phakathi kwemikhosi yazo. Apho ke uCassius wathetha kuqala, wathi: ‘Mazisivumele izithixo, Awu Brutus, ukuba ngale mini soyise, ukuze ke emva koku sihlale bonke ubomi bethu ngoxolo omnye nomnye. Kodwa ke njengoko izithixo sezigwebile, ukuba izinto ezinkulu nezona zibalulekileyo phakathi kwabantu azinasiqiniseko ngendlela eyodwa, kwaye ke ukuba idabi libe nasiphumo sisesinye namhlanje esingesiso eso sibe sisingqwenela okanye sijonge sona, asingebuye sibonane, uzimisele ke ukuthini, ukusaba nokuba ukufa?’ Waphendula uBrutus, ndiseyindodana entsha engekabi namava ngelizwe, ‘Ndandikholelwa (andazi ukuba njani na) kuhlobo oluthile lobulumko, endathi ngalo ndamgxeka uCato ndimzindla ngokuzibulala, njengesenzo esingekho ndleleni nesichaseneyo nobuthixo, esizikhathazayo izithixo: nesingawafanele amadoda akhaliphileyo; ukuba angawululameli umthetho ongcwele wezulu, ukuba angathabathi nayiphi na into ekholisa wona ukuba sikwenze, koko siziroxise sibaleke: kodwa ngoku njengokuba sijongene nengozi nje, ndinangqondo yimbi. Kuba ukuba asiyiyo intando kaThixo ukuba uloyiso lube lolwethu kweli dabi, akukho themba limbi ndinalo, kwano kuba ndenze malungiselelo wambi okuqhubela phambili lemfazwe, kodwa ndiya kuziqhawula kweli lizwe lobugxwayiba ndamkele loo meko ndizifumana ndikuyo. Kuba ndabuchitha ubomi bam ngee-Ides zikaMatshi, endiya kuthi ngenxa yoko ndiye kuhlala kwilizwe elinobuqaqawuli obukhulu. ‘Wasuka wawa yintsini uCassius, waza emwola, wathi, ‘Yiza ke, masifunze kuzo iintshaba zethu, sinale ngqo-

ndo. Kuba kukho ukuba soyise kukho ukuba singaboyiki abasoyisayo.’ Emva kwale ncoko, babhungisana nezihlobo zabo ngendlela yokuqhutywa kwedabi.” (UBomi buka-Brutus)

Idabi: ukoyiswa kukaCassius. Umboniso 3:1-8.

41. “UBrutus waboyisa bonke kwelakhe icala, xa yena uCassius wachithwa macala. Kuba akukho nto ibaphelise amandla kunokuba uBrutus angayi kumnceda uCassius, ecinga ukuba akakoyisi njengaye.. Yena (Cassius) waqumba akubona impi kaBrutus ifunza empini, ingalindanga kude ifunzwe, kungekho zwi likhe lathi, ‘Huntshu, nantso ke impi,’ waqumba ngaphezulu ukuba athi uBrutus akoyisa, umkhosi wakhe utsibele amaxhoba, awakunonophela ukurawula elinye iqela eli lotshaba ulivelela ngasemva: kodwa naye ngokuziziliza ithuba, nangaphezu kweenkokeli zotshaba, uCassius wazifumana erawulwe kwihlelo langasekunene ngumkhosi wotshaba yaza ke imikhosi yakhe yamashe yaqhawulisa kwa-oko nantso isinga elwandle ukusindisa obayo ubomi. Kanjalo akubona amagora eenyawo ehlehla, wenza oko kwakusemandleni akhe ukuwanqanda ukuba angabuyi mva, waza wayihlutha ibhanile komnye wababeyithwele owayebaleka, wayibophelela nkqi kwezakhe iinyawo: phezu kwayo yonke loo migudu akabanga nakho ukuwunqanda umkhosi wakhe ekuphasalakeni.” (UBomi bukaBrutus)

Ukufa kukaCassius noTitinius. Umboniso 3:9-90.

42. “Ke kaloku ude uCassius naye ngokwakhe wagqiba ekubeni abaleke, enebathwana ngakuye, asinge kwindulana ekufuphi, ababe nokuthi basingasinge kuyo, babone into eqhubekayo kulo lonke ithafa elo: kodwa ke uCassius yena ngokwakhe akabanga nakubona nto, kuba amehlo akhe ayenoratyazo, ngaphandle kokubona (nakhona ebunzimeni) indlela utshaba olwalutyakatya ngayo ikampu yakhe phambi kwamehlo akhe. Wabona kanjalo umkhosi omkhulu wamashe, owawuthunyelwa, nguBrutus ukuya kuncedisa, wawuthabatha ukuba ngumkhosi wotshaba usabek’ ekhondweni kuye: waza ke ngoko wathuma uTitinius, omnye wabo babe-sele naye, ukuba aye kuqondisisa ukuba ngobani na. Imikhosi yamashe kaBrutus yamalama esemgama, yaza ke yakuqonda ukuba ngomnye weenduna zikaCassius, yakhwaza ngemivuyo; baza abo babeqhelene kakhulu naye behla ema-

hasheni, baya bamwola. Elinye iqela lamfaka phakathi lisakhwele emahasheni, livuma iingoma zoloyiso, kwaza ngokubethana kwemikhala yamashe latsho lonke ithafa lazala yintlokoma yovuyo kwakhona. Kodwa oku kwadumaza konke. Kuba uCassius, ecinga ukuba uTitinius uthinjiwe lutshaba, wathetha la mazwi: 'Ngokunqwenela ukuphila ithuba elide, ndide ndabona noyena mhlobo wam usenyongweni, ethinjwa ngenxa yam, phambi kwamehlo am.'

Emva koko, wangena ententeni ekwakungekho mntu ukuyo, wabizela kuye uPindarus, elinye lamakhoboka akhe awayeligcinele imini enzima enje, ukususela kwimihla yedabi lasePartiya, apho wabulawa khona uCrassus, naxa yena wathi engaqondi wabaleka kolo loyiso: kodwa ke ezigquma ngayo ingubo yakhe, eyityhila intamo yakhe eyijongisa kuPindarus, wamnikela intloko yakhe ukuba ayishunqule. Ngoko ke intloko yafunyanwa isusiwe emzimbeni: ke kaloku ukususela oko uPindarus akabuyanga alanywe kwakhona.... Ekuhambeni kwexesha bawajikile amahashe lawo aza kubo, benakho ukumbona noTitinius ethweswe isitsaba soloyiso, oweza ngokukhawuleza kuCassius. Kodwa uthe akuqonda ukubhomboloza neenyembezi zezihlobo zakhe, ezazizibhuqabhuqa, ngenxa yelishwa elihlele inkokeli yazo uCassius ngenxa yempazamo, waliqhiwula ikrele lakhe, waza eziqalekisa ukuba aphile ithuba elide kangaka wazigwaza apho phandle." (UBomi bukaBrutus)

"Intsalela kuwo onke amaRoma, ndlelantle!"

Umboniso 3:91-106.

"UBrutus ngeli thuba wayeseza, waqonda naye ukuba uCassius woyisiwe: kodwa wayengazi nto ngokufa kwakhe wada wasondela apho ekampini. Uthe ke xa azayo, akuba emlilele uCassius ngokufa, embiza ngokuba yintsalela yawo onke amaRoma, kuba ingenakwenzeka kwakhona into yokuba iRoma ivelise amadoda azukileyo njengale ndoda ikhaliphileyo, wathi umzimba wakhe mawungcwatywe, wawuthumela kwisixeko saseTasosi ngokoyika ukuthi ukungcwatywa kwakhe ekampini apho yakhe kungathi mhlawumbi kuvuse isidubedube. (UBomi bukaBrutus.)

"Ndingunyana kaMarcus Cato mna, hi nje!"

Umboniso 4:2-11.

44. "Kwakukho unyana kaMarcus Cato owabulawa esilwa ngobukrothi phakathi kwamagatyana awayenoburala-

rume. Kuba naxa nje wayedinwe kangaka, ekhathazeke kangaka akakunanzanga oko, walwa ngokwendoda, akabaleka, elahla iingodo kufuphi kuye, ezixela ukuba ungunyana kabani yena, nokuba ungubani na yena, ude ekugqibeleni woyisakala wajuba phakathi kweminye imikhuthuka eziintshaba zakhe, ebijube kufuphi kuye.” (UBomi bukaBrutus.)

Icebo likaLucilius ukuzama ukusindisa uBrutus.

Umboniso 4:14-29.

45. Onke amanene awayebalulekile, ezukile, awayesemkhosini apho abaleka ngokhalipho, ukuya nakuyiphi na ingozi, ukuzama ukusindisa ubomi bukaBrutus: phakathi kwawo kwakukho egama linguLucilius owathi akubona umkhosi wamadoda anobundlobongela onke efunze kuBrutus, wazama ukuwanqanda, naxa asengozini yobomi bakhe; waza wathi akuba eshiyiwe ngasemva, wathi unguBrutus: waza wathi akumkholelwa, wathi makamse kuAntonius, kuba emoyika uCaesar, ethemba kanye uAntonius. Ezi ndlobongela zithe kuba zivuya yile nyweba yazo, zicing' ukuthi zingabantu abonwabileyo, zamgcina ngobo busuku, zathuma bambi kuzo ukuba baye batyele uAntonius ngokuza kwazo. Wavuya kakhulu koku, waphuma eya kubahlangabeza abo beza naye... Bakusondelelana, wathi nqumama uAntonius ecamanga indlela angamphatha ngayo uBrutus. Lo gama kenanko uLucilius eziswa kuye, waye engabonakalisi ngebhe, wathi: “Antonius ndiyakuqinisekisa akukho lutshaba lumthimbileyo, lwaye lungayi kuze lubekho oluthimba uMarcus Brutus ephilile, ndaye ndicamagusha kuThixo ukuba amgcine kuloo nyhweba: kuba naphi na apho afunyanwa khona, nokuba uphilile nokuba ufile, uya kufunyanwa isenguye. Ke mna, ndize kuwe, ndakuba ndiwakhohlisile la makroti andithabatha ukuba ndinguBrutus, ndikulungele ukuyimela nayiphi intshutshiso ongathi uyenze kum.’ Amazwi kaLucilius abamangalisa bonke abathi baweva. Kanti ke uAntonius yena, wathi elongalanga bonke abo beze naye, wathi kubo: “Maqabane am, ndicing' ukuthi nilusizi ngokuwa phantsi kwinjongo yenu, kwanokuba nicing' ukuthi lo mntu unenze into embi kanye: kodwa ndiyaniqinisekisa, nithabathe ixhoba elililo kunelo benisemva kwalo. Kuba endaweni yokuza notshaba nindizisele umhlobo: Enyanisweni ukuba benindizele noBrutus ephila, okukwam andingeze ndanixelela into ebendiya kuyenza kuye. Kuba ndikhetha kanye abantu abanje

njengezihlobo, njengalo mfo, kuneentshaba zam.' Uthe esitsho wabe emwola uLucilius, waza ke wamnikela komnye wezihlobo zakhe ukuba simgcine; uLucilius emva koko wakhonza ngentembeko, wada wafa." (UBomi bukaBrutus.)

Izijingqe zokugqibela zomdlalo. Ukufa kukaBrutus.

Umboniso 5.

46. "UBrutus wacinga ukuthi akukho nani likhulu libuleweyo emfazweni: waza ukuzaneza ukuba inyaniso imiphi na, kwabakho bani owabizwa ngokuba nguStatilius, owathembisa ukuhambahamba phakathi kotshaba, kuba ngaphandle koko kwakunzima ukuya kubona ikampu yalo: ukusuka apho ke, ukuqondisa ukuba zonke izinto zihamba kakuhle, uya kuphakamisa isibane esithubeni, abuyele kuye ngesantya. Isibane saphakanyiswa ngokwesithembiso sakhe, kuba uStatilius waya apho. Ke kaloku uBrutus akubona uStatilius ethabatha ithuba elide kangaka, engavumi kubuya, wathi: 'Ukuba uStatilius uphilile uya kubuya kwakhona.' Kodwa waba nelishwa lokuthi xa abuyayo agangwe ziintshaba zimbulale.

"Ke kaloku kuthe kuba ubusuku bebuse buhambile, uBrutus wathi ethambekela ngakuClitus, omnye wempi yakhe, wamsebezela endlebeni: akaphendulanga omnye koko usuke watsho ukulila. Usuke ngoko walinga uDardanus, wathetha kwa-oko kuye: uphelele ekuzeni kuVolumnius ngokwakhe, wathetha naye ngesiGrike, embongoza ngenxa yezifundo ezabenza izihlobo, ukuba amncedise ukubamba ikrele, ukuze yena azigibisele kulo ukuzibulala. UVolumnius wasala isicelo sakhe, benjenjalo nabanye: kwaza phakathi kwabo, kwakho othi mabangahlali apho, koko mabasabe. Ke uBrutus, ephakama, wathi, 'Masisabe ngenene, kodwa kube ngezandla zethu kungabi ngazo iinyawo.' Waza ke ebulisa umntu ngamnye ngesandla wathetha la mazwi ngobuso obonwabileyo: 'Iyandivuyisa into yokuba kungabikho namnye kwizihlobo zam okhe wandidanisa ngexesha endifuna uncedo ngalo, ke kaloku andizikhalazeli iimeko endikuzo, ngaphandle kokuvela usizi ilizwe lam: mna okukokwam, ndicing' ukuthi ndonwabile kunabo boyisileyo, ndakucing' ukuba ndishiya ngasemva udumo lwaphakade lobulungisa nokuthembeka, iinto ke ezo ezingasayi kuze zifunyanwe ngamandla nangemali; zingenakho nokutsho kwikamva elizayo ukuthi bona njengabantu abakhohlakeleyo

nabangenabulungisa, babulala abantu abalungileyo, ukuze bazuze ngobusela amagunya angengawo wabo.’ “Akuba ekwenzile oku kuthetha, wabongoza umntu ngamnye ukuba akhwelele waza ke yena nababini bathathu kwababo bee gu bucala, kukho kubo uStrato, awaqala ukwazana naye ngokufunda ubugcisa bokuthetha esidlangalaleni. Wamgudla kangangoko wayenakho, waza ethabatha ikrele ngazo zozibini izandla walibamba ngesiphatho wazilahla ke ekudleni kwalo, lamdlabhuza. Abanye bathi akakwenzanga ngokwakhe oko, koko kwenziwa nguStrato (ngesicelo sakhe) ngokubamba ikrele elo, yena ejonge ngacala limbi, waza ke uBrutus waziphosa ngokubalekela kulo, wafa ke kwa-oko....Ke kaloku ke akuba uAntonius ewufumene umzimba kaBrutus, wayalela ukuba usongwe wambathiswe ngenye yeengubo zexabiso zesizwe awayenayo. Emva koku uAntonius waluthumela uthuthu lomzimba wakhe kuServilia unina.” (UBomi buka-Brutus)

“Oyena mRoma uzukileyo kubo bonke.”

Umboniso 5:68-75.

47. “UBrutus, ngenxa yokukhalipha nobulungisa bakhe, wayethandwa kakhulu ngabantu nangabakhe, ehlonelwe zizikhulu, engacatshukelwa mntu, nkqu naziintshaba zakhe; kuba wayengumntu ogazi lihlileyo, embuna, ethanda izinto eziphakamileyo, ungasayi kuze umfumane enamsindo, ethe ti kanjalo yimihlali nakukunyoluka, kodwa wasoloko efumaneke ephethe imicimbi yozuko, engazange wawexulekela kwizinto ezikhohlakeleyo nezingena bulungisa; izinto ke ezo ezamenzela udumo lwakhe, nokunyukela kwakhe, nemvisi-swano ayizuza kubo bonke abantu: kuba bonke babeqonda ukuba iinjongo zakhe zintle....Kuba kwakusithiwa uAntonius akayifihli loo nto amaxesha amaninzi ethetha, ukuba ucinga ukuba kubo bonke abantu ababulala uCaesar, kwakungekho namnye kubo, ngaphandle kukaBrutus owayedudulwa ekwenzeni oko, kuba ecinga ukuthi isenzo sikufanele oko:

kodwa bonke abanye abangcatshi benza iyelenqe ngokufa kwakhe ngenxa yomona nentiyo yabo yeziqo, ababenayo kuye.” (UBomi bukaBrutus)

UMessala noStrato. Umboniso 5:52-67.

48. “UMessala, owayengumhlobo omkhulu kaBrutus, wasuka kamva wangumhlobo kaOctavius Caesar: ngoko ke, kamsinyane, emva koku, uCaesar akuba eswele into yokwenza, weza noStrato, umhlobo kaBrutus, elila esithi: ‘Caesar, bona nanku lowo wenze inkonzo yokugqibela kuBrutus wam.’ UCaesar wamamkela kwa-oko, waza emva koko wamkhonza ngentembeko kuyo yonke imicimbi yakhe njengaye nawuphi na umGrike awayenaye, kwada kwalidabi laseAktiyam.” (UBomi bukaBrutus.)

22 JUN 1970